eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

IGREYIDI 12

MIND THE GAP!

ISIXHOSA

IMIHOBE YESIXHOSA

B Ngombane.

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Downloaded from eduresourceza.com

Second Chance Matric Support Programme

Read to Lead
A Reading Nation is a Leading Nation

Downloaded from eduresourceza.com

ISIXHOSA: IMIHOBE YESIXHOSA

B Ngombane.

IsiXhosa Poetry- ISBN 978-1-4315-3376-3

eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

This content may not be sold or used for commercial purposes.

Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS) Grade 12 IsiXhosa Home Language Mind the Gap study guide for the Poetry *Imihobe yesiXhosa* by B Ngombane.

This publication has a Creative Commons Attribution Noncommercial Sharealike Licence. You can use, modify, upload, download, and share content, but you must acknowledge the Department of Basic Education, the authors and contributors. If you make any changes to the content you must send the changes to the Department of Basic Education. This content may not be sold or used for commercial purposes. For more information about the terms of the license please see: http://creativecommons.org/licenses/by-nc-sa/3.0/.

Copyright © Department of Basic Education 2019
222 Struben Street, Pretoria,
South Africa
Contact person: Ms C. Weston
Email: Weston.C@dbe.gov.za
Tel: (012) 357 4183
http://www.education.gov.za
Call Centre: 0800202933

Acknowledgements

The extracts from the Poetry in this study guide are from *Imihobe yesiXhosa* by B Ngombane.

Mind the Gap Team
Senior Project Leaders: Dr S. Malapile, Ms C Weston
Production co-ordinators:
B. Monyaki, B. Ras, M. Phonela, M. Nematangari
Authors: N. Beyile, NT Mkhutshulwa, P. Somkebe; NP Jaxa, A. January, N. Booi, N. Ndzeku, B, Mtwa
Designer: Page82 Media
Onsite writers' workshop support:
J. Mphidi, V. Magelegeda, P. Hlabiwa, R. Maboye, N. Malope

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Ministerial Foreword

Matsie Angelina Motshekga, MP
Minister of Basic Education

The Department of Basic Education remains steadfastly committed to innovative strategies aimed at enhancing learner attainment. Consistent with the government's commitment in promoting the indigenous languages that form the tapestry of our democratic landscape, this Mind the Gap Self study guide is a concrete demonstration of this commitment.

The release of this self-study guide incorporates all the official African Home Languages focusing on the novel genre at this stage. Not only does the study guide incorporate the African languages, but it also incorporates South African Sign Language Home Language, Afrikaans Home Language and English First Additional Language.

The Mind the Gap Literature Self Study Guide is responding to the broader sectoral reading challenges that the country is experiencing. It seeks to strengthen the following strands of the National Reading Sector Plan: Teacher Development and Support; Direct Learner Support; and Provisioning and Utilisation of the Learning and Teaching Support Materials. Its interactive nature will make it easier for both teachers and learners to read, to learn or study. It is hoped that through this Study Guide, the reading and learning outcomes will be achieved.

Key terminologies are explained or illustrated in a simplified manner and examples of the types of questions as a learner you may expect to be asked in an examination, are included in this study guide. In order to build your understanding, specific questions and possible responses forms part of the study guide package.

The study guide is designed to appeal to any learner offering Grade 12, whether as a part-time or a full-time candidate. Educators in the field will also find it an invaluable resource in their practice.

Every learner is a national asset, all you need now is to put in the hours required to prepare for the examinations and excel!
We wish each and every one of you good luck and success.

MRS AM MOTSHEKGA, MP
MINISTER
DATE: 14 NOVEMBER 2019

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ISIXHOSA MIND THE GAP LITERATURE STUDY GUIDE

ITHEYIBHILE YESIQULATHO

INOMBOLO YESAHLUKO	UMXHOLO	IPHEPHA
	Itheyibhile yesiqulatho	
Isahluko 1	**Intshayelelo eya kubafundi**	1-4
Isahluko 2	**Amagqabantshintshi ngephepha lesiBini:** 2.1 Ubume bephepha lesibini 2.2 Imiyalelo eya kubafundi malunga nephepha lesiBini 2.3 Ingcaciso ngemibuzo emifutshane yesihobe. 2.4 Ingcaciso ngemibuzo emide yesihobe. 2.5 Indlela yokuphendula eli phepha. 2.6 Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo kweli phepha. 2.7 Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo.	5-10
Isahluko 3	**Uhlalutyo lwiSihobe** 3.1 Yintoni iSihobe • Izibongo zomthonyama • Imibongo 3.2 Iindidi zemibongo 3.3 Amagabantshintshi ngencwadi yesihobe 3.4 Isigama esisetyenziswa xa kuhlalutywa umbongo 3.5 Isakhiwo sesihobe 3.6 Imiba ebalulekileyo nemayiqwalaselwe xa kufundwa imibongo	11-20
Isahluko 4	Uhlalutyo lwemibongo emiselweyo 4.1 Inyibiba. 4.2 Ithemba 4.3 Ukwenziwa komkhonzi 4.4 Ingoma kaVelaphi 4.5 Iimbongi 4.6 Unozakuzaku 4.7 Umyolelo wexhego 4.8 Intliziyo yam 4.9 Umlambo 4.10 Umfikazi Charlotte Manyhi Maxeke 4.11 Umkhosi wemidaka 4.12 A! Ngangomhlamba	21-65
Isahluko 5	**Uvavanyo lwemibongo** 5.1 Imzekelo yemibuzo yokuzilungiiselela yemibongo 5.1.1 Imizekelo yemibuzo esisincoko soncwadi neempendulo. 5.1.2 Imizekelo yemibuzo emifutshane yemibongo neempendulo.	66-97
	Incwadi ezisetyenzisiweyo	98
	Isihlomelelo A: Irubriki yokumakisha isincoko sesehobe	99-100
	Imibuzo ejoliswe kubafundi ngesi sisikhokelo	101

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ISAHLUKO 1: INTSHAYELELO EYA KUMFUNDI

1.1 Bhota mfundi webanga le-12

Esi sisikhokelo sokufunda soncwadi esibizwa ngokuba yiMind the Gap esenzelwe ukuncedisana nawe mfundi xa ulungiselela iimviwo zakho zebanga le-12 ukuphela konyaka.
Amaphepha eemviwo zolwimi lwaseKhaya mathathu: Iphepha lokuqala: Ukusetyenziswa kolwimi ngokusemxholweni, Iphepha lesi-2: Uncwadi, Iphepha lesithathu: Ukubhala.
Iphepha lesi-2, Uncwadi luquka ukufundwa kwezi ncwadi zilandelayo: Imibongo, iNoveli/Uncwadi lweMveli kunye neDrama.
Esi sikhokelo sokufunda soncwadi kulwimi lwesiXhosa lwaseKhaya sizakugxila kwiMibongo emiselweyo efundiswa kwibanga le-12 kuphela.
Esi sikhokelo sigxile kwincwadi yemibongo yesiXhosa yebanga le-12 ethi "*Imihobe YesiXhosa*" ebhalwe nguB Ngombane.

1.1.1 Indlela yokusebenzisa esi sikhokelo.

- Kwesi sikhokelo kufumaneka oku kulandelayo:
  - Iingcebiso ezisi-7 eziphambili zokufunda.
  - Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo.
  - Amagqabantshintshi ngephepha lesibini.
  - Imiyalelo eya kuwe mfundi efumaneka kwiphepha loviwo.
  - Ingcaciso ngemibuzo emide nemifutshane nendlela yokuyiphendula.
  - Okulindelwe ngabavavanyi kumfundi xa ephendula imibuzo kweli phepha.
  - Uluhlu lwamagama asetyenziswa xa kubuzwa imibuzo.

1.1.2 Okufundwayo nokufundiswayo kwisihobe

- Iindidi zemihobe
- Amagqabantshintshi ngombhali.
- Intsingiselo engundoqo/yentsusa.
- Intsingiselo efihlakeleyo.
- Imo.
- Umongo nemfundiso.
- Umfanekiso ngqondweni.
- Izafobe.
- Uchongo lwamagama (ingcaciso mazwi)
- Imifanekiso ntelekelelo.
- Ithoni.
- Imiqondiso.
- Iimvakalelo.
- Izitanza, amalungu, iimpawu zokubhala, uphindaphindo, imiqondiso yezandi,
- Imvano siphelo.
- Isingqisho.
- Isifanodumo.
- Injambamenti.

1.2.3 Imizekelo yemibuzo emide nemifutshane

1.2.4 Amanqakwana okuncedisa umfundi.

1.2.5 Isihlomelelo: irubhrikhi yokumakisa isincoko sesihobe

1.2.6 Iincwadi ezisetyenzisiweyo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

	Nika ingqalelo ekhethekileyo.		Imizekelo yemisetyenzana		Ukulandelelana kwemiyalelo.
	lingcebiso ezikuncedisa ukuba ukhumbule isigama esithile ukuze ukwazi ukusombulula ingxaki.		Imisetyenzana enemibuzo emayiphendulwe.	UVavanyo	Jonga kwimibuzo yokuzilungiselela.



1.2 lingcebiso ezisi-8 eziphambili zokufunda.

1.2.1 Cwangcisa ukufunda kwakho ngendlela elula ngokuthi uwahlule umsebenzi wakho ngokweziqedu, Umzekelo iindidi zemibongo neempawu zazo, umoya wembongi/ isingqisho, njalo njalo. Oku kuya kukunceda ukuba uqeqeshe ingqondo yakho igxile.

1.2.2 Thabatha imizuzwana uphumle emva kokufunda isiqendu phambi kokuba ugqithele kwesinye.

1.2.3 Qinisekisa ukuba zonke izixhobo zakho zokufunda ziphelele phambi kokuba uqalise, umzekelo: ipensile, usiba lokubhala, amaphepha okubhalela, njalo njalo.

1.2.4 Zithembe ngesiqu sakho, loo nto iya kukunceda ukuba ingqondo yakho igcine zonke iinkcukacha zokufundileyo.

1.2.5 Ingqondo ifunda lula xa kusetyenziswe imibala kunye nemifanekiso. Zama ukuyisebenzisa kangangoko unakho.

1.2.6 Ukuphindaphinda oko ukufundileyo sisitshixo sokukhumbula iinkcukacha zokufundileyo. Qhubekeka nokuphindaphinda umsebenzi owufundileyo kude kube lula ukuwukhumbula.

1.2.7 Fundisa omnye umntu /ugxa wakho le nto uyifundileyo ukuze ukwazi ukuyikhumbula lula. Iya kukunceda into yokufunda amanqwakwana oko okuzihlaziya ngokukhwaza/ ngokuvakalayo.

1.2.8 Ukulala ngokwaneleyo ebusuku, utye ukutya okusempilweni nokusela amanzi zizinto eziyimfuneko kwingqondo yakho. Ukufundela iimviwo kufana nokuzilolonga kwaye kufuneka ube ukulungele ngokwasemzimbeni, emoyeni nasengqondweni.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.3 Omawukwenze ngomhla wokubhala iimviwo

1.3.1 Qinisekisa ukuba uza nazo zonke izixhobo zokubhala ezifana nepensile, usiba lokubhala, njalo njalo. Qaphela: ukuba isazisi sakho usiphethe kunye neleta yakho echazayo ukuba uvumelekile ukuba uchophele iimviwo. Fika ngexesha kwigumbi lokubhalela, umzekelo iyure phambi kokuba ziqale iimviwo.

1.3.2 Yiya kwigumbi langasese phambi kokuba uhlalele iimviwo ukuze ungachithi ixesha ngokuphuma sele ziqalile iimviwo.

1.3.3 Yazi phambi kokuba ubhale ukuba yeyiphi incwadi oyiphendulayo kuwo onke amaCandelo kweli phepha lesi -2 loncwadi. Sebenzisa imizuzu elishumi ufunde imiyalelo ngokuchanekileyo.

1.3.4 Wufunde umbuzo ngamnye ngokuwuqonda wandule ukuwahlelahlela ukuze uqiniseke ukuba uyayiqonda into ebuziweyo. Jonga amagama angundoqo embuzweni ukuze akuncede ukuphendula umbuzo. Ukuba umbuzo awuwuphendulanga ngokuchanekileyo awusayi kufumana manqaku. Uza kufumana uluhlu lwesigama esisetyenziswa xa kubuzwa imibuzo kwiphepha le-11 kwesi sikhokelo sokufunda.

1.3.5 Sebenzisa ixesha lakho ngokuchanekileyo njengoko ucetyisiwe kwiphepha loviwo. Qala ngombuzo ocinga ukuba uyawazi kodwa uwunombole njengoko unjalo kwiphepha loviwo. Qwalasela amanqaku ombuzo ngamnye ukuze ukwazi ukuphendula ngokomthamo olindelekileyo. Umzekelo; umthamo wombuzo onenqaku elinye awulingani nothamo wombuzo onamanqaku amabini/amathathu

1.3.6 Ingqondo yakho mayihlale izinzile ngalo lonke ixesha nokuba ngaba kukho umbuzo okunika ubunzima xa uqala ukuwujonga kuba kusenokubakho ukunxulumana komnye umbuzo obusele udibene nawo. Xa uxakiwe ngumbuzo, gqitha ukuze ubuyele kuwo ukuba ixesha liyakuvumela. Zama ukuphendula yonke imibuzo kangangoko unakho.

1.3.7 Bhala ngokucocekileyo, ngokucacileyo, ngocoselelo nangokulandelelana ukuze kube lula kubakokrekishi ukufunda iimpendulo zakho.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ISAHLUKO 2

2.1 AMAGQABANTSHINTSHI NGEPHEPHA LESIBINI:

2.1.1 Ubude bexesha lokubhala eli phepha ziiYure ezi**MBINI EZINEMIZUZU ENGAMASHUMI AMATHATHU**. Umviwa kulindeleke ukuba aphendule **IMIBUZO EMIHLANU** kwimibuzo ebuziweyo kwiphepha.

Qwalasela esi sishwankathelo sinamaCandelo amathathu ekulindeleke ukuba awaphendule kwiphepha lesiBINI kuviwo loncwadi gabalala.

ICANDELO A: ISIHOBE **Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.**		
INANI LOMBUZO	**UMBUZO**	**AMANQAKU**
1.	Umbuzo omde	10
	OKANYE	
2.	Umbuzo omfutshane	10
	OKANYE	
3.	Umbuzo omfutshane	10
	OKANYE	
4.	Umbuzo omfutshane	10
	KUNYE **Umbongo ongamiselwanga: Unyanzelekile ukuba uwuphendule lo mbuzo.**	
5.	Umbuzo omfutshane	10
ICANDELO B: INOVELI/UNCWADI LWEMVELI **Phendula umbuzo omNYE kweli candelo.***		
6. Inkawu idliw' ilila	Umbuzo omde	25
7. Inkawu idliw' ilila	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
8. Nyana wam Nyana wam!	Umbuzo omde	25
9. Nyana wam Nyana wam!	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
10. Ukhozi olumaphiko	Umbuzo omde	25
11. Ukhozi olumaphiko	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
12. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli	Umbuzo omde	25
13. Ubuncwane Boncwadi Lwemveli	Umbuzo omfutshane	25
ICANDELO C: IDRAMA **Phendula umbuzo omNYE kweli candelo.***		
14. Buzani Kubawo	Umbuzo omde	25
15. Buzani Kubawo	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
16. Indlal' Inamanyala	Umbuzo omde	25
17. Indlal' Inamanyala	Umbuzo omfutshane	25

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

QAPHELA: KUMACANDELO B no – C, qinisekisa ukuba uphendula umbuzo OMNYE OSISINCOKO nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI EZIZINCOKO okanye imibuzo EMIBINI EMIFUTSHANE.

2.2 IMIYALELO EYA KUMFUNDI

QAPHELA OKU KULANDELAYO MFUNDI:

2.2.1 Eli phepha linamaCandelo AMATHATHU, angala:

- **ICANDELO A**: Isihobe (30)
- **ICANDELO B**: Inoveli /Uncwadi lwemveli (25)
- **ICANDELO C**: Idrama (25)

2.2.2 Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
2.2.3 Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.
2.2.4 Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
2.2.5 Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke: Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE

IMIBONGO EMISELWEYO – Phendula nayiphi na imibuzo EMIBINI.
UMBONGO ONGAMISELWANGA – KUNYANZELEKILE UKUBA UWUPHENDULE.
ICANDELO B: INOVELI / UNCWADI LWEMVELI: Phendula umbuzo OMNYE.
ICANDELO C: IDRAMA Phendula umbuzo OMNYE.

- Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundileyo.
- Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
- Ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C.

Ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C.

Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

- **ICANDELO A:** Malunga nama-40 emizuzu
- **ICANDELO B**: Malunga nama-55 emizuzu
- **ICANDELO C**: Malunga nama-55 emizuz

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.3 INGCACISO NGEMIBUZO EMIFUTSHANE YONCWADI.

- Injongo yokubuza imibuzo emifutshane kukufuna ukuqonda ukuba wena mfundi uyazi kangakanani na imibongo yakho oyifundileyo.
- Xa uphendula imibuzo emifutshane unikwa umbongo.
- Kunyanzelekile ukuba uphendule imibuzo ebuzwe kumbongo lowo uwunikiweyo.
- Ezinye iimpendulo ziyafumaneka kumbongo lowo.
- Eminye imibuzo iza kufuna ulwazi lwakho lokuqonda umbongo igxile kwezi zinto zilandelayo; umyalezo, injongo, imo, umongo, umoya wembongi njalo njalo ukanti eminye iza kufuna uluvo lwakho.

2.4 INGCACISO NGEMIBUZO EMIDE YONCWADI.

- Le yimibuzo efuna impendulo ekwimo yesincoko soncwadi.
- Ubude bempendulo yombuzo omde kufuneka ibengamagama angama-190-240.

2.5 INDLELA YOKUPHENDULA IMIBUZO KWIMIBONGO

Naku omawukwenze	Naku omawungakwenzi
1. Kwimibuzo EMIHLANU oyinikiweyo, khetha imibuzo EMITHATHU ngolu hlobo lulandelayo: • Imibongo emibini efundisiweyo • Umbongo omnye ongafundiswanga nonyanzelekileyo ukuba uwuphendule.	1.Musa ukukhetha imibuzo EMITHATHU kwimibongo efundisiweyo.
2. Fundisisa umbuzo ufumane umxholo wokubuzwayo	3.Musa ukuphendula ungaqinisekanga ukuba kubuzwa ntoni.
3. Kumbuzo osisincoko cwangcisa impendulo yakho ngokuchanekileyo ulandele oku: • Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	3.Ukungacwangcisi kakuhle kuya kwenza ukuba impendulo yakho ingathungelani inamathelane.

QAPHELA: Izinto omawuzigcine entloko xa uphendula esi sincoko soncwadi kwisihobe

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Isincoko soncwadi sesihobe sinamanqaku ali-10. Xa uphendula isincoko soncwadi sesihobe kulindeleke oku kulandelayo mfundi:

IMIQATHANGO	AMANQAKU	OKULINDELEKILEYO
UMXHOLO	**06**	• Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe • Isihloko sitolikwe ngokunzulu • Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe • Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe.
ISAKHIWO NOLWIMI	**04**	• Isakhiwo siyathungelana • Ingxoxo ixongxwe kakuhle kwaye izimvo zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo • Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile. • Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela.
AMANQAKU EWONKE	**10**	

2.6 OKULINDELWE NGABAVAVANYI KUMFUNDI XA EPHENDULA IMIBUZO KWELI PHEPHA.

Abavavanyi balindele iimpendulo zemibuzo emifutshane ezibhekiselele kule miba ilandelayo:

- Ukuqonda **intsingiselo eyintsusa** yombongo.
- Ukubonisa ulwazi lwakho lombongo. **Umzekelo:** Ungabuzwa umongo wesitanza lweempawu zohlobo oluthile lombongo okanye udidi lwawo. Kungenjalo uchaze ukufana okanye ukwahluka kwemiqolo/izitanza ngokomongo okanye isakhiwo sangaphandle.
- Isakhono sakho sokunikezela ngolwazi olungavezwanga ngokucacileyo kwisicatshulwa, usebenzisa oko osele ukwazi ngombongo; Oku kubizwa ngokuba **kukuthatha izigqibo.** Oku kuchaza iindlela ekusetyenziswa ngazo izifobe zentetho. Kungachaphazela ukuqonda komfundi umbongo; ukunika umyalezo, injongo okanye ukuchaza imo yembongi.
- Ukuthatha izigqibo ngemiba ethile yombongo, ubenoluvo lwakho ngokolwazi onalo ngombongo. Le nkqubo **yeyokuphononononga**.
  Umzekelo, umviwa angabuzwa ukuba uyangqinelana na noluvo lwembongi okanye aluchase kungenjalo kuthiwe makaluxhase aluchasechase ezixhaza ngezakhe izimvo.
- Ukukwazi ukuphendula kumbongo ngobuchule bembongi kuchongo sigama. Oku kubizwa ngokuba **kukuncoma ugxeka.**
  Umzekelo, umviwa kungafunwa ukuba anike uluvo lwakhe ngokuthethwa yimbongi malunga nesihloko eso ibonga ngaso okanye isigama esisebenzisileyo ukuveza uluvo oluthile.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.7 Uluhlu lwamagama asetyenziswa kwimibuzo

Umbuzo	Ingcaciso ngokulindelekileyo
Xela	Kulindeleke ukuba unike igama le nto/ le ndawo/ ulwazi olungafihlakalanga okanye ekufuneka ubani alukhumbule.
Nika	Kufuneka ukhumbule iinkcukacha malunga noko kubuziweyo Umzekelo: Nika igama lomlinganiswa owazenza umfundisi wakwalizwi kwaMamQhinebe. Nika intsingiselo yentsusa yegama elibhalwe ngqindilili. Nika (umxholo/imfundiso/umyalezo) walo mbongo.
Khankanya	Kufunwa ukuba unike amanqaku aphathelene nokuthile. Umzekelo: Khankanya zibeMBINI izinto ezenziwe ngumlinganiswa onguSiqhuwu ukulwa nomkhwa wesinyobo.
Caphula	Kufunwa uluthabathe lunjengoko lunjalo ulwazi olufunwa ngumbuzo olukwitekisi ulubeke lunjalo, wakugqiba ulufake kwiimpawu zocaphulo (“ ”)
Chonga/Khetha	Kulindeleke ukuba uluthabathe lunjalo olo lwazi lufunwayo. Umzekelo: Chonga igama (igama elinye) Chonga ibinzana (amagama angamabini nangaphezulu kodwa angabi nasivisa). Chonga isivakalisi (isivakalisi esipheleleyo)
Thiya igama	Kufunwa igama laloo nto ibuzwayo. Umzekelo kunokuthiwa: Thiya igama lesakhi esikrwelelwe umgca ngaphantsi.
Gqibezela/Gcwalisa	Kulindeleke ukuba uvale isikhewu/ ufakele ulwazi olushiyiweyo.
Dwelisa	Bhala uludwe lwezinto ezo zifunwa ngumbuzo/ngokomyalelo wombuzo.
Hlela	Ukuhlanganisa izinto ngokweempawu ezithile ezahluke okanye ezifana ngazo (uzibeke ngokwezintlu zazo), ulandela umyalelo wombuzo. Kusenokufuneka ukwenze oku kwitheyibhile.
Balisa	Kulindeleke ukuba ubalise ibali.
Chaza	Kufunwa inkcaza evakalayo malunga noko kubuzwayo. Isengaba bubume, inkangeleko, indlela eyenzeke ngayo into ethile(ukuba sisehlo/intshukumo)
Cacisa	Kulindeleke ukuba unike iinkcukacha ezihamba nengcaciso ezeleyo malunga noko kubuzwayo. Thathela ingqalelo umthamo wamanqaku ukuze uqonde ubude/umthamo wempendulo elindelekileyo.
Thelekisa	Chonga/veza ukuwahluka nokufana kwezinto/kwemiba emibini.
Yahlula	Kufunwa ukuba wahlule izinto ngokwendlela oyalela ngayo umbuzo
Landelelanisa	Kukubeka ulwazi ngokulandelelana kwalo, ulwawulwa koko kufunwa ngumbuzo. Umzekelo. Landelelanisa ezi ziganeko zingezantsi ngokokwenzeka kwazo ebalini.
Matanisa/ Ngqamanisa	Kufunwa ubeke ulwazi ngokwendlela oluhambelana ngayo kwitheyibhile.
Tolika	Kulindeleke ukuba utyhile intsingiselo usebenzisa ezakho izimvo neengcinga.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Phawula	Kusenokufuneka ukuba ufake amagama kumzobo othile.
Ngqina	Kufunwa ulwazi/ iinkcukacha ezibubungqina obuxhasa loo ngcamango okanye uluvo oluthile.
Tyhila	Kufunwa unike ulwazi oluveza okuthile olububungqina bobunyani boko kuthethwa ngabo.
Phuhlisa	Yenza ukuba okuthile kucace mhlawumbi ngokunika imizekelo okanye ngokuzekelisa okanye ingcaciso.
Hlomla	Cacisa okubuzwayo ngokunika uluvo olusekelwe kwinyaniso.
Cazulula	Kulindeleke ukuba itekisi obuzwa kuyo uyihlahlele, kwingxoxo yakho ukhuphe ubungqina obukuyo obutyhila oko kubuzwayo.
Phononong a	Kufunwa uhlole unike izimvo zakho ugweba usebenzisa uhlalutyo oluthile.
Phicotha	Kufunwa ukuba uvelele macala onke koko kubuziweyo, ugxila kwiinkcukacha ubonisa ubuchule ukungena nzulu, uhlaba amadlala uncoma apho kufaneleke khona.
Bonisa	Kufunwa ubungqina obutyhila ngakumbi, oko kuthile kucace, uxhathisa ngemizekelo engqalileyo nechanekileyo.
Xoxa	Beka ulwazi uluxoxele uzixhasa ngezizathu ezivakalayo nezichanekileyo.
Hlalutya	Kulindeleke ukuba usebenzise izikrweqe zohlalutyo, ubonise ubuchule bokuqiqisisa ukuhluza, ukutolika nokuthatha izigqibo ngomba lowo ubuziweyo
Qinisekisa	Fumana impendulo eqinisekisa okuthethiweyo ngokukhangela ubungqina.
Shwankathela	Kulindeleke ukuba ucangcathe kwiingongoma ezingundoqo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ISAHLUKO 3

Uhlalutyo lwesihobe esimiselweyo kwincwadi: Imihobe YesiXhosa: B. Ngombane

3.1 Yintoni isihobe?

UB. Ngombane kule ncwadi yakhe uthi: Isihobe luhlobo loncwadi olukhupha imbilini yomntu ngohlobo olusuka emxhelweni. Luncwadi oluzoba uthando, uvuyo, uncomo, ubukhalipha, unyembo, usizi, ubuhlungu, intiyo.

ENYE INKCAZELO NGESIHOBE

- Luncwadi olubhalelwe ukuvakalisa uthando, intlungu, ukunika izimvo njl.njl.
- Imbongi isebenzisa isingqisho, izafobe nezikrweqe, imifanekiso ntelekelelo, izixhobo zesandi kunye nolwimi oluchukumisayo ukuxhokonxa iingcinga kunye nomdla kumfundi wayo.
- Lunokubhalwa ngeendlela ezithile (kuqheleke ukusebenzisa imigca okanye izitanza).

3.1.1 IZIBONGO ZOMTHONYAMA/ ISIBONGO

- Ludidi lombongo olungacwangciswayo koko imbongi yomthonyama isuka idanduluka ngenxa yovakalelo okanye ihlombe, ibonge.
- Kubongwa izinto zasendalweni, izinto ezilixabiso esizweni, iinkosi, amaqhawe namaqhawekazi, izilwanyana neziganeko ezithile.
- Imbongi isebenzisa uhlobo lwesigama esingaqhelekanga, esityhila isimo somntu, ubume bento leyo ibongwayo kwaye iyazakhela amagama. Oku kukuba iimbongi ezi zingoovimba benkcubeko nolwimi.
- Kuxhaphake ukuba isebenzise amagama ambaxa, izafobe ezinjengesikweko, isifaniso, nesihlonipho.
- Indlela yokuwuqala: Imbongi iboleka iindlebe ngokudanduluka yenjenje; Ho-o-o-oyina!/ Vi-i-i-ityo!/I-i-i-inzwi!, nezinye ngokuxhomekeke kwimbongi leyo.
- Iindlela zokusiphetha isibongo: Ncincilili-i-i-i! / Ndee-e tshoni! Tatalahote! Nezinye. Yakutsho imbongi iyawisa, ngalinye igqibile.
- Isibongio sidla ngokubaneendidi ngeendidi zophondaphindo, sikwaxhathisa ngezithethantonye.
- Isingqisho esingacwangciswanga lolunye lophawu oluxhaphake kakhulu.
- Izitanza zinemiqolo engalinganiyo kanti ezinye izibongo azinazitanza kwaphela.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.1.2 IMIBONGO

Yimihobe engabantu okanye zonke izinto ezimntwisiweyo nangezinto neziganeko ezithile.

3.2 IINDIDI ZEMIBONGO



3.2.1. Umbongo mbaliso:

- Lo mbongo ubalisa ngesiganeko esakha senzeka ibayimbali okanye ubomi bomntu.
- Ibasisiganeko esinye ekubaliswa ngaso.
- Nangona kubaliswa ibali kolu hlobo lombongo, kufuneka ubhalwe ngohlobo lwesihobe ubonakalise ubuqhawe, isihlekiso, uchukumiseko, ummangaliso othile nokushukuxana okuthi kudale unxunguphalo okanye usizi, nalo naluphi na uvakalelo.
- Uneempawu zebali ezinjengabalinganiswa, isimo sentlalo, impixano, umbalisi, neploti.
- Olu hlobo lombongo lahluka kwilirikhi ngokuba lona alugxili kwiimvakalalelo kodwa kwiploti.

3.2.2 Isimbambazelo/ I-eleji/ Umbongo sikhuzo:

- Olu uhlobo lombongo oludandalazisa iimvakalelo neengcinga.
- Olu didi luthuthuzela abantu ababhujelweyo/ lukhapha ababhubhileyo.
- Nangona luthuthuzela nje lunokusebenzisa nasiphi na isimbo sokubonga.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Lugxila kwimisebenzi emihle nazibalule ngexesha esaphila.
- Ngumbongo onokubonisa ilahleko kwisizwe, kwimbongi ngokufa kwakhe loo mntu.
- Imbongi yenza isimbonono sesikhalo esidizwa sisigama esisebenzisileyo.
- Ingabuza imibuzo entsonkothayo ngobomi nokufa.
- Ingavakalisa umsindo ngokulahlekelwa.
- Ngalinye, lo mbongo usisijwili sokulahlekelwa ngumntu onexabiso eluntwini.

3.2.3. Isonethi:

- Lo ngumbongo ochukumisayo ngeemeko zomxhelo. Ingumjelo wokuvakalisa uvakalelo lwembongi ngombandela othile ngeyona ndlela imfutshane.
- Unemiqolo elishumi elinesine.

3.2.3.1 Iindidi zeesonethi

- **Isonethi yamaNgesi/ ekaShakespeare**
  - Ineekwatreni ezintathu
  - Nekhaphlethi enemvano-siphelo efanayo (**engasoloko ikho esiXhoseni**)
    - Iikwatreni zinokuthi kanti zinika imizekelo emithathu yomcamango othile
    - Iikwatreni zinokuthi kanti zinika iziganeko ezithathu zoluvo oluthile
    - Iikwatreni zinokuthi kanti zibonisa iimbono ezintathu ngento enye.
    - Isingqi sayo singu abab cdcd efef gg
- Umzekelo wesonethi kule mibongo imiselweyo kwelibanga ngumbongo othi

- **Intliziyo**
- **Eyesitaliyane/ ekaPertrarch**
  - Yenziwa yi Okthevu kunye nesestethi (kwatreni nekhaphlethi)
  - Isibhozo sokuqala semiqolo sibizwa ngokuba yi-okthevu eyandlala udaba oluthile/ ingxaki ethile
  - I-okhthevu inale mvano siphelo: abbaabba
  - Isithandathu semiqolo sibizwa ngokuba yisestethi ephuhlisa umcamango othile, isiza nesisombululo.
  - Isestethi inale mvano siphelo: cdecde
  - Isestethi iyahlulwa, isine sokuqala sibizwa ngokuba yikhwatreyin, isibini sokugqibela sibizwe ngokuba yikhaplethi.

3.2.4. Umbongo nkcazo:

- Ngumbongo apho imbongi ichaza ngomba othile nokuba zizilwanyana, indalo, amaxesha onyaka, njalo njalo.
- Olu didi lombongo lucacisa umxhelo wembongi ngemeko ethile okanye ngento ethile.
- Lusebenzisa amagama adala imifanekiso ntelekelelo nemifanekiso ngqondweni.
- Lo mbongo ugxile ekuchazeni, awudli ngakuthunuka zimvakalelo.

3.2.5. Indumasiso:

- Ngumbongo omde kakhulu obalisayo, oqulathe iqela leziganeko, udelo ngozi, namanzithinzithi anxulumene negorha elingundoqo wembali leyo.
- Ungabalisa ngentlekele eyehlayo yashukumisa ilizwe, isizwe okanye ihlabathi jikelele yashiya umtshithi embalini.
- Ukholisa ukuqala ngokubeka umxholo kwaye usebenzisa amagama anika inkcaza etyhila ubume nobunjani endaweni yamagama abantu neendawo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Unganazo neentetho ezinde, ubaxo, nofaniso kwaye unesigama esindilekileyo.
- Ikholisa ukuxwaya imfundiso engqongqo ehamba neziyalo.
- Umxholo wayo ubamalunga nomba ongundoqo wentlalo kuluntu jikelele.

3.2.6. Ibhaladi:

- Ubalisa obalisa ibali obhalwe ngolwimi oluqhelekileyo nolulula.
- Ukholisa ukuba nophindaphindo, ngakumbi impinda eyahlulahlula ibali.
- Ukhe ubenayo nengxoxo.
- Mandulo lo mhobe wawuyingoma yokuxhentsa, ekuhambeni kwamaxesha waba ngumhobe obalisayo.
- Ibali lidla ngokuqala ngezothando okanye ngobugorha ukuze liphele ngentlekele.
- Kukho imvakalelo yengoma nethi yenze uvakalelo lomoya ngamandla
- Ubanesingqisho esikholisa ukuba ngu-abcb/abab

3.2.7. Ilirikhi/ Umhobe bungoma:

- Uvakalisa imizwa yomntu neengcinga.
- Lo ngumbongo omfutshane odla ngokubhalwa ngokweembono zomntu wokuqala.
- Ugxile ekuvakaliseni imvakalelo nomoya othile.
- Ngumbongo ongabalisiyo, obungoma kodwa uchume ngeemvakalelo.
- Usenokuba ngothando, ukufa okanye ukulahlekelwa kokuthile.

3.2.8. Umbongo oncomayo:

- Apha kulo mbongo kunconywa into ethile okanye umntu othile.
- Apha kugxininiswa kwizinto okanye kwizenzo ezihle kuphela.
- Olu hlobo lwahlukile kwizibongo kuba lona alwenziwa sidlangalaleni, lunokubhalwa phantsi kuphela, kwaye lulandela isimbo sesihobe sanamhla

3.2.9. Umbongo ntlekisa / isathaya:

- Ngumbongo olungisa isiphene okanye isihlava esithile ebantwini okanye kuloo mntu uthile.
- Kusetyenziswa uhlekiso kugxekwa kugxijwa ukuze loo mntu aziqonde, alungise amanxele wakhe

3.2.10. Umbongo Ntyilazwi:

- Ngumbongo ongemiba yenkolo neenkolelo.
- Inokuba bubuKrestu okanye izinto ezinxulumene namasiko nezithethe, izinyanya njalo njalo.

3.2.11. Umbongo sikhalazo/wopolitiko nonkwintsho:

- Ngumbongo osisijwili sokunganeliseki nokuhlutshwa yimeko ethile.
- Kulapho imbongi ivelisa ilizwi lokhalazo malunga nomba othile.
- Inokukhalazela umbuso ophetheyo, isimo esithile kubantu abathile, ukulahlwa kwamasiko nezithethe okanye ukutshintsha kwenkcubeko neemeko zasentlalweni.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.3 AMAGQABANTSHINTSHI NGENCWADI YESIHOBE

Le ncwadi yingqokelela yemibongo ebhalwe ngababhali abahlukileyo nethe yahlelwa ngu B Ngombane ze yapapashwa liziko elibizwa ngokuba yiMarang Publishers ngonyaka wama-2015.

Kule theyibhile ingezantsi luluhlu lwababhali, imibongo abayibhalileyo kunye neendidi zemibongo emiselwe ukufundwa ngabafundi bebanga-12.

Umbhali	Isihloko sombongo	Udidi lombongo
JJR Jolobe	Inyibiba	Ngumbongo nkcazo
	Ukwenziwa komkhonzi	Ngumbongo wopolitiko/wonkwintsho/sikhalazo
	Ingoma kaVelaphi	Ngumbongo wopolitiko/wonkwintsho/sikhalazo
	Umlambo	Ngumbongo nkcazo
SEK Mqhayi	Umfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke	Yi-eleji /sisimbambazelo/ngumbongo sikhuzo
	A! Ngangomhlaba	Ngumbongo wopolitiko/wonkwintsho/sikhalazo
	Umkhosi wemidaka	Sisibongo
	Ithemba	Ngumbongo nkcazo
ZS Qangule	Iimbongi	Yisonethi
	Unozakuzaku	Ngumbongo nkcazo
C Nqakula	Intliziyo yam	Yisonethi
	Umyolelo wexhego	Ngumbongo nkcazo

3. 4 ISIGAMA ESISETYENZISWA XA KUHLALUTYWA UMBONGO

Xa kuhlalutywa/kutolikwa/kufundwa umbongo kusetyenziswa esi sigama silandelayo.

Isigama	Ingcaciso
Intsingiselo yentsusa/yengcalo/engafihlakalanga	Yeyegama ngokwentsusa kwimveli yolwimi, eyona ilula ukuyiqonda.
Intsingiselo efihlakeleyo	Yintsingiselo enqaqhelekanga yegama, exhomekeka ikakhulu kumxholo elisetyenziswe kuwo. Umzekelo. Unomqala kanene uNomsa, akaphoswa zisusa-(unyolukile)
Umfanekiso ngqondweni	Imizwa (*senses*)evuselelwa ngamagama asetyenzisiweyo: Xa unga uyayibona into ekuthethwa ngayo-Ngumfanekiso ngqondweni **weliso/wokubona**. Xa unga uyayiva ezindlebeni -Ngumfanekiso ngqondweni **wendlebe/wokuva**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

	Xa inga uyayiva ngesikhumba/uyiphatha (ikurheca/hlaba/gudla)-Ngumfanekiso ngqondweni **wesikhumba/wokuphatha** Xa uyiva ngathi uyayirhogola/iyakunukela ezimpumlweni-**Ngoweempumlo/ wevumba** Xa uyiva ngathi uyayinambitha emlonyeni ngolwimi-Ngumfanekiso ngqondweni **wencasa/wokunambitha.**
Umfanekiso ntelekelelo	Yingcaciso le yenza ukuba kudaleke umfanekiso ngqondweni (le ichazwe ngentla), ukuqaqambisa okuthile
Umxholo/ kunye nomyalezo	Umxholo ngumcamango ongundoqo wetekisi. Ludaba aluzisayo umbhali/imbongi. (le nto isixelela yona ngomba othile. Umyalezo: Koku kugqithiswa yimbongi kunxulwe ngumxholo.
Umoya oziswa yimbongi	Ngumoya wovakalelo ubani awufumana ngokufunda umbongo (itekisi). Udalwa sisigama esisetyenzisiweyo, isimo sentlalo nemifanekiso ntelekelelo ethunuka uvakalelo oluthile kulowo ufunda umbongo. Injongo kukuhlokoza iimvakalelo nemizwa yomfundi. Ngalinye, yindlela ophela uziva/uvakalelwa ngayo wena mfundi wombongo.
Ithowuni/ithoni	Idizwa luchongo sigama esisetyenziswe yimbongi kunye neenkcukacha ezibekayo ezityhila **indlela imbongi ewubona ngayo nevakalelwa ngayo yona** ngomba ebonga ngawo.
Imfundiso	Sisiyalo athi ubani aphume naso akuba efunde itekisi, esayame kumxholo wombongo/wetekisi

Izafobe zentetho

- Zizangotshe zokuthetha ezisetyenziselwa ukunonga ulwimi lwesithethi/ lombhali. Isebenzisa amagama/ ulwimi oluqhelekileyo ngendlela efihlakeleyo.
- **Isifaniso:** Sisafobe esithelekisa izinto ezimbini ezahlukileyo, ezinophawu oluthile ezifana ngalo ngokobume, inkangeleko, isimo okanye ngokwezimbo. Ngaxa limbi luyaxelwa olu phawu okanye lungaxelwa. Sisebenzisa amagama angala: ngoku kwe; ngokwe-; njenge-; okwe-; oku kwe-; ngathi-, ngokufana-; fana-; nezinye.
- **Isikweko:**
  Sisafobe esizalana nesifaniso koko sona sisuka sithi loo nto ifana nenye yiyo. Ukuba ubani unevumba elibi. Isikweko sisuka sithi: Liqaqa
- **Isihlonipho:**
  Sisafobe esisetyenziswa ngakumbi xa ubani aphepha ukusebenzisa ulwimi olurhabaxa, ukuqumba isenzo okanye isimo esimasikizi nesilihlazo.
- **Isibaxo/ubaxo/ubabazo:**
  Yintetho esebenzisa ulwimi oluchaza into ngokugqithisileyo kunokuba injalo.
- **Isimntwiso:**
  Luhlobo lwesafobe oluthi into engengomntu inikwe iimpawu zomntu. Sixhaphake kakhulu kwiintsomi.
- **Uchasaniso/ Inkcaso thisisi:**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Lulwazi/iingcingane ezichaseneyo okanye ezahlukileyo ezikwisivakalisi esinye ukudlulisa umyalezo.

- **Isinxulumaniso/ Unxulumaniso:**
  Sisafobe esithatha loo nto yenziwa ngulo mntu, isimo sakhe, izimbo zakhe abe selebizwa ngayo
- **Isifanadumo:**
- Ukusetyenziswa kwegama ukubonisa isandi esichazwayo/ esenzekayo. Umsebenzi waso kukuchaza ngokuqaqambileyo isenzo, imeko, ubume, isimo.
- **Impikiswano/ Ioksimoroni:**
  Kudityaniswa magama amabini achaseneyo amelane aze achaze imeko enye engadibani enjalo.
- **Uvumephika:**
  Xa kuchazwa uphawu oluthile, isichasi solo phawu sibekwa kwimo elandulayo.
- **Impoxo:**
  Yintetho eveza into echasene nale nto ubani ayithethayo/ yintetho eqhathayo Umsebenzi wayo kukukhubekisa okanye ukuhlekisa ngomnye umntu.
- **Isihlekiso (isathaya):**
  Nangona kukho uburharha, kwaye kuhlekisa, injongo yako ayikokuhlekisa kuphela kodwa nokugxeka isiganeko esithile, umntu okanye iqela ngendlela echubekileyo.
- **Umqondiso/isimboli/ummelo:**
  Into emele enye into, kuncwadi, isimboli kufanele ibe nenjongo
- **Isinekhdokhi:**
  Ukubiza into ngaleyo iyinxenye yayo. Isenokuba yinto enkulu imele encinci okanye encinci imele enkulu.
- **Uburharha:**
  Sisetyenziselwa ukuhlekisa nokonwabisa abafundi. indlela yokusetyenziswa kolwimi nesimo semeko ziyabahlongoza abafundi bazifumane sele begigitheka ngenxa yolwimi olo lusetyenzisiweyo.
- **Isiqaqambisi:**
  Senziwa ngokulandelisa isibizo esiphuhlisayo ngesimnini sesibizo esigxinini swayo.
- **IAluzhini (*Allusion*):**
  Sisafobe apho kwintetho kubhekiselwa kwinto eqhelekileyo eyaziwa ngabantu bendawo. Isenokusukela kuncwadi: Umzekelo imbali yethu, ibhayibhile okanye iintsomi.
- **Isigqebelo:**
  Isigqebelo sisafobe esithi xa bekufanele ukuba isenzo siphume kwinkalo ethile suke sibheke kwindawo echaseneyo naleyo besicwangcwiselwe yona.
- **Ukuphela kovuthondaba (Inkcaso vuthondaba)** –
  Ukulindeleka kokwenzeka kokuthile okubalulekileyo kukwizinga eliphezulu kodwa kusuke kungafezekiswa/ ukubaluleka kweploti kuvele kwanyamalala ngenxa yesiganeko esihlekisayo, esihlazayo okanye esingenanjongo.
- **Isifanadumo- (*Onomatopoeia*)**
  Ukusetyenziswa kwegama ukubonisa isandi esichazwayo/ esenzekayo. Umsebenzi waso kukuchaza ngokuqaqambileyo isenzo, imeko, ubume, isimo. Umz: Jekeqa jekeqa jekeqa.
- **Impoxo- (*sarcasm*)**
  Yintetho eveza into echasene nale nto ubani ayithethayo/ yintetho eqhathayo Umsebenzi wayo kukukhubekisa okanye ukuhlekisa ngomnye umntu.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- **Inkcaso-thisisi (lingcingane ezichaseneyo)**
  lingcingane ezichaseneyo okanye ezahlukileyo kwisivakalisi esinye ukudlulisa umyalezo. Umzekelo ukungxama kakhulu kuthoba isantya.
- **Uphindaphindo:** isandi esiquphayo esinophinda-phindo lwezandi zamaqabane. Uphindaphindo lungafunyanwa ekuqaleni kwamagama alandelelanayo okanye kwigama elo. Umsebenzi wophinda-phindo, njengesingqisho kukugxininisa ubuhle bolwimi kwimeko ethile, okanye ukudibanisa amagama okanye amagama engqiqo kuphindaphindo oluthile.
- **Izixhobo zesandi: Uphindaphindo***:*
  Bubuchule bokuphindaphindwa kwamaqabane athile. Oku kunokwenziwa ekuqaleni/phakathi egameni kungenjalo ekupheleni kwamagama. Oku kwenzelwa ukugxininisa uluvo oluthile, ingcaciso/ukudala isingqisho okanye ukukhulisa intetho/ukwenza ubumbano (unamathetlwano) nokunonga umbongo. Ukusebenzisa igama okanye ibinzana ngokuphindiweyo ukuphuhlisa ingcaciso ethile

- Xa imiqolo iqala ngezandi ezifanayo: Yimvano-siqalo
- Xa iphela ngezandi ezifanayo: Yimvano-siphelo (isandi esihamba nesikhamiso)
- Xa izandi eziphindaphindiweyo ziphakathi egameni/kumqolo: Yimfano-zandi
- Uphindaphindo lwesikhamiso (asonensi) kuxa kukho ucinezelo ekubizekeni kwezikhamiso ezikumagama ameleneyo kumqolo.
- **IEnjambamenti**
  Ugxalathelwano lwamalungu olungenasingqisho

Isakhiwo sangaphandle sombongo

Isigama nengcaciso:

- **Ibinzana:** Linani lamagama angenasivisa kumbongo.
- **Umqolo**: Zizivakalisi (azizide kuyaphi njengakubhalo lweprozi) kumbongo ezakhiwe ngenani elithile lamagama ngokwesimbo eso sembongi kuloo mbongo.
- **:** Yintlanganisela yemiqolo ebekunokuthiwa yimihlathi kwezinye iijenra, kodwa sithi zizitanza.

Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphandle sombongo kubhekiswa kwinani lezitanza, imiqolo eyenza izitanza. Indlela ezakheke ngayo izitanza. Inani lamagama kwimiqolo. Qaphela**:** Kuxhaphakile ukuba kusetyenziswe uphawu lomelo sikhamiso/nobumba (‘) ukudala ukufundeka kamnandi nesantya kumbongo. Nakuba la magama ebizwa njengegama elinye, ahlala ebalwa njengamagama awahlukeneyo kuba eneneni akalogama linye.

Ngaphandle kolwimi nezafobe ezisetyenziswa yimbongi, izandi, amagama neezitanza zinenxaxheba ekuyileni isihobe. Loo nto yenze ukuba uthi apho ufunda izitanza zombongo uphawule umahluko othile kungafani naxa ufunda okunye okubhaliweyo njengenoveli.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Izitanza ngokweSonethi:

- Kukho iintlobo ezahlukileyo zezitanza. Ezinye zezi:
  - Ikhaphulethi (istanza esinemiqolo emibini)
  - iTripleti / Iteseti (istanza esinemiqolo emithathu)
  - iKhwatrein (istanza esinemiqolo emine)
  - ikhwintet (istanza esinemiqolo emihlanu)
  - iSesthethi (istanza esinemiqolo emithandathu)
  - iSepthethi (istanza esinemiqolo esixhenxe)
  - iOktheyivu (istanza esinemiqolo esibhozo)

Iimpawu zobhalo kumbongo:

Liqhagamshela (-), ikholon (:), isemikholon (;), umelo sikhamiso (‘), iimpawu zocaphulo (“ ”) , iparenthisisi ( ), ielipsisi (…), ikoma (,), isingxi (.) uphawu lokhuzo (!), ukuwabhala bukekela amagama

- **Umsebenzi wazo:** Iimpawu zobhalo kwimibongo zisebenza umsebenzi eziwenza kwiprozi. Zincedisa ukuhlanganisa iingcinga nezimvo, ukuncedisa ekwakheni ukundindana, nokwenza intsingiselo. (okt. Ukuphepha ukungavisisani, kwanokubonisa apho uphefumla khona.
  Ukunqumama akupheleli ekupheleni kwemiqolo, unganqumama naphakathi, ungayeka nasemva kwamagama athile.

3.5 ISAKHIWO SESIHOBE

Isakhiwo sombongo yindlela umbongo owakhiwe ngayo ngokokumila, ukubunjwa nobunzulu obuphethwe ngumyalezo wombongo lowo.
Isakhiwo sombongo sahlulwe kabini: Sesangaphandle nesangaphakathi.

ISAKHIWO SANGAPHANDLE	ISAKHIWO SANGAPHAKATHI
Ingcaciso • Isakhiwo sangaphandle sombongo sibonwa: imiqolo, amagama, izitanza, isingqisho, uthungelwano, isingqi, ukusetyenziswa kweempawu zokubhala, ukuphindwa komqolo emva kwezitanza/imiqolo/, uphindaphindo, umbuzo buciko. **Imo: Inkangeleko yangaphandle yombongo** **Izitanza:** • Inani lezitanza kumbongo **Imiqolo:** • Inani lamagama kwimiqolo yesitanza ngasinye.	**Izafobe:** • Ziqaqambisa inkcazo ethile nokuzoba imifanekiso ngqondweni eyahlukileyo (oweliso, owendlebe, owencasa, owevumba nowesikhumba). **Ulwimi nesimbo:** • Ingaba ulwimi luphuhlile? Ingaba imbongi ikweyiphi imo? **Uphindaphindo:** • Ludala ukugxininisa nesingqisho. **Ezinye izikrweqe:** • Izifanekisozwi (ukuqaqambisa), izikhuzo (zibonisa imo), impinda (ukubethelela ingcamango) **Izixhobo zesandi:** • Imfanozandi, imfano-sikhamiso, uphinda-phindo, uxwesiso, imvanosiphelo, imvanosiqalo. Oku kudala **isingqisho.** **Okuqulathwe ngumbongo:** • Udidi lombongo

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

• Mingaphi? Iyalingana? (Ukuba ayilingani, loo nto ichaza ukuba imbongi ikhululekile kuloo nto ibonga ngayo. Imiqolo inxulumana ngemvano-siqalo/ ngemvano-siphelo kunye nophindaphindo. **Inani lamagama:** • Inani lamagama kumqolo ngamnye. (umz: amagama mabini/mathathu/mane/ njalo njalo.)	• Umoya wembongi (yonwabile/ikhathazekile) • Umyalezo wembongi kumbongo • Umxholo wombongo • Umongo wombongo • Ilizwi lembongi (lirhabaxa/ lipholile) • Injongo yembongi

3.6 IMIBA EBALULEKILEYO NEMAYIQWALASELWE XA KUFUNDWA IMIBONGO

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

ISAHLUKO 4 UHLALUTYO LWEMIBONGO EMISELWEYO

4.1 INYIBIBA: J.J.R JOLOBE

1. Ndayibona izifihla
2. Enqaben' ezixhotyeni,
3. Ngaphakathi kwamalwalwa
4. Amabini, iqaqambile.
5. Hayi, obobuhle!

6. Izityalo ezithile
7. Zaye zimi zijikele;
8. Yayiphakamisa leyo
9. Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
10. NjengeTshawekazi.

11. Yema ithe zole cwaka,
12. Leyo ndebe ibukhephu.
13. Yayimsulwa kolo hlanga
14. Lwayo, im' iyimfezeko,
15. Inyibiba entle.

16. Loo magqabi asixwexwe
17. Achokozwe busiliva,
18. Aphuphuma kukuphila,
19. Ayekratsha ngemveliso
20. Yobo bomi bawo.
21. Kwanothuli oluphantsi,
22. Nokhulan' olukufuphi,
23. Lwema ngathi luyanqula
24. Loo nzwakazi yasezindle-
25. Inyibiba entle.
26. Yayibonwe ngala mehlo,
27. Yathokoza intliziyo;
28. Kwakho ukufudumala
29. Endingekuchazi mhlana

30. Ndabona loo nzwakazi.
31. Ndev'izisebezo
32. Emazants' obume bam.
33. Zindityel' ukuthi yeyam,
34. Phofu ingeyiy' ubuhle
35. Bonk'obunjengayo.

36. Wa! Nzwakazi yezixhobo,
37. Tshawekazi lasezindle,
38. Obo buhle bulubisi;
39. Ndithabathekile bubo.
40. Wa! Nyibiba umhle!

4.1.1 Uhlobo/udidi lombongo

- Ngumbongo nkcazo kuba imbongi isichazela ngobuhle bentyantyambo inyibiba.

4.1.2 Inkcazelo ngenyibiba

- Yintyatyambo entle ebumhlophe bumthubi indubulo yayo ekhula phakathi kwamatye ezixhotyeni/ emigxobhozweni.

4.1.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo efihlakeleyo/ enzulu.
Enqabeni ezixhotyeni	Indawo efihlakeleyo. Indawo ezinamatye amakhulu endle.	Indawo enzulu engafikelelekiyo ngokulula. Ubunzima nobulukhuni bemeko ekhula phantsi kwayo le nyibiba
Ilwalwa	Lilitye elomeleleyo elisemlanjeni apho kuhamba amanzi phezu kwalo.	Indawo ekungelula ukuba kungakhula isityalo esibuhle buyincamisa mxhelo kuyo.
Njengetshawekazi	Inkosazana enobukhosi.	Ukucikizeka, inzwakazi

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Zole cwaka	Ukuthula	Isidima nesithozela sobukhosi.
Ndebe Ikhephu	Isixhobo esibonakalisa/ esimele udumo. Yimo yezulu ebangwa liqondo eliphantsi kakhulu lengqele. Mhlophe qhwa.	Ibonakalisa ubumbalasane bale ntyatyambo. Yayisulungekile, ingenasiphako nokubukeka.
Iyimfezeko	Igqibelele.	Sixelelwa ngobuhle obungakrokrisiyo.
Achokozwe busiliva.	Amachaphaza enziwe ngenjongo yokuhombisa.	Kuqaqanjiswe ubuhle benyibiba. Abonisa ukubengezela nobucwebe-cwebe.
Aphuphuma	Ukugcwala ngokugqithisileyo.	Inobomi obugqibeleleyo.
Ayekratsha	Kukuzidla.	Ibonakalisa ukuqhayisa ngobuhle bayo.
Luyanqula	Ukukhonza/ ukugoba phantsi komntu/ into	Indalo yanga iyayibusa le ntyatyambo.
Yathokoza	Ukuvuya	Ukuvuseleleka kweemvakalelo zolonwabo ngenxa yochulumanco.
Zindityel'	zindixelela	Iimvakalelo ezimqhubele ekubeni abe nemibono, eve nezinto ezimsebezela yedwa.
Bulubisi	Ubumhlophe bobunyulu	Ubuhle obunyulu obugqibeleleyo.
Ndithabathekile	Ukuthimbeka	Ukuwexuleka kwengqondo nokuthi swii bubuhle bale nyibiba.

4.1.4 Umxholo walo mbongo:

Ungobuhle benyibiba imbongi eyathi yayibona/ungenzwakazi awathi uJobela wayibona.

4.1.5 Umongo wesitanza ngasinye:

Isitanza	Umongo /ingcamango ephambili yesitanza
Isitanza 1 Kwimiqolo 1-5	Yindawo eyayibona kuyo imbongi le nyibiba, phakathi kwamalwalwa, ukutsho oko kwindawo efihlakeleyo nekungelula ukufikelela kuyo. Kuvela nenkangeleko yayo, ubuhle bayo.
Isitanza 2 Kwimiqolo 6-10	Kukuvelela kwenyibiba phakathi kwezinye izityalo, okwenziwa bubume bayo ngokokwakheka, nokuqaqamba kwayo ngokobuhle.
Isitanza 3 Kwimiqolo 11-15	Sisithomo sayo, nobunyulu bayo ngenxa yebala layo elikhanya bumhlophe. Kugxininiswa ubuhle bayo xa ithelekiswa nezo zityalo yayiphakathi kwazo. Imbongi incoma ubuhle obugqibeleleyo abungenasiphako.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Isitanza 4 Kwimiqolo 15-20	Imbongi isinika inkangeleko yale ntyatyambo, ubukhulu bamagqabi ayo ngokobubanzi, ukukhazimla kwawo. Oko kubonisa impilo noko ikhula kwizixhobo.
Isitanza 5 Kwimiqolo 21-35	Luvakalelo eyabanalo imbongi oludalwa kukuthabatheka bubuhle bale ntyatyambo. Ide yangathi nendalo ngokwayo, njengaye ithabathekile, iyayinqula le ntyatyambo. Imbongi ithinjwe bubuhle bale ntyatyambo loo mini, waxhwileka umxhelo wayo, yaziva iyithanda ngokugqithiseleyo, ichukunyiswa bubuhle obo bayo. Yaziva iyinqwenela, iyifuna.
Isitanza 6 Kwimiqolo 36-40	Ivuma ngokuphandle ukuthabatheka kwayo yile ntyatyambo, de iyikhahlele, iyibone yongamile phakathi kwezinye iintyatyambo ezikhoyo, nakobayo ubomi.

4.1.6 Intsingiselo engundoqo/yentsusa: -

- Ubuhle bentyantyambo

4.1.7 Intsingiselo efihlakeleyo:

- Ukusolwa kukaJolobe yinzwakazi awayibonayo

4.1.8 Imfundiso:

- Masibe neliso elibukhali lothando kwindalo
- Into enexabiso uyakwazi ukuyifumana ekungcoleni/kwindawo engacingelekanga.
- Idayimane iyafumaneka eluthulini

4.1.9 Umoya wembongi

- Ngumoya wovuyo/wokuchwayita/wokonwaba kuba incoma ubuhle obugqibeleleyo benyibiba isebenzisa esi sigama:
  "Hayi obo buhle"; "iyimfezeko" "Yathokoza".

4.1.10 Imifanekiso ngqondweni:

- Umfanekiso ngqondweni ochumileyo kulo mbongo ngumfanekiso ngqondweni weliso. Imizekelo:
  "Phakathi kwamalwalwa amabini"
  "Loo magqabi asixwexwe achokozwe busiliva"
  "Ntloko yayo imhlophe mthubi" – uqaqambisa ubuhle

4.1.11 Isakhiwo sangaphakathi:

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza Sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kwisitanza, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.1 12 Isakhiwo sangaphandle:

- Unezitanza ezisixhenxe.
- Izitanza zokuqala ezine nesesixhenxe zinemiqolo emihlanu.
- Isitanza sesihlanu sinemiqolo elithoba.
- Isitanza sesithandathu sinemiqolo emithandathu.
- Isitanza sokuqala imiqolo mine yokuqala inamagama ama-2 kanti umqolo wesi-5 unamagama ama-3.
- Isitanza sesibini umqolo woku-1 nowesi-3 unamagama ama-2, owesibini unamagama amathathu, owesi-4 unamagama ama-4 ukuze owesi-5 umqolo ubenegama eli-1.
- Isitanza sesithathu umqolo woku-1 unamagama ama-4 ukuze umqolo wesi-2,3, nowesi-4 ubenamagama ama-3 ze umqolo we-5 ube namagama ama-2.
- Isitanza sesi-4 umqolo woku-1 nowesi-5 amagama ma-3, kumqolo wesi-2,3 nowesi-4 unamagama ama-2.
- Isitanza sesi-5 umqolo woku1,2, 5,7, 8 ,9 amagama ma-2, owesi-3,4 nowesi- 6 amagama ma-3.
- Isitanza sesi-6 umqolo woku-1 nowesi-3, 4,5 amagama ma-3 ukuze owesi-2, nowe-6 ibe namagama ama-2.
- Isitanza sesi-7, imiqolo yoku-1, 3, 5 inamagama ama-3 ukuze owesi-2 nowesi-4 abe mabini amagama

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.2 ITHEMBA: S. E. K. MQHAYI

1. Singenzani n'emhlabeni,
2. Sizuzeni n'elizweni,
3. Xa singenalo ithemba,
4. Intsusa yokusebenza?

5. Singakwenza n'ukulima,
6. Sikuyeke ukulila,
7. Singayifuya n'imfuyo,
8. Xa ithemba lingekhoyo!

9. Singaluthatha n'uhambo,
10. Singabondla n'abantwana,
11. Sibasusa kusathana?
12. Wakufelwa nangowakho
13. Ife intliziyo yakho;
14. Ulil'uzenzakalise –
15. Nomphefumlo uwufise

16. Singaya na eNkosini,
17. Ehleliyo ebomini?
18. Inye nje indlela yayo,
19. Ikukuthemb'amandl'ayo
20. Yen'omzimb'udiniweyo
21. Ontliziyo ityhafileyo
22. Omoy'udakumbileyo
23. Akanje na ngofileyo?

24. Makafundiswe ithemba,
25. Aphakanyiswe lithemba
26. Limhambisele phambili,
27. Limmngenisele ezulwini.

28. Le nt'ithemba iyinzulu,
29. Kwezomhlaba kwezezulu;
30. Ongenathemba ufile; -
31. Siph'ithemba ze siphile.

4.2.1 Uhlobo/udidi lombongo:

- Lo ngumbongo nkcazo kuba imbongi ichaza ithemba.

4.2.2 Inkcazelo ngethemba

- Ithemba yimvakalelo umntu abanayo kuquka nesimo sengqondo sengcinga yengqiniseko yokuba izinto ziza kuhamba kakuhle/ ziza kuphumelela/ ziza kulunga noxa imeko ngelo xesha ingakubonakalisi oko / kungekenzeki njalo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.2.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo
Sizuzeni	Ukufumana okuthile.
Intsusa	Unobangela nokuba kwenzeke okuthile.
Uwufise	Kubangele ukuba afe/awubulale.
Udiniweyo, Ityhafileyo udakumbileyo	Ukuphelelwa ngamandla/ Ukungabinamdla wakwenza nto/ ukuziva ungadlamkanga, ngokwasemoyeni, engqondweni nasemzimbeni. (Ezi zithethantonye zisetyenziswe ngenjongo yokuqaqambisa umbono womntu ongenathemba)

4.2.4 Umxholo walo mbongo

- Lo mbongo ungendima edlalwa lithemba empilweni yoluntu kuba xa unalo uyaphumelela ebomini kanti xa ungenalo akuphumeleli/ lo mbongo ungokubaluleka kokuba nethemba kwimpumelelo yomntu ngamnye.

4.2.5. Umongo kwisitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Kw sokuqala imbongi ifuna ukwazi ukuba ingaba ikhona na into abantu abanokuyenza xa bengenalo ithemba
Kwisitanza 2	Kw sesibini ibonisa ukuba kunzima nokwenza imisebenzi yasekhaya efana nokulima xa abantu bengenalo ithemba
Kwisitanza 3-4	Imbongi iphuhlisa amanqanaba okutyhafa abanawo umntu xa sele ephelelwe lithemba
Kwisitanza 5	Iimpawu zomntu ophelelwe lithemba: Udiniwe, utyhafile, udakumbile, de uthi ufile.”
Kwisitanza 6	Imbongi isibonisa ukubaluleka kokuvuselelwa kwethemba.
Kwisitanza 7	Ukubaluleka kwethemba empilweni yomntu ngokwasendalweni.

4.2.6 Intsingiselo engundoqo/yentsusa:

- Kukuhlala unethemba lokuphumelela kuyo yonke into oyenzayo

4.2.7 Imfundiso

- Ithemba liyaphilisa.
- Nangona kukho iimeko zobomi ezilitshabalalisayo ithemba, kodwa kubalulekile ukuba sihlale ethembeni ukuze sibenamandla sihlale sivuselelekile.

4.2.8 Umoya

- Ngowokukhathazeka kuba imbongi isityhilela iimeko ezimbi nezibuhlungu esizibona sikuzo ngenxa yokungabinathemba kwethu. Ibangela ukuba sizibhence sibone ukuba sizibulala ngokulahla ithemba/ Ngowokukhuthazeka ngenxa yokutyhilelwa ukuba xa sinethemba akukho nto sinokungayiphumezi.

31. “Ife intliziyo yakho; “Ulil’uzenzakalise”/ “Aphakanyiswe lithemba”; “Siph’ ithemba ze siphile”

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.2.9 Imifanekiso ngqondweni

Umfanekiso ngqondweni ochumileyo kulo mbongo ngoweliso/wokubona. Imizekelo:

- "Ulil'uzenzakalise"
- "Akanje na ngofileyo?"

4.2.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi, nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalelo ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.2.11 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo unezitanza ezisixhenxe.
- Izitanza 1,2,4,6 nesesi-7 zinemiqolo emi-4.
- Isitanza -3 sinemiqolo emi-3.
- Isitanza -5 sinemiqolo esi-8.
- Isitanza sokuqala, imiqolo yokuqala emithathu inamagama ama-3 kanti owesine unamagama ama-2.
- Isitanza sesibini, umqolo1, 3, nowesi-4 amagama ma-3 kanti kumqolo we-2 amagama ma-2.
- Isitanza sesithathu, kumqolo 1 no2 amagama ma-3 kanti kumqolo wesi-3 amagama ma-2.
- Isitanza sesine, umqolo 1,3 no 4 amagama ma-2 kanti kumqolo-2 amagama ma-3.
- Isitanza sesihlanu, umqolo1,4,5,8 amagama ma-3 kanti kumqolo-2,6,7 amagama ma-2 ze kumqolo 3 abe-4.
- Isitanza sesithandathu, imiqolo yomi-4 inamagama ama-2.
- Isitanza sesixhenxe, umqolo 1 nowesi- 4 amagama ma-4 kanti umqolo 2 no3 amagama ma-2

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.3. UKWENZIWA KOMKHONZI: J.J.R. JOLOBE

1 Andisenakubuza ndisithi kunjani na
2 Ukukhanywa yintambo yedyokhwe emqaleni
3 Kuba ndizibonele kwinkabi yomqokozo,
4 Ubumfama bamehlo busukile ndagqala
5 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
6 Kwinkatyana yedyokhwe.

7 Yabigudile intle, izalelw` inkululo
8 Ingaceli nto mntwini izingca ngobunkomo.
9 Uthe umntu mayibanjwe iqeqeshwe, ithambe,
10 Ezilungiselela ngokunga uyasiza,
11 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
12 Kwinkatyana yedyokhwe.

13 Inge ingamangala ikhusel`ilungelo,
14 Yangqingwa yabiyelwa ngobulumko namava.
15 Amaqhinga oyisa kufunw`iqobozeke.
16 Isizathu esihle singafihla ububi.
17 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
18 Kwinkatyana yedyokhwe.

19 Irhintyelwe ngeentambo zayidla ebuntloko,
20 Yangxoliswa yakhatywa, kwaphathwa kulelezwa.
21 Injongo yona inye mayithwale idyokhwe.
22 Lolwezulu uqeqesho olujong`umqeqeshwa
23 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
24 Kwinkatyana yedyokhwe.

25 Iqondo lokuphela, ubekiwe loo mqobo,
26 Yajikela nentambo entanyeni bukhanywa,
27 Kwathiwa igqityiwe yofakwa emkhondweni,
28 Ukufunda intando yomlawuli umniniyo
29 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhozi
30 Kwinkatyana yedyokhwe.

31 Ibe ngakhalaza izam`ukuqhawula
32 Kwathethwa ngezinja. Ijonge nangasemva
33 Iba iyaxakisa koko kuthiwe ``Betha. ``
34 Obotshiwey`uyinto yokudlala kwigwala
35 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
36 Kwinkatyana yedyokhwe.

37 Lalingathi limnyam`izulu kukhumezela
38 Ndijonge elundeni ndalibona libomvu,
39 Kuthontsiza igazi, umkhondo woxhathiso
40 Ibuzisa ikhaya umzi wenkululeko,
41 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
42 Kwinkatyana yedyokhwe

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

43 Ime bhuxe kudinwa kungekho luvelwano,
44 Yasitsho esikrakra isililo ibhonga.
45 Kunyenyiswe kancinci ukuba iphefumle
46 Kwabuya kwaqiniswa ibulawa umoya
47 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
48 Kwinkatyana yedyokhwe.

49 Ndiyibone mva seyaqobozeka, yathamba
50 Itsal`umbaxa-mbini wekhuba ethoniswe
51 Waphelela ikhonza, ikhefuzela igcuma.
52 Ukufa kukuqhutywa, impilo kuzenzela
53 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
54 Kwinkatyana yedyokhwe.

55 Ndiyibonile inyuka iminqantsa, yomendo
56 Ithwele imithwalo enzima ixelenga,
57 Iludaka kubila ingenisela omnye.
58 Incasa yomsebenzi yinxaxheba kuvuno
59 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
60 Kwinkatyana yedyokhwe.

61 Ndiyibon`ilambile ngaphantsi kwaloo mbuso
62 Iliso iinyembezi umxhel`ujacekile,
63 Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna.
64 Ithemba yimigudu ezond`inkululeko
65 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
66 Kwinkatyana yedyokhwe.

67 Ndiyibon`ilambile ngaphantsi kwaloo mbuso
68 Iliso iinyembezi umxhel`ujacekile,
69 Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna
70 Ithemba yimigudu ezond`inkululeko
71 Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
77 Kwinkatyana yedyokhwe.

4.3.1 Uhlobo/ Udidi lombongo

- Ngumbongo wopolitiko/ wonkwintsho kuba ungempatho-gadalala yabantu abamhlompe kwabantsundu.

4.3.2 Inkcazelo ngokwenziwa komkhonzi

- Lo mbongo ufihle ukugxijwa/ukugxekwa kombuso wocalucalulo owawulawula ngelo xesha. Ngenxa yeemeko kwakungavumelekanga ukuthetha phandle ngezombuso. Izinto zazifihlwa kube ngathi kubhekiswa kwinkolo yobuKrestu. Nkolo leyo yayize kwanabamhlophe.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.3.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo yentsusa	Intsingiselo efihlakeleyo
Ukukhanywa yintambo	ukukrwitshwa ngentambo	Impatheko-mbi yengcinezelo
Inkabi yomqokozo	Inkomo ebotshwayo	Lo mntu uqeqeshwayo (umntu omnyama)
Ndagqala	Ndajongisisa/ndaqaphela/ ndajonga ngenyameko	Ukubona ububi bemithetho yalo mbuso.
Yabigudile intle, izingca ngobunkomo	Yayityebile izidla ngobuhle bayo	Wayezidla ngobuni bakhe nokungaxhomekeki mntwini kwakhe.
Ukuthamba/ ukuqobozeka	Ukululamela loo nto	
Yangqingwa, yabiyelwa	Ukuvalelwa	
Irhintyelwe ngentambo	Ukufakwa kwentambo enkomeni ungasondelanga	Ukubotshelelwa kwabaNtsundu ngemithetho yengcinezelo.
Ukulelezwa	Ukucengwa de uthandazwe ukuba uvume	Ukunikwa amalungelo angephi.
Ubekiwe loo mqobo	Zibekiwe izithintelo	Kwakubekwe imithetho enqandayo.
Umkhondo	Umzila obubungqina bento eyenzekileyo	Imithetho ekufuneka bayilandele
Ukusadalala	Ukoyisakala uphelelwe ngamandla uwe	Ukunikezela
Igweba nangophondo	Ukuhlaba ngempondo	Ukuphatha izixhobo zokuzilwela
Ukukhumezela	Umkhwitsho wemvula engephi	Ububi obuzayo/ impalalo gazi/ intshabalalo
Ibuzisa ikhaya umzi wenkululeko	Indawo umntu ahlala kuyo	uMzantsi Afrika phambi kwengcinezelo.
Bhuxe	Ukuma ngxi ungagungqi	Ukuxhathisa efunga engajiki kulo mlo.
Qobozeka/ukuthamba	Ukuyeka ukuqhanqalaza uvumele oko kwenziwayo kuwe	Ukuthobela umbuso
Umbaxa- mbini wekhuba	Ikhuba elinamacala amabini	Imithetho yengcinezelo nendlela yokuzikhulula kuyo.
Iminqantsa	Iindawo ezinyukayo ekungelula ukuqabela kuzo.	Ubunzima ababesebenza phantsi kwabo.
Ukujaceka	Ukukhathazeka kakhulu uxheleke ngaphakathi emphefumlweni.	Intlungu yokuphelelwa lithemba

4.3.4 Umxholo

- Kukubhunyulwa kwamalungelo nobuntu babantu abaNtsundu ngesinyolokotho, besenziwa izicaka kwilizwe labo lokuzalwa/indlela enzima ehanjwe ngabantu abaNtsundu ukulwa nemithetho yengcinezelo becalulwa ngabamhlophe kwilizwe labo/ indlela emasikizi abantu ebenziwa ngayo izicaka bekhalaza/ indlela abantu abahluphekayo abebephathwa ngayo ngabantu abanezinto nabahluthayo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.3.5 Umongo wesitanza ngasinye:

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Imbongi idandalazisa amava ayo ukuba iyayazi le nto ithetha ngayo kuba ithi iyibonile/ ibiyibukele isenzeka. Ibubonile ubunzima nokuphathwa gadalala komntu xa esolulekwa/eqeqeshwa.
Kwisitanza 2	Imbongi isivezela inkangeleko yentlalo entle yomntu, ubuhle nokuphelela ngempilo, ngengqondo, ngokuqiqa, nokungasweli nto. Isendalweni ukuba akhululeke angabikho matyathangeni. Igxininisa ukutshintsha kwemeko yomntu oNtsundu kwakungenelela abacinezeli, besiza kubabhunyula ubuntu babo ngeqhinga lokunga beza nokuhle.
Kwisitanza 3	Uthe akuzibona ukuba ungene engxakini yokuhluthwa amalungelo akhe wafuna ukuzikhulula kodwa akakwazi kuba sele ebiyelwe ngamaqhinga nezinto ezingathi zintle zibe zifihle ububi. (umzekelo imfundo nokholo)
Kwisitanza 4	Uthe akuzama ukuzibonakalisa, yacunyuzwa loo ntlantsi ngokuphathwa gadalala ngakumbi (wangxoliswa, wakhatywa), maxa wambi bebecengwa(kwaphathwa kulelezwa.) Injongo yona ikukuba makathambe amkele ukulawulwa.
Kwisitanza 5	Ibekiwe imithetho yocalucalulo ukuze abaNtsundu bayilandele, nangona eminye yayo inyathela/ inyhasha ngakumbi amalungelo wabantu abaNtsundu. Babe bengenakujika nto kunyanzelekile ukuba bamkele intando yabaphathi.
Kwisitanza 6	AbaNtsundu bathe besilwa nale mithetho/ bejubalaza bengafuni ukwamkela, bagrogriswa ngamapolisa, ebabetha. Babebaxhaphaza kuba babebaqala ngokubavalela batsho babafumane bezizisulu zabo.
Kwisitanza 7	Abanye babangenza imizamo, bezama ukuzikhulula bayohlwaywa, ngamanye amaxesha suka bajikelane kwabodwa begazilinye (abaNtsundu bebodwa
Kwisitanza 8	Ukuzingca nokuzidla kwabantu abamnyama kuyaphela ngokuphela konganyelwa yimpatheko-mbi nentshabalalo. Emehlweni embongi kubonakala impalalogazi ezayo.
Kwisitanza 9	ONtsundu uye waxhathisa efunga engajiki kumlo wakhe wokulwela amalungelo akhe, wabe nomcinezeli engabuyi mva. Ngenxa yoko kuxhathisa iziphathamandla ziye zanyenyisa ngokunikezela amalungelo angephi (oomaziphathe kwiindawo ezithile ezifana nooTranskei), kodwa bekhululeke benjalo babelawulwa yimithetho kandlunkulu yengcinezelo.
Kwisitanza 10	Uphele amandla /unikezele / unyamezele ngenxa yokoyiswa ziimeko, nangona ebona ukuba le ngcinezelo imhleli emagxeni ikukufa kuye, abe enakho ukuziphilisa ngokuzikhulula kule ngcinezelo.
Kwisitanza 11	Imbongi isivezela ubunzima bendlela abayihambileyo abaNtusndu, besebenza nzima besebenzela abamhlophe. Bebila besoma kodwa bengasebenzeli bona besebenzela abamhlophe. Iziphumo zemisebenzi yabo zazixhanyulwa ngabanye hayi bona basebenzayo.
Kwisistanza 12	Imbongi isivezela ukusizeleka komntu, encamile/enikezele/ kungekho nto anokuyenza kuba ngoku sele eyimvoco uthambele le mpatheko-mbi yalo mbuso. Ithemba lakhe linye kukuba ngeny'imini uya kukhululeka

4.3.6 Intsingiselo efihlakeleyo:

- Imbongi ichaza indlela enzima ehanjwe ngabantu abantsundu ukulwa nemithetho yengcinezelo becalulwa ngabamhlophe kwilizwe labo. Oko ikukwekwa ngokusebenzisa umzekelo wokuqalwa kwenkatyana, oko kukuthi ukuqeqeshelwa idyokhwe.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.3.7 Imfundiso

- Ukulwa umbuso asindlwana iyanetha/ ekunyamezeleni ukhona umvuzo/ ubunzima bendlela eya enkululekweni/ abamhlophe babesebenzisa iindlela ezibuhlungu ukwenza abamnyama amakhoboka abo.
- Imbongi ikhuthaza ukuba unganikezeli ngenxa yemiqobo, funga ungajiki.

4.3.8 Umoya wembongi

- Ngowonxunguphalo/wodandatheko/wokukhathazeka kuba imbongi isityhilela intlungu yokulwa de kuphalale igazi kwabaNtsundu belwela ukuba benyanzelwa ukukwamkela ingcinezelo ezweni labo ngabaMhlophe; kodwa boyisakala. Le mvakalelo iziswa sesi sigama:
  "Yasitsho esikrakra isililo ibhonga."; "ikhefuzela igcuma"; "Kuthontsiza igazi, umkhondo woxhathiso"

4.3.9 Imifanekiso ngqondweni:

Imifanekiso ngqondweni ihlwayelwe kulo mbongo kodwa owona usetyenziswe kakhulu ngoweliso. Imizekelo:

- **Umfanekiso ngqondweni weliso :"**Ukukhanywa yintambo nedyokhwe"/ "irhintyelwa ngentambo"/ "yangqingwa yabiyelwa ngobulumko namava"/ "Ibe ngakhabalaza"/ "ibe ngasadalala"/ "igweba ngophondo"/ "inyuka umnqantsa"/
- **Umfanekiso ngqondweni wesikhumba:** "Yabigudile" "kwaqiniswa ibulawa umoya"-ko
- **Umfanekiso ngqondweni wendlebe: "**Yatsho esikrakra isililo ibhonga"

4.3.10 Isakhiwo sangaphakathi:

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kwisitanza, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.3.11 Isakhiwo sangaphandle:

- Ubude bombongo buzalana/ bunxulumana nendlela ende ehanjiweyo ukumiliselwa kwemithetho yengcinezelo kwabantsundu (ukuthotyozwa/ ukululekwa/ ukuqalwa kwale nkatyana kuthathe imizamo emininzi.)
- Izitanza zilishumi elinambini, zonke zinemiqolo emithandathu, oko kukuthi lo mbongo unemiqolo engama-72.
- Zonke izitanza zivalwa ngophindaphindo lwemiqolo efanayo. Imbongi ivuselela umoya wentandabuzo wokuba yinkatyana yenkomo nyhani le athetha ngayo – kutsho kuphuhle le ngcinga yokuba ngumntu omnyama lo kuthethwa ngaye

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.4 INGOMA KAVELAPHI-J.J.R. JOLOBE

1. Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
2. Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
3. Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
4. Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
5. Lwelizwe lobawo.

6. O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
7. Iinduli kwanamathambeka elizwe,
8. Elimpangalala; siphuma ingqina,
9. Siland' ekhondweni lexhama
10. Kwilizwe lobawo

11. Ezants' emgodini, sithandwa sam,
12. Lingabonakali nelanga nezulu,
13. Ndiyeza ingoma yomxhelo, iphuma
14. Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,
15. Kwilizwe lobawo.

16. Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
17. Ungandilileli. Wupheze loo mhobe
18. Wosizi uhlab' intliziyo. Ndiyazi
19. Olwakho uthando lolwami kuphela,
20. Kwilizwe lobawo.

21. Indoda kaloku, sithandwa sam,
22. Imelwe kuphath' umhlakulo, nomfazi
23. Agcine intsapho, ukuze luzale
24. Olweth' ulonwabo, Nojenti sithandwa,
25. Kwilizwe lobawo.

4.4.1 Uhlobo/Udidi lombongo:

- Ngumbongo wonkwintsho/ wezopolitiko kuba ungobomi bengcinezelo ekhokelele ukuba amadoda ashiye iintsapho zawo neendawo zawo zokuzalwa, aye kuphangela kwiindawo ezikude njengoko kunjalo kuVelaphi.

4.4.2 Inkcazelo ngengoma kaVelaphi

- Kulo mbongo uVelaphi uthetha nomfazi wakhe amshiye ekhaya njengoko yena eseRhawutini emsebenzini. Ngoku ulungiselela ukugoduka esiya ekhefini.

4.4.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo engundoqo
Elimphangalala	Ilizwe elithe gabalala/elinomhlaba omkhulu
Ingqina	Ukuhamba/ukuphuma ningabantu abaliqela nineenjongo zokuya kuzingela/ukukhangela okuthile.
Ixhama	Sisilwanyana esiluhlobo oluthile lwebhokwe yehlathi

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.4.4 Umxholo

- Lo mbongo ungokuchithachithwa kweentsapho namakhaya ngenxa yeemeko zengcinezelo ezazinyanzelisa ukuba amadoda ashiye iintsapho zawo.

4.4.5 Umongo wesitanza ngasinye:

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Siqulethe imivuyo nokungxamela ukufika ekhaya. Ibaselwa ziinkumbulo zekhaya nosapho.
Kwisitanza 2	Yinkangeleko yeli lizwe athi lelakubo, ezibaselwa ziinkumbulo zendawo akhulele kuyo. Apho ingcambu zakhe zikhoyo.
Kwisitanza 3	Ziimeko zomngcipheko aphangela kuzo, womelezwa ziinkumbulo ezimnandi zesithandwa sakhe.
Kwisitanza 4	Ichaza intlungu ayivayo ngenxa yentlungu esikuyo isithandwa sakhe sokushiywa nguye ixesha elide.
Kwisitanza 5	Kuvezwa iimeko zentlalo ezinyanzelisa ukuba abe uVelaphi ulishiyile ikhaya.

4.4.6 Intsingiselo engundoqo/eyentsusa:

- Kukungahlali ndawonye kweentsapho apho indoda inyanzeleke ukuba ishiye usapho lwayo iye kuphangela eGoli, ngenxa yokutshintsha kweemeko zabaNtsundu ngexesha lengcinezelo**.**

4.4.7 Imfundiso

- Kukutshatyalaliswa kosapho ziimeko zentlalo.

4.4.8 Umoya

- Ngowonxunguphalo kuba kulo mbongo kukho ukunxubela ikhaya, okudizwa ziinkumbulo nomfanekiso wemeko ebuhlungu esikuyo isithandwa sakhe asishiye ngasemva enyanzelwa ziimeko zentlalo yengcinezelo. Oku kuxwaywe sisigama:
  "…ingoma yomxhelo, iphuma kowakho umlomo indibiza"
  "Ungandilileli. Wupheza loo mhobe wosizi uhlab' intliziyo"

4.4.9 Imifanekiso ngqondweni:

Imifanekiso ngqondweni ikho kulo mbongo ngakumbi oweliso. Imizekelo:
"…ndikhwele iqegu lomlilo"
"Ligqitha umoya wasentla ngamendu."
"Iinduli kwanamathambeka elizwe,"

4.4.10 Isakhiwo sangaphakathi:

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.4.11 Isakhiwo sangaphandle:

- Lo mbongo unezitanza eziyi--5
- Isitanza ngasinye sinemiqolo emihlanu.
- Isitanza sokuqala, umqolo 1-4 amagama ma-4 kanti kumqolo wesihlanu-2.
- Isitanza sesibini, umqolo -1 amagama ma-4, umqolo 2,3 no4 amagama ma-3 kanti kumqolo-5 amagama ma-2.
- Isitanza sesithathu, umqolo 1,3,4 amagama-4, umqolo wesi-2 amagama ma-3 kanti kumqolo-5 amagama ma-2.
- Isitanza sesine, umqolo 1,2,3 4 amagama ma-4 kanti kumqolo-5 amagama -2.
- Isitanza sesihlanu, umqolo 1,2,3,4 amagama-4 kanti kumqolo -5 amagama-2.

4.5 IIMBONGI – ZS Qangule

1. Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
2. Mithombo ehlupha ngokubhanga,
3. Nzala yamagqirha ngokunuka,
4. Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
5. Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
6. Xholovane benkundla ukuxoxa,
7. Zazi zeembalo ukuprofithesha,
8. Makholwa endawo ukubhedesha,
9. Manyange anyanga izizwe,
10. Bavuseleli abatyala ubuzwe,
11. Ziingxangxasi iingcamango zenu,
12. Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
13. Ndiphuma nani ngokutola,
14. Ndivuma nina ngokuhlola.

4.5 1 Uhlobo/ididi lombongo.

- **Yisonethi (**yamaNgesi/kaShakespeare) kuba inekwathreni ezintathu kunye nekhaphulethi (eyimiqolo emibini yokugqibela)

4.5.2 Inkcazelo ngombongo: Iimbongi.

- Imbongi kulo mbongo incoma iimbongi ngesiphiwo ezinaso esingummangaliso sokubonga. Izibona njengabantu abangenanto bangakwaziyo ukuyenza ngenxa yesiphiwo sabo nokuphefumlelwa kwabo yiminyanya.

4.5.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo yentsusa
Ukubhonga	Ukukhala kakhulu uzingisile kuba ufuna ukuhoywa.
Ukubhanga	Ukuphelela emoyeni singaziwa isizathu.
Ukubhedesha	Ukunqula/ukuthandaza/ukudumisa, ukunika imbeko nentlonipho kongentla.
Ingxubevange	Ukudibanisa izinto ezininzi ngaxeshanye ezingafaniyo.
Ukugxagxaza	Ukuphuma kwezimvo ngokukhawuleza nokulandelelana ngaxeshanye.
Ukutola	Ukuchan' ucwethe/ ukuhlal'emhloleni/ukuthetha okuchaneke ngqo ungaphazami nto.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.5.4 Umxholo

- Kukuncoma umsebenzi obalulekileyo owenziwa ziimbongi wokubonga/ kukuncoma igalelo lembongi nesiphiwo esinazo sokubonga.

4.5.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwikhwatreni 1	Imbongi iveza isimo seembongi zomthonyama; indlela ezibonga ngayo, ezithetha nezifihlwayo izinto zingaxelelwanga ngenxa yeliso lazo elibukhali.
Kwikhwatreni 2	Uveza amava negalelo leembongi entlalweni. Zizizisele zenyathi, ezixoxa zisombulule iingxaki. Zikwaluxabisile unqulo.
Kwikhwatreni 3	Imbongi izama ukwakha abantu, sithi nokuba isizwe siyahleka izame ukusibuyisela endleleni.
Kwikhaphulethi	Imbongi iyazivuma iimbongi njengeenkcuba-buchopho, oompondo zihlanjiwe izisele zenyathi.

4.5.6 Intsingiselo engundoqo/yentsusa:

- Ukubaluleka kweembongi nemisebenzi yazo kwintlalo yoluntu jikelele

4.5.7 Imfundiso:

- Imbongi zinendima enkulu eziyidlalayo esizweni nakuluntu ngokubanzi.

4.5.8 Umoya wembongi

- Ngowochulumanco/uvuyo/kuba imbongi income igalelo leembongi njengabakhi besizwe neengqondi. Isebenzisa esi sigama:
  "Nzala yamagqirha ngokunuka" "Xholovane benkundla ukuxoxa,"
  "Manyange anyanga izizwe,"
  "Bavuseleli abatyala ubuzwe,"

4.5.9 Imifanekiso ngqondweni:

- Mininzi imifanekiso ngqondweni ekulo mbongo kodwa exhathise ngawo kakhulu imbongi ngowendlebe/wokuva. Imizekelo:
  "Nkedama ezaziwa ngokubhonga,"
  "Nzala yamagqirha ngokunuka,"
  "Luhlobo lwamanxila ngokuthuka"
  "Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,"
  "Xholovane benkundla ukuxoxa"

4.5.10 Isakhiwo sangaphakathi:

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.5.11 Isakhiwo sangaphandle:

- Ineekhwatreni ezintathu kunye nekhaphuleti.
- Inemiqolo eli-14
- Ikhaphulethi inemvano siqalo nemvano siphelo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.6 UNOZAKUZAKU: ZS QANGULE

1 Indod`encazwa ngabakhulu kwanabancinci,
2 Kufunek`ingalandulanga kodwa yenz`ezo nto
3 Imaz`esengekayo nok`isisaqhaga,
4 Kaloku yindlezan`ayinakoma kuthi tu.

5 Inyew idinyazw`ilungiswe nguye,
6 Ngumnt`ontloni ke wasebulawini.
7 Intomb`iyazimel`unin`ambathe,
8 Ngumdibanisi wamakhay`amabini ngobulawu

9 Nanko k`esiz`ehamb`exhakazela,
10 Abafazi bemhewula, zimkhonkoth`izinja.
11 Iinkomo ziphi, luphi na lon`uswazi?
12 Azi waze njani na? Isazi-mzi k`eso

13 Imbeko nemibuz`emlindeleyo kwelo khaya.
14 Kodwa ke yinkabi yamalang`ekad`inetha.
15 Indlel`ayaziwa mntu kodw`umhambi wayo,
15 Kuthenjwe yena ngasemv`ujongiwe ngaphambili.

16 Iinyawo zakhe ziluvil`uthuli lwendlela,
17 Nentloko yakh`ulophu lwasehlotyeni.
18 Izithuko zakhe ziviwe ngamathafa, nemimango,
19 Ngasemva kweenkomo eziya kulobola.

20 Lo mf`akamntwana kodw`akaxhego,
21 Izicithi ziwubonile umtsi wakh`edlula.
22 Lithemb`elingafuni kudanisa mntu,
23 Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.

24 Wofika k`emzin` ubone nawe,
25 Ukuba kwaza kwafika mntu kulo mzi.
26 Wofumana zilaph`ezishushu nezibandayo,
27 Ukubon`ukuzola nokuhlonipheka komzi.

28 Ubuwaqhuba ngantoni na mfondini la mathole,
29 Waw`uwaze njani na wona lo mzi?
30 Ubon`abafazi nabantwana bezixhwithela kuye,
31 Wongena ephuma ke ezama ukuzikhusela.

32 Ingulow`ekholisiwe kwesakh`isicelo,
33 Kuhlekwe ngumntu wonke kubuyelwe kwezentlalo
34 Inge zizinto zokonwaba kuyadlalwa,
35 Kanti yindlela yokudityaniswa kobulawu.

36 X`ilanga lehlobo libantu bahle,
37 Umf`omkhulu wocela k` indlela.
38 Xa kuthe qab`unoqolomb` efile nje,
39 Ukudityaniswa kobulaw`asindlwan`iyanetha.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

40 Selethwel`ufel`emagxen`egoduka,
41 Ehamb`ezimfikila yimbek`ebekuyo.
42 Selekubon`ukuphumelela kobo buhlobo,
43 Ekufikeni kwakh`ekhaya komemelelwa.

44 Wayi wayi wayi ngabantu bekhaya,
43 Kunge kumhla kwathiwa kwahluzwa,
45 Wonke k`umntu amamele ngeendlebe namehlo,
46 Kude kuphele yonk`int`ebithethwa.

4.6.1 Uhlobo/ Udidi lombongo

- Lo mbongo ngumbongo nkcazo/ngumbongo ochazayo kuba imbongi isichazela ngobunjani bukanozakuzaku, umsebenzi wakhe, iimeko asebenza phantsi kwazo kunye newonga akulo.

4.6.2 Inkcazelo ngoNozakuzaku

- Yindoda etyunjwa likhaya ukuba ichophele umcimbi wokuzeka intombi ethile kumzi lowo walathiweyo. Nguye othunywa umsebenzi wokuya kuloo mzi, esiya kuba ngumlomo wekhaya elibone loo ntombi, ethatha inxaxheba kwiingxoxo kuquka nezekhazi.

4.6.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo enzulu
Encazwa	Ukucela icuba	Ukufunwa kweemfanelo ziindidi zabantu ngexesha ekuqhutywa umcimbi wokufilisha
Imazi	Isilwanyana esinesini sobukhomokazi	Izinwe zakhe
Esengekayo	Enako ukusengwa kwaye inobisi	Ezikhuphayo iimfanelo njengoko kulindelekile
Isaqhaga	Inkomo esokolisayo ukukhupha ubisi	Umntu obamba isandla xa enika abantu iimfanelo.
Yindlezana	Umntu onobubele	Unobubele/ umntu ophayo
Inyewe	Umcimbi ekudityenwe ngayo	Umba wobulawu
Idinyazw'ilungiswe	Ukuphungula amandla/ ayilungise	ukutyhafisa abuye ayikhuthaze
Ngumnt'ontloni wasebulawini	Onesidima/ othobekileyo wasebukhozini	
Intomb'iyazimela unin'ambathe	Ukuzifihla nokugquma iindawo ezithile zomzimba	Ukunika intlonipho nokunxiba ngokundilisekileyo.
Ngumdibanisi wamakhaya amabini	Ukuhlanganisa amakhaya abengazani	Likhonkco kumakhaya endiselanayo.
Uswazi	Yibhotile yotywala ekhutshwa ukwakha ubuhlobo ethathwa ngokuba bekuqhutywa ngayo iinkomo.	
Isazi-mzi	Utywala obuza noonozakuzaku xa beze kuvula ingxoxo malunga nentombi eze kucelwa	

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Imilowo	Abantu abangamakhaya/ abazizizalwane eziphambili abahlalela imicimbi yekhaya	
Isiqalo nesiphelo sendaba nguye	Xa kuqalwa ingxoxo zobulawu ukhona, de kutshatwe kanti naxa kukho iingxabano phakathi kwabatshathi kubizwa yena ziintsapho aze kusombulula iqhina elo.	UNozakuzaku uhlala elikhonkco elidibanisa le mizi mibini.
Uchasaniso	Imaz'esengekayo nok'isisaqhaga	Ungumntu ongavimbiyo njengoko kufuneka ebanikile abantu balo mzi iimfanelo zabo kodwa akazivezi.
Uchasaniso	Inyew'idinyazw'ilungiswe nguye	Umcimbi awuhambeleyo uwuqala ngokwakhe ulungiswe kwanguye
Uchasaniso	Lo mfo akamntwana, akaxhego	Ubudala balo mntu liqina lomfo
Uchasaniso	Isiqalo ndawonye nesiphelo	Nguye umqali womcimbi wobulawu ikwanguye nekufuneka egqibezele ezi ngxoxo
Isimntwiso	zicithi ziwubonile umtsi wakhe edlula	Iindlela ebekhawuleza ngayo apha endleleni
Iqhalo	-qab'unoqolomb'efile nje	Ukuhla kwezibilini (wonwabile kuba yonke le nto ebeyizele uyigqibile)
Isaci	Xa libantu bahle	Xa litshona ilanga
Isaci	…wocela k'indlela	Ukucela ukuba akhululwe
Isifaniso esithathelwe kwisaci	Kunge kumhla kwahluzwa	Kungathi kumhla izinto zemiswa ngendlela yazo
Isaci	…mhla kwahluzwa	Mhla izinto zemiswa ngendlela yazo
Isaci	…asindlwan'iyanetha	Asinto ilula
Uchasaniso	…wongena ephuma	Kuthi kwakufunwa izinto amane ephuma phandle aye kulungisa ezi mfuno zaba bantu aphinde angene abanike abantu iimfuno zabo
Umbuzo buciko	…iinkomo ziphi, luphi lon'uswazi waye'uwaze njani na wona lo mzi?	Imfuno zabantu bakulontombi

4.6 4 Umxholo

- Lo mbongo ugxile kubunjani kukaNozakuzaku, indima ayidlalayo, indlela aziphatha ngayo neemeko adibana nazo kulo msebenzi wobulawu.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.6.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Izinto ezenziwa nguNozakuzaku Izinwe zikaNozakuzaku nendlela anyanzeleke ngayo
Kwisitanza 2	Umsebenzi wakhe neempawu zakhe Unentlonipho/ nesidima abe likhonkco kula makhaya
Kwisitanza 3	Izinto aziphathayo xa eya kucela nendlela amkeleka ngayo kumakhaya linkomo, iibhotile- (uswazi, isazi-mzi)
Kwisitanza 4	Amava anawo uNozakuzaku. Uyindoda enamava ethembakeleyo
Kwisitanza 5	Ubunzima bendlela ayihambayo.
Kwisitanza 6	Ubudala namava omntu okhethelwa lo msebenzi.
Kwisitanza 7	Ukwamkeleka okuhamba nomphako namalungiselelo enziweyo alo mcimbi. Ukufika kwakhe kudala ubushushu kulo mzi
Kwisitanza 8	Indlela obuza ngayo ubushushu kweli khaya Ubushushu obudalwa luswazi, isazimzi, iilekese
Kwisitanza 9	Isiphumo sondwendwelo lwakhe kulo mzi. Abantu bonwabile ngabaye, macal'onke, icuba, iilekese, iibhotil
Kwisitanza 10	Ubunzima bomsebenzi nokuphumla engqondweni akufumanayo kwakuphela utyelelo.
Kwisitanza 11	Uloyiso/umvuzo wohambelo lwakhe Ubexhelelwe, wanikw'imbeko, waphumelela kumsebenzi wakhe evuya engakholelwa
Kwisitanza 12	Ukwamkelwa kwakhe ekhaya. Uze kunika ingxelo kwikhaya ebelimthumile kodwa kuyaselwa kuyatyiwa izipho.

4.6.6 Intsingiselo engundoqo/yentsusa

- Kukubaluleka kukaNozakuzaku nendima yakhe kwimiba yobulawu.

4.6.7 Imfundiso

- Imicimbi wokwendiselana ibingaphathwa nguye nabanina bekujongwa umntu oneempawu ezithile/Unozakuzaku unguyena mntu ubalulekileyo kwimicimbi yokwendiselana.

4.6.8 Umoya wembongi

- Ngowokuchwayita/ ukuchulumanca kuba imbongi incoma, ibalula igalelo nexabiso likaNozakuzaku kumba wokufilishwa kwentombi/wokwendiselana kwamakhaya. Yive xa isithi: "Izicithi ziwubonil' umtsi wakh' edlula"; "…kwaza kwafika mntu kulo mzi"

4.6.9 Imifanekiso ngqondweni

Ngumfanekiso ngqondweni weliso/ owokubona ofumaneka kakhulu kulo mbongo. Imizekelo:

- "Selethwel'ufele emagxeni"
- "Lo mfo akamntwana akaxhego"
- "Exhakazela ephethe iimfanelo zakulontombi."
- "Wayi, wayi"
- "Wongena ephuma"

Umfanekiso ngqondweni wokuva/ wendlebe:

- "bemhewula; bemkhwaza"
- "zimkhonkoth'izinja;"
- "encazwa,"

Umfanekiso ngqondweni wesikhumba

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- “ehamb’ezimfikila”
- “ezishushu nezibandayo”

4.6.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza Sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.6.11 Isakhiwo sangaphandle sombongo

- Lo mbongo enezitanza ezili-12, ngasinye sinemiqolo emi-4.
- Amagama ayahluka kumqolo ngamnye kw ngasinye. umzekelo
- Isitanza sokuqala, umqolo-1, 3 amagama ma-4, umqolo-2 amagama ma-6, umqolo-4 amagama ma-5.
- Isitanza sesibini, yonke imiqolo inamagama ama-4.
- Isitanza sesithathu, umqolo-1 unamagama ama-5, umqolo -2 unamagama ama-4, umqolo-3 unamagama ama-6, umqolo-4 unamagama asi-8.
- Isitanza sesine, umqolo -1, 4 amagama ma-5 kanti umqolo-2 no-3 amagama ma-6.
- Isitanza sesihlanu, umqolo-1 no-3 amagama ma-5, kanti umqolo-2 no -4 amagama ma-4.
- Isitanza sesithandathu, umqolo 1,2 no 4 amagama ma-5 kanti umqolo wesi-3 amagama ma-4.
- Isitanza sesixhenxe, umqolo -1 amagama ma-5, umqolo-2 amagama ma-6 umqolo 3 no 4 amagama ma-4
- Isitanza sesibhozo, umqolo -1 amagama ma-6, umqolo -2 amagama asi-7 kanti umqolo 3 no 4 amagama ma-5.
- Isitanza sesithoba, umqolo 1, 3 no 4 amagama ma-4 kanti umqolo-2 amagama ma-5.
- Isitanza seshumi, umqolo 1 no 2 amagama ma-5, umqolo -3 amagama ma-6 ukuze umqolo-4 ubenamagama ama-4.
- Isitanza seshumi elinanye, imiqolo yomine inamagama ama-4
- Isitanza seshumi elinambini, imiqolo 1 nowesi-4 amagama ma-5, umqolo- 2 unamagama ama-4 ukuze umqolo-3 unamagama ama-6.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.7 UMYOLELO WEXHEGO: C. NQAKULA

1. Nyana wam namhla ndiyakushiya,
2. Apho akhoyo unyoko nam sendiya;
3. Ndikushiya emhlabeni nezi ntsikelelo,
4. Ukuze nawe wembeswe ngamathamsanqa empumelelo.

5. Selikufuphi ilixa ke ngoku mamela:
6. Phulaphula nyana wam, phulaphula Xhamela,
7. Ukuze ilizwe lingakuhambisi ze,
8. Koko kwakwabelwana ngako nawe uzuze.

9. Phulaphula qobo lwesi sizalo,
10. Ukuze ndakumka wenze njalo
11. Ukuwazalisekisa amazwi ale milebe yam;
12. Phulaphula ngenyameko, Nyana wam.

13. Wena uphakathi kwabantu abaya kwamkela:
14. Ukuba uya kusoloko wena ubamamela.
15. Ngephanyazo uya kuzibona unenkumbulo yabazali;
16. Xa ndisitsho, nyana wam andidlali.

.....

4.7.1 Uhlobo/Udidi lombongo

- Ngumbongo nkcazo kuba umbhali uchazela unyana wakhe indlela yokuziphatha ebomini njengoko yena yise eza kulandulela eli.

4.7.2 Inkcazelo ngomyolelo

- Umyolelo ngamazwi / ngumyalelo oye ushiywe ngumntu xa eza kulandulela eli, nangona kule mihla sele ibhalwa phantsi kwaye wenziwa nokuba umntu akakazulandulela eli/ akazokubhubha/ akakazukufa.

4.7.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo
Wambeswe	Ukuphiwa iimpahla zokunxiba xa ubuhlelwe sisehlo/kukho umsitho othile.
Ilixa	Ixesha elimiselwe okuthile.
Qobo lwesizalo	Umntwana omzeleyo
Ngenyameko	Ngokuzondelela nangokuzinikela uncekelele kwimeko ethile.
Ngephanyazo	Okwenzeka ngokukhawuleza okukhulu
Unenkumbula yabazali	Ukuba nabantu abaninzi abakuthatha njengomntwana wabo.
Maleke	Ukwambathisa umntu obehleli ambethe/ukunxiba phezu kwezinye iimpahla.
Iphaphamile	Ingqondo eqiqisisayo nelumkileyo.
Ufinge iintshiyi	Ukubanokungakhululeki ngokwenkangeleko yobuso.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Umkhonzi	Umntu onqula Ophezulu ozinikele kuye/ umntu othobela imithetho namagunya abaphetheyo.
Intsika	Ipali exhasa indlu(ngumntu othembekileyo ongagungqiyo kwisigqibo sakhe.
Ifela olufelayo	Umntu okwaziyo ukukumela.

4.7.4 Umxholo

- Umbongo ungomyolelo wexhego elixhobisa unyana walo ngobom/umbongo ungokusikelelwa ngonyana ngutata/ lixhobisa unyana ngendlela yokuziphatha, yokuhlala nabantu lakuba lona lingasekho.

4.7.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Imbongi ixelela unyana wayo ukuba liza kusweleka ke ngoko umshiya neentsikelelo.
Kwisitanza 2	Imbongi icela unyana wayo ukuba makamamelisise
Kwisitanza 3	Ixelela unyana wayo ukuba makamamele ngenyameko ukuze athi akubhubha yena yise unyana ashiyeke ewazalisekisa amazwi akhe.
Kwisitanza 4	Kufuneka unyana asoloko ebamamela abantu ukuze bamamkele, ngokwenza ngolo hlobo uya kuzibona enabazali nokuba bona bazali bakhe ncakasana sele babhubha.
Kwisitanza 5	Imbongi icebisa unyana wayo ukuba aze angabi nekratshi Angazingci.
Kwisitanza 6	Uyamxelela ukuba kufuneka abe nobuchule bokukhetha izihlobo azikhethe ngenyameko ukuze zimbonise xa elahleka.
Kwisitanza 7	Icebisa unyana wayo ukuba kufuneka azithobe abe yigusha, ukuba wenze ngolo hlobo uya kufumana iziqhamo, njengoko eya kwamkelwa ngabant.
Kwisitanza 8	Imyala ngamazwi athi aze ahlonele omdala nomncinci, amahlwempu awaphe izinto angenazo. Amkele bonke abantu, kodwa noxa kunjalo angabali.
Kwisitanza 9	Iyamcebisa kwakhona ukuba kufuneka asoloko ekhululekile, ekrelekrele.
Kwisitanza 10	Apha imbongi iyala unyana wayo ukuba aze angenzi izinto ezingalunganga, angakhohlakali, angabi nekratshi, kodwa abe likholwa lokwenene nethemba ebantwini.
Kwisitanza 11	kwesi sitanza imbongi icela unyana wayo ukuba makenze isethembiso, amthembise ukuba akayi kuwulibala lo myolelo, kuba ukuba uthe wawulibala uya kuzifaka etyaleni elingenasiphelo. Ucela kwakhona unyana wakhe ukuba aze angamlibali uThixo wakhe omnike ubomi.

4.7.6 Intsingiselo engundoqo

- Imbongi yenza umyolelo kunyana wayo njengoko iza kusweleka. Ipha unyana wayo amazwi obulumko nendlela yokuziphatha nokuhlala nabantu. Ithi ezintweni zonke aze angayenzi impazamo yokulibala uThixo

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Imfundiso

- Umntu uzenzela izihlobo kwaye uzizisela amathamsanqa ngezenzo zakhe.

4.7.7 Umoya wembongi:

Ngokuxhalaba/ukunxuba/ukunxunguphala kuba ungomyolelo esiwaziyo ukuba wenziwa ngumntu oza kusweleka, ashiye usapho lwakhe. Isebenzisa isigama esidala inkxalabo esisesi:
"Namhla ndiyakushiya"; "Selikufuphi ilixa ke ngoku…"

4.7.8 Imifanekiso ngqondweni

Umfanekiso ngqondweni weliso. Imizekelo**:**

- "Inkumbula yabazali"
- "Omkhulu nomncinci"
- "Ufinge iintshiyi"

Umfanekiso ngqondweni wendlebe. Umzekelo:

- "Ubethe imilozi"

4.7.9 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza Sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.7.10 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo unezitanza ezilishumi elinanye.
- Isitanza ngasinye sinemiqolo emine.
- Amagama akalingani kwimiqolo yezitanza:
- Isitanza sokuqala, umqolo 1 nowesi 3 amagamama ma-4 kanti umqolo 2 nowesi- 4 unamagama ama-5.
- Isitanza sesibini, umqolo1,2 no4 amagama ma-5 kanti umqolo -3 amagama ma-4.
- Isitanza sesithathu, umqolo1,2 no4 amagamama-4 kantu umqolo-3 unamagama ama-5.
- Isitanza sesine esesihlanu nesethoba, imiqolo yomi-4 inamagama ama-5.
- Isitanzasesithandathu, umqolo 1 nowese- 2 amagama ma-4, umqolo -3 amagama ma-6 kanti kumqolo-4 amagama ma-5.
- Isitanza sesixhenxe, umqolo 1,2 nowesi-3 unamagama ama-6 kanti umqolo -4 unamagama ama-4.
- Isitanza sesibhozo, umqolo 1, 3 nowesi 4 unamagama ama-5 kanti umqolo -2 unamagama ama-4.
- Isitanza seshumi, umqolo -1 nowesi-3 amagama ma-5, umqolo -2 amagama ma-6 kanti umqolo 4 amagama ma-4.
- Isitanza seshumi elinanye, 1,2 4 amagama ma-5 kanti umqolo-4 amagama ma-4.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

INTLIZIYO YAM: C NQAKULA

1. Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
2. Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
3. Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
4. Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
5. Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
6. Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
7. Eziza ngongcwalalzi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo –
8. Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

9. Intliziyo yam lusindiso lwam;
10. Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
11. Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
12. Kanti nakwezingendawo iyandisa.

13. Mandiyithini ke le ntliziyo,
14. Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

4.8.1 Udidl/Uhlobo lombongo

- **Yisonethi (**yaMangesi/Kashakespeare) kuba inekwathreni ezintathu kunye nekhaphuleti (eyimiqolo emibini yokugqibela)
- Lo mbongo yisonethi kuba inemiqolo elishumi elinesine.
- Imiqolo yokuqala esibhozo yiOkthevu kanti emithandathu yiSesthethi, kule emithandathu emibini yokugqibela yikhaphlethi.

4.8.2 Inkcazelo ngentliziyo

- Intliziyo lilungu lomzimba elimpompa igazi lithumele kwamanye amalungu omzimba.
- Ikwayeyona ndawo ekukholelwa ukuba qulathe iingcinga zomntu ezintle nezimbi.

4.8.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo
Indityhilela	Ukubonsa izinto ebezingakucacelanga.
Iyandityhola	Kukubekwa ityala ungalenzanga (iyandilahlekisa)
Ukusindisa	Ukuhlangula umntu osengxakini
Umthwalo	Into ekusindayo eluxanduva kuwe/lwakho
Umkhonto	Isixhobo sentsimbi/isinyithi esilolwe sabukhali esinecala lokubamba necala lokuhlaba.
Walubengu	Ukulolwa ibebukhali kakhulu
Ukubinza	Kukuhlaba kakhulu kabuhlungu ngento ebukhali etsolo.
Ukuzanyazanyiswa	Kukuxikixwa ziingcinga ezibuhlungu ingonwabi.
Ukudutywa	Ukukhathazwa zizilingo
Izilingo	Iimeko ezikuxhela umxhelo zikuvise intliziyo ebuhlungu
Ngongcwalazi	Xa kuqala ukutshona ilanga
Ngesifingo	Ekuseni kakhulu xa kuza kusa
Kwezingendawo	Izinto ezingezizo
Imkhonza	Imbeke ngokugqithisileyo imnqula

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.8.4 Umxholo

- Umxholo walo mbongo ungentliziyo enamacala amabini, elibi nelihle/ ungentliziyo eyingozi ekwaluncedo kumniniyo.

4.8.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Imbongi isivezela ukuba intliziyo ibonisa izinto ezininzi: ezintle nezimbi. Iyamlahlekisa ngamanye amaxesha, ukanti ngamanye amaxesha imbonisa izinto ezakhayo.
Kwisitanza 2	Intliziyo ineengcinga ezakhayo nezilahlekisayo.
Kwisitanza 3	**(Kwikhaphulethi)** intliziyo iyingxaki efunekayo.

4.8.6 Intsingiselo engundoqo /yentsusa

- Imbongi ithetha ngentliziyo elilungu lomzimba enecala elihle nelibi.

4.8.7 Imfundiso

- Intliziyo yomntu nakuba iluncedo nje iyakwazi ukulahlekisa umntu.

4.8.8 Umoya wembongi

- Imbongi imbolombini, oko kwenza ukuba kubeko ukonwaba nokukhathazeka kuba isigama esisebenzisileyo sibonisa ukulithanda icala elihle lentliziyo kanti ikwabonakalisa ukuchaphukela icala elibi lentliziyo. Obungqina boku:“Intliziyo yam lusindiso lwam;” “Intliziyo yam kukutshabalala kwam;”

4.8.9 Imifanekiso ngqondweni

- **Umfanekiso ngqondweni weliso: Imizekelo**
  - “Hayi madoda unzima.”
  - “Umkhonto ololwe walubengu”.
- **Umfanekiso ngqondweni wesikhumba: Umzekelo**
  - “Udale amanxeba afana nawale ntliziyo”

4.8.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.8.11 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo wenziwe zizitanza ezithathu.
- Isitanza soku-1 senemiqolo esi-8.
- Esisibini sinemiqolo emine, esesithathu sinemiqolo emibini
- Isitanza sokuqala, umqolo1,3,5 nowesi-7 unamagama ama-5 ukuze umqolo 2,4,6 no 8 ubenamagama ama-4
- Isitanza sesibini, umqolo 1 no 2 unamagama ama-4 kanti umqolo 3 nowesi-4 unamagama ama-3.
- Isitanza sesithathu, umqolo -1 unamagama ama-4 ukuze owesibini ubenamagama ama-5.

4.9 UMLAMBO-J.J.R. JOLOBE

1. Mna ndingumntwanana
2. Wesibhakabhaka.
3. Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
4. Ndandihamba-hamba
5. Ngenqwelo yomoya,
6. Ndinxib`ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa

7. Ke ndondel`ezantsi,
8. Ndanqwenel`ilizwe,
9. Ndavatha iingubo ezizezozilo.
10. Ndaza ke ndacanda
11. Isibhakabhaka,
12. Ndimenyezela njengombethe qhwa.

13. Ndaza ke ndawela
14. Phezu kwalo mhlaba
15. Udaka nothuli olungcolisayo.
16. Suka ke ndangcola,
17. Ndambi njengodaka;
18. Ndehlel` ebumnyameni ngaphantsi phaya.

19. Ngoku ke ndivela
20. Kuloo nzonzobila.
21. Sendimhle, ndimhlophe, ndihlambukile.
22. Sendiphuma phaya,
23. Ecaleni Kanye
24. Lezaa Ntaba zimahlathi abumnyama.

25. Sebesela apha
26. Bonke, banelisiwe
27. Abanxaniweyo bayo lemimandla.
28. Abahlambi kum na,
29. Bacoceke gqathu,
30. Boshum`abangcolileyo bezi ntlambo?

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

31. Kanti akusoze
32. Ubone kuncipha
33. Nakungcola kwami kukuhlamba oko;
34. Waye ungasoze
35. Ubone kudinwa
36. Kukwenz`ubulungisa, yonk`imihla le.

37. Ndikwaphambukela
38. Nasemasimini,
39. Ndinike ubomi kwizilimo ezo;
40. Ndimke ziphilile
41. Sezincumancuma,
42. Ndihambe indlela ebulolo yam.

43. Endleleni mgama
44. Ndifuman`umsili,
45. Edinw`ephelile, athi, ``Khawuncede,
46. Mandlandini, Mlambo. ``
47. Ndifinyez`ingubo.
48. Ndityhal`elo vili njengendoda mna.

49. Ndizolile cwaka;
50. Ndinyathela kuhle
51. Kwiindawo ezintle ezibuthafa.
52. Ndiyacamngca wena,
53. Ndibulel`umdali
54. Ngendalo ebunzwan`ejikeleyo qho

55. Olu hambo lungaba
56. Lulula na lonke?
57. Akukho zinzima zihlungisa umxhelo?
58. Ndibetheka nzima
59. Ezingxangxasini,
60. Nalapho ke ndihleke ndigigitheke.

61. Ke ndihamb`indlela
62. Yabaninzi bethu,
63. Ekungabuyway`esiphelweni sayo,
64. Kwisithabakazi
65. Esinga kulo yonke imilambo le,
66. Andiphelel`apho

67. Yakuphel`ihambo;
68. Ndibuya ndinyuke ndigoduke kambe.
69. Mna ndingumntwana
70. Wesibhakabhaka.
71. Ikhaya lam likwelaa zulu liluhlaza.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.9.1 Uhlobo/udidi lombongo

- Ngumbongo-nkcazo kuba imbongi isichazela ngomlambo, indlela owenzeka ngayo kunye nemisebenzi yomlambo.

4.9.2 Inkcazelo ngomlambo

- Umlambo ngumjelo wamanzi asuka ezintabeni ahambe aye kunqumla iindawo ngeendawo uye kuphelela elwandle.
- Umlambo uneendawo ezinobunzulu nezingamanyele.

4.9.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo eqhelekileyo	Intsingiselo efihlakeleyo
Umntwanana	Umntu oselula ngokobudala, ongekakhuli kuyaphi ngokomzimba nengqondo	Ubuncinane njengoko kukho ulwandle olukhulu
Ezimakhwezi khwezi	Iimpahla/izinxobo ezikhazimlayo/eziqaqambileyo ngebala	Amafu amhlophe esibhakabhakeni.
Ukondela	Ukuyijonga ithuba elide into ingqondo yakho yonke uyimilisele kuyo.	Ukuthi gubungu kwamafu elungele ukuwisa imvula.
Ndavatha	Kukunxiba ezinxibo ezilungele umsitho/umcimbi othile	
Ezizezozilo	Ukuzila kukunxiba kukuzibekela bucala emva kokwehlelwa sisehlo esithile. Xa bekubhujiwe lowo ubhujelweyo ukuba ungumfazi unxityiswa iimpahla ezimnyama kuba ezilile.	Amafu afingizayo amnyama eza nemvula.
Inzonzobila	Yindawo enzulu emlanjeni enobungozi, ede xa uyijongile ufike amanzi emnyama	
Ukuhlambuluka	Ukuzicoca ngokukhupha zonke izibi ezikuwe.	
Gqathu	Ukwenzeka kwento ngokugqibeleleyo.	
Kuncipha	Ukuya esiphelweni/ Into eya iphela ngokuphela.	
Ukuphambukela	Ukuthi cebu kwindlela yakho, ukhe uhambe ngenye okanye udlule ndaweni ithile ngeenjongo ezithile.	
Ebulolo	Ukuhamba wedwa	
Mgama	Ubude bendlela.	
Umsili	Umntu osilayo/ ogubayo.	
Ndifinyeze	Ukunyusela phezulu /Ukwenza mfutshane.	
Ukucamngca	Ukucinga nzulu.	
Ubunzwana	Ukubukeka/ ubuhle obucikizekileyo	

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

	ngokwenkangeleko yangaphandle.	
Umxhelo	Uvakalelo lomphefumlo	
Iingxangxasi	Amanzi amaninzi asuka phezulu emaweni ehla ngamandlakazi amakhulu.	
Ukugigitheka	Intsini engapheliyo elawulwa luvakalelo.	Isandi sokubetheka kwamanzi emaweni.
Kwisithabakazi	Indawo enkulu nebanzi kakhulu ekungelula ukubona isiphelo sayo.	Ngokwalo mbongo lulwandle.

4.9.4 Umxholo

- Lo mbongo ungemvelaphi yamanzi omlambo, indlela adaleka gayo, ukubaluleka kwawo, imisebenzi yawo kwindalo nakuluntu jikelele.

4.9.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Sichazelwa ngemvelaphi yomlambo, ukuba umlambo usuka esibhakabhakeni.
Kwisitanza 2	Kuqala kuqulungane amafu, ajingele busezantsi ze emva koko amachaphaza ayimvula ehle ngesibhakabhaka.
Kwisitanza 3	Izinto othe wadibana nazo apha emhlabeni (Umz: udaka, uthuli).
Kwisitanza 4	Indawo othe waya kufikelela kuyo umlambo emva kokuba imvula ithe yawela emhlabeni.
Kwisitanza 5	Imisebenzi yomlambo.
Kwisitanza 6	Ukungadinwa komlambo ngenxa yokwenza imisebenzi ethile
Kwitanza 7	Iindawo apho uthi uphambukele khona umlambo xa ukolu hambo lwawo.
Kwisitanza 8	Izinto ezenziwa ngumlambo apha endleleni.
Kwisitanza 9	Ubunzima othi udibane nabo umlambo.
Kwisitanza 10	Indawo ofikelela kuyo umlambo njengeminye imilambo.
Kwisitanza 11	Indawo ophindela kuyo umlambo emva kohambo lwawo oluza emhlabeni.

4.9.6 Intsingiselo engundoqo

- Imbongi isichazela ngomlambo kunye nemisebenzi yawo.

4.9.7 Imfundiso

- Imfundiso yokuba ubomi bungumxhube wezinto ezintle nezimbi/ yimfundiso yokuba ebomini kufuneka ulindele okubi nokuhle/ yimfundiso yokuba izinto odibana nazo ebomini zingakutshintsha/ yimfundiso yokuba amanzi amvula asuka esibhakabhakeni esulungekileyo afike emhlabeni angcole.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.9.8 Umoya wembongi

- Wonwaba/wovuyo ungenkqubo yokudaleka komlambo ngokwamanqanaba etyhilwa ngesigama esikhaphukhaphu esincomayo nesidiza udlamko esisesi: “Ndinyathela kuhle”; “Kwiindawo ezintle”; “Sezincumancuma” Ndibulel’ uMdali”

4.9.9 Imifanekiso ngqondweni

- **Umfanekiso ngqondweni weliso. Imizekelo:**
  - “Mna ndingumntwanana.”
  - “Ikhaya lam likwela zulu liluhlaza.”
  - “Ndinxibe ezimakhwezikhwezi.”
  - “Ezimhlophe qhwa.”
  - “Ndondel’ezantsi.”
  - “Iingubo ezizezozilo.”
  - “Ndimenyezela njengombethe qhwa.”
  - “Sebesela.”
  - “Sezincumancuma.”
  - “Ndityhale.”

- **Umfanekiso ngqondweni wendlebe**
  - “Ndihleke ndigigitheke: uphuhlisa isandi esinziwa ngamanzi xa ebetheka ematyeni okanye xa kunethe kakhulu kwagcwala umlambo.”

4.9.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.9.11 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo wenziwe zizitanza ezilishumi elinanye.
- Isitanza 1,2,3,4, 5, 6, 7, 9 & 11, ngasinye senziwe yimiqolo emi-6.
- Isitanza sesi-8 senziwe yimiqolo eli-12
- Isitanza se-10 sona senziwe yimiqolo 5
- Imiqolo yenziwe ngamagama angalinganiyo.
- Isitanza sokuqala, umqolo 1,4,5 amagama ma-2, umqolo-2 igama linye ukuze umqolo-3 & 6 ubenamagama ama-4.
- Isitanza sesibini, umqolo 1,3,6 amagama ma-3, umqolo -2 no 4 amagama ma-2, umqolo wesihlanu igama li-elinye.
- Isitanza sesithathu, umqolo 1,2,3,4 amagama ma-3, umqolo 5 amagama ma-2 umqolo 6 amagama ma-4.
- Isitanza sesine, umqolo 1,3 amagama ma-3, umqolo 2,4 no 5 amagama ma-2 ze umqolo-6 ubenamagama ama-4.
- Isitanza sesihlanu, umqolo 1,2,5 amagama ma-2, umqolo 3,4 amagama ma-3 ze umqolo -6 ube namagama ama-4.
- Isitanza sesithandathu, umqolo1,2,4,5 amagama ma-2, umqolo -3 amagama ma-4 ze umqolo -6 ube namagama ama-5.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Isitanza sesixhenxe, umqolo 1,2,5 igama li-1, umqolo -3,6 amagama ma-4 ze umqolo -4 ubenamagama ama-2.
- Isitanza sesibhozo, umqolo 1,2,4,5 ,7,8,10,11 amagama ma-2, umqolo 3,12 amagama ma-4 ze umqolo -6 ubenamagama ama-5.
- Isitanza sethoba, umqolo 1, 2, amagama ma-3, umqolo -3 no 6 amagama ma-4, umqolo -4 amagama ma-2 ze umqolo wesihlanu ubenegama eli-1.
- Isitanza seshumi, umqolo 1 no 3 amagama ma-3, umqolo 2 amagama ma-2, umqolo 4 igama linye ze umqolo 5 ube namagama ama-5.
- Isitanza seshumi elinanye, umqolo1, 2, 4 amagama ma-2, umqolo-3 amagama ma-4, umqolo -5 igama li-1 ze umqolo -6 ubenamagama ama-5.

4.10 UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK Mqhayi

"Ndesuka ndingunina kwa Sirayeli" (*Gwebi* 5:7)

1. Shukumani bafazi;
2. Ushenxil'uMamarhixirhixi;
3. Ufinyis'amagruxu;
4. Ushenxil'okad'esakh'umzi;
5. Egutyul'iirhanga namanxila;
6. Egodus'amahihihil'agoduke;
7. Kubuy'amadungudwan'emazweni;
8. Itye lesiseko seTiyopiya!
9. Shukumani bafazi!

10. Igqibil'intomb'asemzini;
11. Igqibil'intomb'aseLusuthu;
12. Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni
13. Ukhe wabek'iinyawo kwelabaTswana
14. Kusapho lukaKama nolwabaRolweni;
15. Wabek'amabele kubaThembu;
16. Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
17. ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

18 Maz'emabele made yase-Afrika;
19 Okwanyis'usapho lukaNtu luphela;
20 Azi nonyaka yaphusile nje;
21 Logangwa yintokazi kabani na?
22 Menzelen'ilitye lokukhunjulwa,
23 Ze siqhayisele ngal'amavilakazi;
24 Az'angaz'alityalwe kowabo;
25 Az'angaz'alityalw'emhlabeni,
26 Az'angaz'alityalw'-eAfrika!
27 Nci! Ncincilili!

4.10.1 Uhlobo/ udidi lombongo

- Yi eleji/ isimbambazelo/ ngumbongo sikhuzo/ngumbongo othuthuzelayo kuba imbongi ithuthuzela isizwe ngelahleko yokushiywa ngu Charlotte Manyhi Maxeke/ isixelela ngongasekhoyo uCharlotte Manyhi Maxeke kunye negalelo lakhe elihle esizweni.

4.10.2 Inkcazelo ngoCHARLOTTE MANYI MAXEKE

- Ubengumfazi wokuqala omnyama ukulwela amalungelo abafazi
- Wabhubha ngomhla we-16/Oktobha/1939.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.10.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo
Ushenxile	Uswelekile
UMamarhixirhixi	Umntu owenza imisebenzi enzima/ Umama osebenza ngabantu abanezimilo ezingajongekiyo
Ufinyisa	Ukusula iimpumlo ezinento engathandekiyo ngenjongo yokumenza mhle athandeke/ abukeke/ ajongeke (ukususa into emdaka emntwini, isenokuba ngumkhwa, isenzo ngenjongo yokumenza ajongeke kwabanye
Amagruxu	Zizinto ezimdaka/ abantu abadla konke
Egutyula	Ukususa ukungcola (ukususa imikhwa emibi engathandekiyo)
Amanxila	Abantu abasela utywala abangakwazi ukuzilawula (abantu abathanda izinto ezithile- nanjengoko ebengunontlalontle kubhekiswa kubantu abanxilayo abebanceda.
Amahilihili	Abantu abangasagodukiyo abahleliesithubeni bengenazinto
Iirhanga	Iipaseji ezincinanana (iindawo ezingakhiyo)
Amadungudwane	Abantu abangenandawo yokuhlala
Wabek'inyawo	Ukuhambela kwindawo ethile
Wabekamabele	Ukuya kwendela kwindawo ethile
Ukwanyisa	Ukuncancisa umntwana ubisi (ukunceda abasweleyo)

4.10.4 Umxholo

- Lo mbongo ungesiganeko sokunduluka kukaMama uCharlotte Maxeke emhlabeni negalelo lakhe elihle elizweni/ungemisebenzi emihle kaMama uCharlotte Maxeke ongasekhoyo ebeyenzela isizwe ngexesha lokuphila kwakhe/ kulo mbongo imbongi isixelela ngomama uCharlotte Maxeke ongasekhoyo nemisebenzi yakhe emihle esizweni.

4.10.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Imbongi isixelela ngokusweleka kukamama uCharlotte Maxeke kunye negalelo lakhe esizweni, iyalela abantu ababhinqileyo ukuba makubekho indima abayidlalayo njengoko eswelekile uCharlotte.
Kwisitanza 2	Imbongi isixelela ngemvelaphi kamama uCharlotte Maxeke, isiduko salapho endele khona kunye neendawo athe wazityelela, eshiya uzmila wemisebenzi emihle.
Kwisitanza 3	Imbongi ibonisa ixhala lokuba ngubani na oya kuthi adlale indima kaCharlotte njengoko eswelekile. Oku kukwabonisa ukuba ushiye izihlangu ezikhulu ekungenguye nabani ongangena kuzo, kuba ababaninzi abantu abanjengaye. Igxininisa ukuba makwenziwe izinto aza kukhunjulwa ngazo ukuze lingacimi igama lakhe.

4.10.6 Intsingiselo engundoqo

- Imbongi ibonisa igalelo elihle lokulwela abafazi/abantu ababhinqileyo elenziwe ngongasekhoyo uCharlotte Maxeke/ indima edlalwe nguCharlotte esizweni ngokubanzi elwela abafazi/ Imisebenzi emihle yokulwela abafazi eyenziwe nguCharlotte lo gama ebesadla amazimba

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.10.7 Imfundiso

- Wonke umntu unoxanduva lokwenza ngcono ubomi babanye abantu, ingakumbi obabantu abahlelelekileyo/Isizwe masiyiqaphele imisebenzi yabasetyhini siyidumise xa ikho edumisekayo.

4.10.8 Umoya wembongi

- Ngowokukhathazeka/ wonxunguphalo kuba umkile uMama Maxeke isizwe silahlekelwe/ Ngowokuvuya kuba kunconywa igalelo likaCharlotte Maxeke kumzi kaNtu neAfrika iphela.

4.10.9 Imifanekiso ngqondweni

- **Umfanekiso ngqondweni weliso**
  - Ufinyis'amagruxu;
  - Egutyul'iirhanga namanxila;
  - Egudus'amahilihili uphuhlisa;
  - Wabek'iinyawo;
  - Wabekamabele;
  - Ilitye lokukhunjulwa;

4.10.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza Sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.10.11 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo wenziwe zizitanza ezithathu.
- Isitanza sokuqala senziwe yimiqolo eli-9
- Inani lamagama kw sokuqala, umqolo 1,2,3,9 amagama ma-2, umqolo 4 amagama ama-4, umqolo 5,6,7,8 unamagama ama-3.
- Isitanza sesibini senziwe yimiqolo esi-8
- Inani lamagama kw sesibini, umqolo 1,2,3,5,6,7,8 amagama ma-3, umqolo-4 amagama ma-4
- Isitanza sesithathu senziwe yimiqolo eli-10
- Inani lamagama kw sesithathu, umqolo 1 amagama ayi-5, umqolo 2,3,4,6,7,8,9 unamagama -9, umqolo-5 amagama ma-3, umqolo-10 unamagama ama-10.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.11 UMKHOSI WEMIDAKA: S.E.K. MQHAYI

1. Aye phi na!
2. Aye phi na!
3. Aye phi n`awakowethu?
4. Zemk`iinkomo magwalandini!
5. Sipheth`iintonga zobugqi!
6. Zitsho shushu ezasemoyeni,
7. Zinemililo nemibane,
8. Ziduduma zigqekreza
9. Midondosholo ye-Afrika,
10. SingamaBhritani thina,

11. Phindela kwakhona!
12. Phindela kwakhona!
13. Biz`amagorh`ezilalini
14. Biz`amagorh`ezilokishini;
15. Bangasali ngemv`abeBhulasi
16. Ing`amadod`afikile,
17. Ivunywa ngekrwana nentshuntshe
18. Ivunywa ngekhaka negazi.
19. SingamaBhritani thina,
20. Ngenene singamaBhritani!

21. Wayekela! Wayekela 1
22. Wayekela lawundini!!
23. Mdak` omnyam`olal`esngeni,
24. Mdak`omnyam`onezinja zawo;
25. Gqirha lendlela nguqongqothwane.
26. Siwel`iGqili siwel`iLigwa,
27. Siwel`iLimpompo neZambesi;
28. Smdle luhlaza uMsoleni:
29. SingamaBhritani thina,
30. SingamaBhritani okwenene!

31. Phakathi! Phambili!
32. Phakathi! Phambili!!
33. Mathol`ezala-kulandelwa
34. Nokhulul`amaFiji,
35. Nihlangul`amaGala;
36. Ninced`amaBhasiniya;
37. Niwajij`amaMjiji,
38. SingamaBhritani maan,
39. SingamaBhritan`ephelele!

40. Ifikil`ingom`amadoda!
41. Soyivuma ngemihlali,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

42. Siqabel`iintaba zematopo;
43. Siqabel`iintaba zamaKenya,
44. NezeSikhalima-njalo,
45. Siyavuma ngemincili:
46. Ingom'ebhombo noganda-ganda;
47. Ingom`esinandile nerhuluwa.

48. Hambani makwedini!
49. Zenibuye kamsinya!
50. Kuba nasekhaya kukh'amaGqubusha.
51. Nibuye nexhoba lomhlaba;
52. Ningalishiy'eleenkomo;
53. Nibuye nodumo Nozuko;
54. Nibuye noloyis'oluhle;
55. SingamaBhritani thina,
56. Mabandl'angatshonelwa langa.
57. Ndee ncincilili!
58. Ndee ntshobololo!!!

4.11.1 Uhlobo/Udidi lombongo

- Sisibongo/ngumbongo womthonyama.

4.11.2 Inkcazelo ngomkhosi wemidaka

- Umkhosi wemiDaka ngamadoda aNtsundu azinikela ukuba aya kulwa kwimfazweyehlabathi eyayiphakathi kweBhritane neJamani njengoko uMzantsi Afrika wawulithanga, ulawulwa yiBhritane.

4.11.3 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo
Zemk'iinkom magwalandini	Ukuhlaba ikhwelo xa kusonakala
Ubugqi	Ummangaliso/Ubunkuntsela ekwenzeni into ngendlela engaqondakaliyo.
Iintonga zobugqi	Imipu, izixhobo zokulwa
Midondosholo	Izigantsontso ezinezoso
Amagorha	Abantu abazibalule ngobukhalipha emfazweni
AmaBhulasi	Iifama
Ikrwana nentshuntshe	Izixhobo zokulwa zesiNtu
Ikhaka	Isixhobo sokuzikhusela esasisenziwa ngofele kudala ze senziwa ngesinyithi.
Esingeni	Indawana ebuthafa elinemithana engemide kuyaphi.
Uqongqothwane	Isinambuzane esincinane esimnyama esinoqweqwe olulukhuni.
IGqili, iLigwa	Imilambo yaseMzantsi afrika (Orange river & Vaal river)
UMsoleni	NguMussolin yinkokheli yase Italy eyayincedisa uAdolf Hitler kwimfazwe yokuqala yehlabathi
Simdle luhlaza	Simenzakalise ngokungenalusini.
Amafiji, amaGala	Iintlanga ezithile
Bhasiniya	Luhlanga lwaseBosnia
Iintaba zeSikhalimanjalo	Kilimanjaro

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Amagqubusha	Abantu abakhohlisayo nabangamaxoki
Ezasemoyeni	Iinqwelo moya zemikhosi yokulwa

4.11.4 Umxholo

- Lo mbongo umalunga namadoda aNtsundu aseMzantsi Afrika ayeye kuncedisa amaBhritane kwimfazwe yokuqala esilwa ne Jamani njengoko uMzantsi Afrika wawulawulwa yiBhritane, kwakulindelwe ukuba abuye noloyiso.

4.11.5 Umongo wesitanza ngasinye

Isitanza	Umongo/ingcamango ephambili yesitanza
Kwisitanza 1	Imbongi ihlabikhwelo / ihlabumkhosi ibonisa ukuba konakela ukuhlala.
Kwisitanza 2	Imbongi iyalela ukuba makubizwe amakroti avela kwiindawo ngeendawo ezizezi: ezilalini, ezilokishini kunye nasezifama.
Kwisitanza 3	Imbongi ikhuthaza imidaka ukuba mayingayekeleli inganikezeli njengoko beza kuwela imilambo eyaziwayo bamoyise uMussolini ongumncedisi kaHittler kule mfaze yokuqala.
Kwisitanza 4	Imbongi ibonisa indima ekufuneka idlalwe yile mikhosi yemidaka kule mfazwe ukuba kukukhulula izizwe eziphantsi kwaMajamani (amaFiji, amaGala namaBhasiniya).
Kwisitanza 5	Imbongi iveza uvakalelo lwayo lokuvuya njengoko beya kuthi baqabele kwiintaba ezinamagama bevuma ingoma.
Kwisitanza 6	Imbongi iyaleza imidaka ukuba ize ikhawuleze ibuye kuba nalapha eMzantsi Afrika kusekho izinto ezisafuna ukulungiswa.

4.11.6 Intsingiselo engundoqo

- Kuhlatyw'ikhwelo ebantwini abaNtsundu baseMzantsi Afrika ukuba bancedise iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi phakathi kwayo na Jamani kuba uMzantsi Afrika wawulithanga leBhritani.

4.11.7 Imfundiso

- Kubalulekile ukuzinikela xa usenza into /amazwi enkuthazo nancomayo aliyeza abantwini.

4.11.8 Umoya wembongi

- Yonwabile imbongi ngenxa yegalelo lemidaka lokuncedisa iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi njengoko yathi yoyisa umkhosi kaHittler noMussolini. Oko sikuva kwesi sigama: "Midondosholo ye-Afrika"; SingamaBhilitane thina"; "Soyivuma ngemihlali"; "Siyavuma ngemincili"; "Hambani Makwedini!"

4.11.9 Imifanekiso ngqondweni

- **Umfanekiso ngqondweni weliso**
  "Sipheth'iintonga zobugqi" Ibonisa abantu abaphethe imipu.
  "Midondosholo" ibonisa izigantsontso zamadoda anezoso.
  "Ikrwana nentshuntshe" ibonisa izixhobo ezibukhali zokulwa.
  'Ikhaka' ibonisa isixhobo sokuzikhusela.
  "Siwel'iGqili siwel'iLigwa Siwel'iLimpompo neZambesi"
  "Siqabel'iintaba zematopo, siqabel'iintaba zamaKenya nezeSikhilimanjaro,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- **Umfanekiso ngqondweni wendlebe**
  "Ziduduma zigqekreza"

4.11.10 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza Sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kw, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye kw.
- Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.11.11 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo wenziwe zizitanza ezi-6
- Isitanza ngasinye senziwe yimiqolo eli-10 ukusuka kwesokuqala – kwesesithathu
- Isitanza sesine senziwe yimiqolo eli-9
- Isitanza sesihlanu senziwe yimiqolo esi-8
- Isitanza sesithandathu senziwe yimiqolo eli-11
- Kw sokuqala, umqolo woku1,4,5,6,9 amagama ma-3, umqolo-2,7, 8,10 amagama ma-2 ze umqolo wesithathu unamagama ama-4
- Kwisitanza sesibini, umqolo1,2, 9, 10 amagama ma-2, umqolo 3 ukuya ku8 amagama ma-3.
- Kwisitanza sesithathu, umqolo1,2,9,10 amagama ma-2, umqolo 3,4,6 amagama ma-4, umqolo 5,7,8 amagama ma-3.
- Kwisatanza sesine, umqolo 1,2,4,5,6,7,8,9 amagama ma-2 ze umqolo 3 ube namagama ama-3.
- Kwisitanza sesihlanu, umqolo1,2,4,8 amagama ma-3, umqolo 2,5,6 amagama ma-2, umqolo 7 amagama ma-4.
- Kwisitanza sesithandathu, umqolo1,2,5,8,10,11 amagama ma-2, umqolo 3 amagama ma-4, umqolo 4,6,7,9 amagama ma-3.

4.12 A! NGANGOMHLABA! S.E.K. MQHAYI

1. Yema mangqangq`iManisipaliti,
2. Akroz`amajon`oMkhosi,
3. Yahlahlamb`iNtambula ka-I.C.U.
4. Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!
5. "Zaphal`imoto nemotokali".
6. Laphalal` igazi lenkabi zontatu,
7. Zakhala zakuhlatywa zatakazela!
8. Zathi, Bho-ho-ho kankomo!
9. Lanyikima lonk`elakwaGompo,
10. Zaqaba calany`iintokazi;
11. Laxakek` igwangqa lenqwelem:
12. Lafun`ukuth`inkanun`ayikenzi nto.
13. A! Ngangomhlaba!
14. A! Ngangomhlaba!

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

15. NguSo-kugqononoza;
16. Udong`olubomv`olulil`iinyembezi,
17. UMqanduli yinxil`engaphakathi,
18. UGoliva yingxow`okutshayela;
19. Sisiyangayanga, yindab`amaxhego,
20. Ubutyil`umnt`ohlal`engxoweni,
21. Ukutya kokuhamb`akuyi suswini
22. Kuhlal`ezinyaweni kweliphezulu,
23. Zekuthi ukuhlala kuhle nomnqambulo.
24. Ngubo kaSoy`izel`amaqhinga
25. Kub`uyityil` ifatyi wayikhanyela,
26. Wayivimb`impi yaseB`ngeni,
27. Yindaba kaJoji zoKezela
28. Babambene ngelif`elisetyesini;

29. Mzi kaDweb` unuk`amalongo.
30. Ndikhapen`ndikhapen` ndicand`ulwandle,
31. Ndiye kwaBomvana kowetu,
32. Hambani niyokufun`iMbong`eninokolwa yiyo.
33. Mn`andifunwanga ndimoshiwe,
34. Mn`andifunwanga ndibalekile,
35. Hambani `nokufun` iMbong`eyokolwa nini,
36. Tumelan` umfana kokaMtoto,
37. OkaMtot` aye kuLudidi noWaqakata,
38. Ubuyil` umfana weza nelizwi
39. Uth`uLudidi no Waqakata balibe ziwatsha.
40. A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhlaba!
41. Sinika!

42. Kulahlek` inkwenkwezi yoKumkani.
43. Kwagqum`okaNopanyaza kwaGompo,
44. Wothuk` uBusobengwe kwelikaHintsa,
45. Kwaqugumb` uNosikakana phezu kweTole.
46. Yamathumb`antaka ekaLuzipo eKunene.
47. Zagidim`incwad`ukusing`eMtata;
48. Lwambox`uthul` ukubek`eMatshona;
49. Zabuy`incwadi zisithi kwaNombor`Sikis,
50. Aph`izilonyana zodibana kona,
51. UNgangomhlaba noZweliyazuza.
52. Mhla kwahlw`emin`eDiyara;
53. Kwanuk`irhuluwa nentsimbi'
54. Kwatshixiz` umti komny` umti;
55. Kwaqawuk` imbeleko nemibeleso;
56. Wati umntu kudiben`izulu nomhlaba!
57. Bebedityaniselwa ntoninan` abangaka?
58. Kusaphuk`imikhonto nje ngoku siphina?
59. Yaba kukudlula kwalo njalo
60. Malixol`ilizw` inkwenkwez` ifumanekile.
61. Mazibuy`izinto ziye ngendawo zazo.
62. Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRubusana
63. Kde sinixelela zinkosi-

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

64. Sisithi wagcinen` amadun`akowenu!!
65. Ncincilili!!

4.12.1 Udidi/ uhlobo lombongo

- Lo mbongo sisibongo/ ngumbongo womthonyama. Oku kuvela ekubeni apha kubongwa umntu. Lelinye lamaqhawe eli nanjengoko yaye iyikumkani yamaXhosa kwisizwe samaGcaleka. Apha kubongwa igorha lesizwe nanjengoko obongwayo waye eyikumkani yamaXhosa.

4.12.2 Iimpawu ezibubungqina bokuba sisibongo esi

- Isikhahlelo: A! Ngangomhlaba!
- Amagama athi lowo ubongwayo awathiywe yimbongi ehluba imisebenzi yakhe: NguSo-kugqononoza.
- Uphinda-phindo lwesikhahlelo: A! Ngangomhlaba! A! Ngangomhaba!
- Kubongwa amagorha /amaqhawe: Lo ubongwa apha yikumkani yamaXhosa jikelele nezinze kumhlaba wamaGcaleka neyathi yazenza idini lesizwe.
- Sithi sisetyenziselwe ukuthibaza isenzo esingamkelekanga / ukuncoma ngokungafihlisiyo isenzo esiphuhlisa ubuthanda-zwe: … inkwenkwezi ifumanekile.
- Sinendlela esiphethwa ngayo Ncincilili!!

4.12.3 Imvelaphi yombongo

- Lo mbongo ubhalelwe ukuphuhlisa imincili ngelixa kusamkelwa ukumkani kumhlaba waseMonti.
- Kukwalandwa imbali echukumisayo eyadala ikumkani le ibe yehlonitshwayo ingakumbi zizizwe ezimhlophe zelixa lengcinezelo.
- Umbongo uphetha ngokuvakalisa imo eyaye yagquba emva kokubhubha kwekumkani le.

4.12.4 Inkcazelo ngongangomhlaba

- Lo nguKumkani uMpisekhaya Ngangomhlaba Sigcawu.
- Ngukumkani wamaXhosa eNqadu emaTshaweni nowaye engunyana kakumkani uSalakuphathwa Sigcawu.
- Sisizukulwana sikaKumkani uHintsa nowaye ephethe phakathi kweminyaka yama-1922 -1933.
- Yikumkani le eyakhulela kwaBomvana nanjengoko ilisiko elinenkqayi ukufihlwa komntwana wegazi de kufike ilixa elililo lokuvezwa kwakhe esizweni.
- Yikumkani le eyaye iphethe emva kukakumkani uGwebinkumbi wamaXhosa.
- Ikwayikumkani le eyakhe yanyevulelwa ngumbuso omhlophe ngokuthi ingamenywa kwindibano neekumkani.
- Ikwayikumkani le eqabuke ngelixa leMfazwe yokuQala yeHlabathi neyabangelwa nguKayizana (Kaizer) wamaJamani (1914 – 1918).
- Yikumkani le eyazi mhlophe ukuba nguKumkani uJoji wesiHlanu (King George V owathi wavumela ukuba eloMzantsi Afrika liphathwe phantsi kwenkqubo yoMdibaniso woMzantsi Afrika (Union of South Africa:1910 -1961) neyayikhuphela ngaphandle imidaka yeli lizwe.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.12.5 Intsingiselo yamagama angaqhelekanga kulo mbongo

Isigama	Intsingiselo yentsusa	Intsingiselo efihlakeleyo
Mangqangqa	Ukuxakeka uthi ungapha ube ungapha ulungisa umcimbi/okuthile	Ukuphithizela ngendlela engaqhelekanga
Akroza	Ukuhamba ngokulandelelana kwamajoni	
Yahlahlamba	Ukukhalela phezulu	Kuphuhlisa isandi esasiphezulu ngolona hlobo ukutolika izinga lokwamkeleka kwalowo waye elindelwe
I.C.U	Iqela leentambula	Iqumrhu le-Industrial Comercial Union neyaye isekwe nguClemens Kadalie
Zaphala	Ukuhamba ngesantya esiphezulu	Isantya esiphezulu kanobom ukuphuhlisa uthakazelelo/ umdla okwiqondo eliphezulu
Zakhala	Ukulila ngokuvakalayo	Isandi esizingileyo nesiluphawu lokuvuma kwalo nto ibe isenziwa
Bho-ho-ho	ukugxwala kweenkomo ngethuba zixhelelwa ukumkani. Ukubhonga oko kweenkomo ngokwemveli kwaye kungumqondiso wokuba icamagu livumile	
Lanyikima	Ukushukuma okunesandi esikhulu ngequbuliso	Ukuphuma komntu wonke kungasali nempunde
Zaqaba calanye	Zahomba ngokuchokoza zihombise ubuso	
Igwangqa	Umlungu	
Inkanunu	Sisixhobo sokulwa emfazweni	
A! Ngangomhlaba	Isikhahlelo esinika imbeko kwikumkani	Ukuqaqambisa lowo ubongwayo nokunika imbeko ngokukhahlela nokuluphawu lwesibongo somthonyama
Joji	Isilungu (King George V) waseBritane	NguKumkani uJoji V welizwe lamaNgesi owaye ephethe ngelixa leMfazwe yokuqala yeHlabathi nomkhosi wakhe walwa woyisa ngokubambisana
Kezala	Kaiser Wilhelm II	Umongameli welizwe laseJamani nomabhongo akhe obunganga adala uqhambuko lweMfazwe yokuQala yeHlabathi
Dweba	Unkosi uDweba	Inkosi yamaBomvana apho wayefihlwe khona uNgangomhlaba ebuntwaneni bakhe.
Ludidi	Inkosi yamaMpondomise	
Waqakatha	Inkosi yamaMpondo	
…balibele ziiwatsha	Izacholo zokuhomba.	Kuphuhliswa ukuba esi sibini silibele ngoonobenani kuba olu daba silubona njengemfeketho
Bosobengwe	Chief Magistrate Richard Brownlee	Imantyi eyaye yongamele kummandla we-United Transkei Territories eMthatha nekulapho zazihlalelwa khona iinyewe zeenkosi zamaXhosa

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Nombor Sikis	Inombolo esisithandathu	Kulapho kwakuza kuhlangana khona uKumkani Ngangomhlaba nekumkani yelizwe lamaNgesi uKing George V e-De Aar ngomhla wama 25/May/1925 ntlanganiso leyo yayiququzelwe nguBusobengwe (Brownlee)
Zweliyazuza	Isikhahlelo sekumkani yamaNgesi Neyayisakukhahlelwa ngamawayo njenge Prince of Wales ingekangeni kwisihlalo sobukumkani	Yindlela awaye wathiywa newayebizwa ngayo uKumkani uJoji V welamaNgesi
Diyara	De Aar	Idolophana ekuMntla Koloni ngokwanamhlanje nekulapho zanqoza khona phakathi kwamaNgesi namaXhosa
Irhuluwa	Umsi	Isisi esinevumba esiphokoka kwiinkanunu emfazweni
Nentsimbi	Isixhobo esomeleleyo esenziwe ngesinyithi (iron)	Ziimbumbulu ezaziphuma kwimipu nekuzizixhobo zemfazwe ekwakuliwa ngazo kulo mfazwe
Kwatshixiza	Isandi somthi	Imeko enzima yomlo apho kungekho cala lithe nyi kunelinye
Imbeleko	Ufele/ ibhayi lokubeleka umntwana/ usana	Unxibelelwano oluphakathi kwabantu ababini/ ukuphela kobudlelwane phakathi kwabantu abazanayo/ abasondeleleneyo
Imibeleso	Iintambo ezisetyenziselwa ukuthunga indlu efulelweyo ude ufika zijinga apha emacaleni/ zimbi ziqhinelwe ematyeni	Ukuphela kobudlelwane. Kaloku yakuqhawuka imibeleso indlu leyo ithi ibe sisisulu sokumkelwa luphahla yimimoya ebhudlayo
Kusaphuk 'imikhonto	Ukwaphuka/ ukuqhawuka phakathi	Ukuphela kwezixhobo zokulwa ngenxa yobunzima bemfazwe apho kungekho cala loyisayo.
Ukudlula	Ukuyishiya endleleni into kuba wena unesantya esingcono kunesayo	Kukuphela kwemfazwe kuba kukho icala eloyisakeleyo okanye ngenxa yokuba kuviwene ngokudalwa koxolo
Inkwenkwezi	Sisixhobo sokukhanya esibonakala sikhanyisa esibhakabhakeni ebusuku	Ngumhlaba (umda) lo nowaye uyimbangi yembambano owaye wade wafunyanwa ngamaXhosa ngenxa yobukhalipha bukaKumkani uNgangomhlaba
Ziye ngeendawo zazo	Ukubuyisela into kwindawo eyifaneleyo	Makubekho uxolo ngenxa yokuphela kwembambano
Rubusana	W.B. Rubusana	Ngumhlohli kaMqhayi lo nowathi waba nefuthe kuye kwimiba esingisele kwezopolitiko. UMqhayi ke ube ethanda ukungqinisisa kuye njengomakadebona
Ncincilili!!	Isiphelo/ isivala-mbongo	Intshukumo ebonisa ukuba imbongi (yomthonyama) iwuqwelile / iwufincile umsebenzi wokubonga ebe iwenza.

4.12.6 Umxholo

- Lo mbongo ungembali yamhla ukumkani Ngangomhlaba wanikwa intonga yakhe yobukhosi kweliya lakwaGompo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.12.7 Umongo wesitanza ngasinye

Kwisitanza 1	Apha kuxakekiwe ngumntu wonke kwamkelwa ngothakazelelo uKumkani uMpisekhaya 'Ngangomhlaba" Sigcau nowaye eyikumkani yamaXhosa akwaGcaleka esamkelelwa eMonti emva kokulwa ngempumelelo ukubanga nokubuyisa ngempumelelo umhlaba owaye uthathwe ngabaMhlophe. Imbongi isizobela umfanekiso ngqondweni weliso ngezinto ezaye zisenzeka nemeko yobushushu bothakazelelo ngenxa yesenzo sobugorha beli thole lesilo ukubuyisela isidima sabantu. Naxa kunjalo kuthi kubekho isaphuselana sekhatshakhowana lo mfo omhlophe nongumqhubi wenqwelo yamahashe othi abonakale emangalisekile yinkitha yomzontsundu ebecinga ukhukuliswe ngelixa lemfazwe. Lo mfo ukwaxhaliswe nakukuba naxa liyinxalenye yabelungu abatyayo kulo mhlaba alonwabanga kuba libubonile ubunganga bomzi ontsundu kwimfazwe ebezikhokelwe nguNgangomhlaba. sivalwa ngophindaphindo oluhla ngqo (***Ngokuka Prof D.N. JAFTA***) kukhahlelwa kukumkani nanjengoko eso isisikhahlelo sakhe sobukhosi ngeenjongo zokuqaqambisa imisebenzi yakhe emihle.
Kwisitanza 2	Imbongi imzoba ikwamchaza uNgangomhlaba njengomntu onomqolo noligorha elingevi ngokuviswa ngokusebenzisa amagama ambaxa. Ukwavezwa njengomntu owalamla ngempumelelo imfazwe kwindlu yowiso-mthetho ye United Transkeian Territories neyayisaziwa njengeBhunga eMthatha. Ngumfo lo owalamla ngempumelelo imfazwe phakathi koKumkani uJoji wesi-5 welizwe lamaNgesi elaliphethe ilizwe loMzantsi Afrika nengqonyela yamaJamani uKezala (Kaiser Wilhelm II) eyaye inoRhulumente olawula ilizwe laseNamibia nababebangisana ngelizwe loMzantsi Afrika (Transvaal Republic) neyaye izele bubutyebi bezimbiwa **[ilifa elisetyesini]**
Kwisitanza -3	Ukumkani Ngangomhlaba nowaye ekhulele kwaBomvana wathi waya kulo msitho nembongi yakhe yakwelo lakwaBomvana kumhlaba kaNkosi uDweba Kwesi sitanza okaMqhayi usivezela isikhalazo sembongi kaNgangomhlaba uNgubengcuka neyathi ayafumana qonga nokukhathaleleka ikhalala ngelithi elakowayo likhona (apho ixabiseke khona) itsho igqabhuke ngelithi xa inganakwa iya kubuyela kwelakowayo ukuze kusale kuwongwa ezo zithandwayo endaweni yayo. Kuvela ukuba yakhunjuzwa lo mbongi ukuba yaziwa nanguthathatha into yokuba inye imbongi yesizwe jikelele nenelungelo lokuthabatha iqonga kwimisito enesihomo sobukho bamagorha esizwe afana nokumkani uNgangomhlaba. Kuvela ubungqina ukuba ekwabuziswa kubo ukwanelisa lo mqhankqalazi akazange asiwe so kuba wafika iinkosi ekwakuyiwe kuzo zikwelaseGcibhala.
Kwisitanza -4	Kwesi sitanza esiqala kumqolo: ***KULAHLEK'INKWENKWEZI YOKUMKANI:*** Kubalulwa ukuba ubugorha bale kumkani bagungqisa wonke umzi ontsundu nkqu negwangqa leMantyi eyayongamele iBhunga uBrowlee (Busobengwe) eMthatha nekwafuneka aququzelele intlanganiso eyaye iphakathi koKumkani uNgangomhlaba noZweliyazuza - iTshawe lasemaNgesini eDiyala (De Aar). Le kumkani ibuya iqaqanjiswe ngobugorha nobuchule bayo ekukhokeleni imfazwe nanjengoko yenjenjalo kwimfazwe eyaye inzima phakathi kwamaXhosa namaNgesi neyaphethwa ngoxolo kungekho egoba uphondo kodwa wona umhlaba owaye uyimbangi yembambano ubuyiselwe kumaXhosa. siphethwa (umbongo uphethwa) ngamagama angqina ukuba ligorha lokwenene eli elifanelwe kukuxatyiswa kungenjalo libukwe maxa onke.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.12.8 Intsingiselo engundoqo

- Izinto ezathi zenzeka mini kwakusamkelwa ngayo ikumkani yamaXhosa eMonti nako konke okwathi kwenzeka eDe Aar kwintlanganiso eyayiphakathi kukaKumkani uMpisekhaya kunye no King George V

4.12.9 Imfundiso

- Ukubaluleka kwendima edlalwe ziikumkani zelizwe lethu njengokulwela umhlaba welizwe lethu/ Indlela ezixatyiswe ngayo iikumkani/ iikumkani zisahlonitshiwe/ abantu basakuthandwa ukulawulwa ziikumkani.

4.12.9 Umonya wembongi

- Imbongi ichulumancile kuba kusamkelwa ngothakazelelo ikumkani yamaXhosa eMonti.
  Umzekelo:
  Yahlahlamb'iNtambula kaI.C.U.
  "Zaphal'imoto nemotokali"

4.12.11 Imifanekiso ngqondweni

UMFANEKISO NGQONDWENI	UMZEKELO	INJONGO
Umfanekiso ngqondweni weliso	Yema mangqangq' iManisipalati	Ukubonisa indlela ekwakuxakekwe ngayo ngethuba kulungiselelwa ukuza kokumkani
Umfanekiso ngqondweni weliso	Akroz'……	Ukuphuhlisa indlela enomfaneleko awaye emiswe ngayo amajoni ukwamkela nokunika imbeko kukumkani
Umfanekiso ngqondweni wesandi/ wokuva ngeendlebe	Yahlahlamb'….	Ukuzoba isesandi nendlela evakalayo esaqala ngayo
Umfanekiso nnqondweni wesandi/ wendlebe	Ngambu-ngambu-ngambu	Ukuphuhlisa indlela enesidima esazondelela ngayo isandi eso ngokuthi sihambelane nesingqi esaye sisenziwa ngumkhosi ngethuba unika imbeko kukumkani
Umfanekiso ngqondweni weliso	Zaphala ….	Ukuphuhlisa isantya ezaye zihamba ngaso iimoto ezo neemotokali ezaye zikhwelise abo babeze ukuza kubuka ikumkani leyo
Umfanekiso ngqondweni wendlebe	Bho-ho-ho	Ukuphuhlisa ukugxwala kweenkomo ngethuba zixhelelwa ukumkani. Ukubhonga oko kweenkomo ngokwemveli kwaye kungumqondiso wokuba icamagu livumile
Umfanekiso ngqondweni weliso	Zagidima Lwambhox 'uthuli	Uphuhlisa isantya ezaye zihamba ngaso

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

4.12.12 Isakhiwo sangaphakathi

- Sifumaneka ngokutolikwa kwesihloko, umqolo, nombongo uwonke.
- Mawufundwe wonke umbongo kabini nakathathu umqolo ngomqolo ngesitanza, de uqonde intsingiselo yomqolo neyesitanza sisonke, ziyokukukhuphela ekuqondeni umongo nomxholo.
- Xa ukhonjwe kwisitanza, bonakalisa ukuba uyayiqonda intsingiselo yesitanza sonke, hayi eyomqolo omnye. Xa kuthethwa ngesakhiwo sangaphakathi kuqukwa: isigama, izafobe, isimbo, iimpawu zobhalo, izixhobo zesandi nazo zonke izikrweqe zohlalutyo egalele ngazo imbongi ukudidiyela umbongo wayo.

4.12.13 Isakhiwo sangaphandle

- Lo mbongo unezitanza ezine ezinemiqolo engalinganiyo.
- Isitanza sokuqala senziwe yimiqolo eli-14
- Isitanza sesibini senziwe yimiqolo eli-14
- Isitanza sesithathu senziwe yimiqolo eli-13
- Isitanza sesine senziwe yimiqolo engama-24
- Kwisitanza sokuqala, umqolo1,2,5,7,9,10,11 amagama ma-3, umqolo3 unamagama ama-6, umqolo 4,6, amagama -4, umqolo 8,12 amagama -5. umqolo 13 no14 amagama ma-2.
- Kwisitanza sesibini, umqolo1 amagama ma-2, umqolo 2,6,7,9,10,11, 12 amagama ma-4, umqolo 3, 4, 5, 8, 13,14 amagama ma-3.
- Kwisitanza sesithathu, umqolo1,2,9,10,12 amagama ma-4, kumqolo 3,5,6,8 amagama ma-3, umqolo 4, 7, 11 amagama ma-5 ze kumqolo 13 igama libe-1. kw sesine, umqolo 1,2,3,12,14,16,22 amagama ma-3, umqolo 4,5,6,7,9,11,13,18,19,23 amagama ma-4, umqolo 8, 15,17,20,21 amagama ma-5 umqolo 10 amagama ma-2, ze umqolo 24 ube negama elinye.

:

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5.1 Imizekelo yemibuzo yokuzilungiselela yemibongo:

5.1.1 IMIZEKELO YEMIBUZO ESISINCOKO SONCWADI NEEMPENDULO

QAPHELA:Ubude bempendulo ecwangcwiswe ngokukuko kwisincoko soncwadi kulindeleke okokuba kube ngamagama angama- 190-240.

UMBUZO 1: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

INYIBIBA: JJR Jolobe

1. Ndayibona izifihla
2. Enqaben'ezixhotyeni,
3. Ngaphakathi kwamalwalwa
4. Amabini, iqaqambile.
5. Hayi, obo buhle!

6. Izityalo ezithile
7. Zaye zimi zijikele;
8. Yayiphakamisa leyo
9. Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
10. Njengetshawekazi.

11. Yema ithe zole cwaka,
12. Leyo ndebe ibukhephu.
13. Yayimsulwa kolo hlanga
14. Lwayo, im'iyimfezeko,
15. Inyibiba entle.

16. Loo magqabi asixwexwe
17. Achokozwe busiliva,
18. Aphuphuma kukuphila,
19. Ayekratsha ngemveliso
20. Yobo bomi bawo.

Cazulula isigama esisetyenziswe yimbongi kwesi sicatshulwa sombongo ukuphuhlisa ubuhle benyibiba.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

[10]

Impendulo yombuzo

INYIBIBA: JJR Jolobe

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo.

- Ngaphakathi kwamalwalwa amabini iqaqambile – Le miqolo ivakalisa ithoni yoloyiso kule ntyatyambo, ukubalasela, ukugqama kobuhle kwiimeko eziyenza ifihlakale. Kungenjalo yindawo ezalelwe kuyo le ntyatyambo le iphakathi kweentaba apho ubani angacingelanga ukuba kungaphuma nto intle ngaphaya kwazo.
- Hayi obo buhle! - Oku kukhuza kuphuhlisa uvakalelo lokonganyelwa bubuhle bale ntyatyambo.
- Izityalo ezithile zaye zimi zijikele – Isimntwiso: esiphuhlisa ukuba yayikhule phakathi kwezinye izityalo ezaziyingqongile. Esi senzo sokujikela sinika umfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa isenzo sokukhusela okanye ukubukwa kobuhle bayo.
- Ntloko yayo imhlophe-mthubi- Isimntwiso esingumqondiso wokucwenga ukuphuhlisa umbala wayo omhle. Kwakhona esi sigama sinika umfanekiso ngqondweni weliso wombala omhle noqaqambileyo wale ntyatyambo.
- NjengeTshawekazi – Sisifaniso esiphuhlisa ubuhle bayo le nyibiba ngokuyinika isidima sasebukhosini kuba ibonakale yongamile, izigqwesile ezinye izityalo.
- Zole, cwaka zizifanekisozwi ezisetyenziswe ngenjongo yokuyinika undiliseko nomfaneleko wayo le ntyatyambo xa ime izolile ingashukunyiswa nangumoya.
- Leyo ndebe ibukhephu– isikweko esiphuhlisa ubuhle ngokuyinika ubumhlophe obungumqondiso wobunyulu ukuqaqambisa ubuhle obunqwenelekayo. Kangangokuba intle kuyo le ntyatyambo, imbongi isebenzisa isakhi sifaniso 'ibu' xa eyifanisa nekhephu ukuvakalisa uvakalelo lwayo lokumangala le mbongi bobu buhle.
- Yayimsulwa kolo hlanga lwayo imi'yimfezeko, inyibiba entle - imfezeko – Esi sigama sisinika umfanekiso-ntelekelelo wokugqibelela obabubonakala kule ntyatyambo intle ngokumangalisayo nangokugqibeleleyo.
- Loo magqabi ayo asixwexwe, Achokozwe busiliva – Umfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa ubukhulu nobuhle bamagqabi ale ntyatyambo ngokombala.
- Aphuphuma kukuphila- Isimntwiso esinika umfanekiso –ntekelelo wento ezele yade yachitheka kuba imbongi iphuhlisa impilo egqibeleleyo yamagqabi amahle ale ntyatyambo.

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 2: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe

1. Ndiyeza, ndiyeza, sithandwa sam,
2. Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
3. Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
4. Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
5. Lwelizwe lobawo.

6. O! Ndiyazibona, sithandwa sam,
7. Iinduli kwanamathambeka elizwe,
8. Elimpangalala; siphuma ingqina,
9. Siland'ekhondweni lexhama
10. Kwilizwe lobawo.

……..

11. Indoda kaloku, sithandwa sam,
12. Imelwe kuphath'umhlakulo, nomfazi
13. Agcine intsapho, ukuze luzale
14. Olweth'ulonwabo, Nojent
15. Kwilizwe lobawo.

Bonisa indlela esisetyenziswe ngayo isigama ukuphuhlisa umxholo walo mbongo Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

[10]

Impendulo yombuzo

'INGOMA KAVELAPHI' – JJR Jolobe

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo

Isigama esichongwe yimbongi siqulethe umxholo wentlungu yokulangazelela ikhaya nosapho. Nakuba sikhaphukhaphu nje, sizizoba ngokukuko iimvakalelo zentlungu ethwelwe ngumfazi olunyulwe endodeni yakhe esayithanda nendoda enentlungu yokuhlala kude nekhaya.

- Kumqolo woku-1 imbongi isebenzisa uphindaphindo lwegama, 'Ndiyeza' ukugxininisa ekwathembisa isithandwa sakhe ukuba nakanjani uza kufika kuloo ndawo sikuyo/Ludala isingqisho esivuselela uluvo lobungoma kulo mhobe.
- Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso okanye unxulumaniso ukubonisa isantya elihamba ngaso iqegu kanye oku kwezi nqwelo zomlilo.
- Ligqitha umoya ... – Sisibaxo okanye ubabazo olubonisa isantya seqegu esiphezulu ukodlula umoya, santya eso siza kumenza akhawuleze ukuya kufika kwisithandwa sakhe.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Kwilizwe loobawo Kwilizwe lokuzalwa kwakhe kuba kaloku ufulathele ikhaya esiya kuxelenga kwelasemlungwini, emigodini.
- Iinduli kwanamathambeka elizwe – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso otyhila iinkumbulo zezwe lakubo, ekhumbula nenkangeleko yalo. Ezithi zakuthi chapha engqondweni zizale iinkumbulo zobomi obumnandi obadlulayo.
- Elimpangalala; – Ngumfanekiso-ngqondweni weliso ophuhlisa ubukhulu beli lizwe lakowabo, ukuphangalala okutyhila ukuphila ngokukhululeka njengokuba kwelempangelo ephila ngemiqathango yengqesho neyebala.
- Siphuma ingqina: Oku kuphuhlisa inkululeko nokuphilisana nokuzama iindlela zokuziphilela konwatyiwe, ngokuchaseneyo nemeko azibhaqa ekuyo ngenxa yengcinezelo.
- Imele kuphath'umhlakulo – Sisigama esiphuhlisa isixhobo sokusebenza esibonisa ukuba indoda isebenza nzima xa iphandela intsapho yayo. Oku kudiza ukutshintsha kwentlalo yomntu omnyama, obekade eziphilela engaswele nto, ngoku kufuneka aphile ngokusebenzela umlungu, esebenza nzima. **[10]**

UMBUZO 3: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

A! NGANGOMHLABA – SEK Mqhayi

1. Yema mangqangq' iManisipaliti,
2. Akroz' amajon' oMkhosi,
3. Yahlahlamb' iNtambula ka-I.C.U.
4. Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!
5. “Zaphal' imoto nemotokali',
6. Laphalal' igazi lenkabi zontathu,
7. Zakhala zakuhlatywa zatakazela!
8. Zathi, Bho-ho-ho kankomo!
9. Lanyikima lonk' elakwaGompo,
10. Zaqaba calany' iintokazi;
11. Laxakek' igwangqa lenqwélem:
12. Lafun' ukuth' inkanun' ayikenzi nto.
13. A! Ngangomhlaba!
14. A! Ngangomhlaba!
    ……
15. Mhla kwahlw' emin' eDiyara;
16. Kwanuk' irhuluwa nentsimbi;
17. Kwatshixiz' umti komny' umti;
18. Kwaqhawuk' imbëleko nemibeleso;
19. WaWathi umntu kudiben' izulu nomhlaba!
20. Bedityaniselwa ntoninan' abangaka?
21. Kusaphuk' imikhonto nje ngoku siphina?
22. Yaba kukudlula kwalo njalo.
23. MaMalixol' ilizw' inkwenkwez' ifumanekile.
24. MaMazibuy' izinto ziye ngeendawo zazo.
25. Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRhubusana.
26. Kade sinixelela zinkosi-
27. Sisithi wagcinen' amadun' akowenu!!
28. Ncincilili!!

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Hlalutya lo mhobe ungentla usebenzise iimpawu zesibongo. **[10]**

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

Impendulo yombuzo

A! NGANGOMHLABA

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo

Isitanza 1

- Kusetyenziswe isikhahlelo 'A! Ngangomhlaba' kwa kwisihloko, ukubonakalisa ukuba lo mhobe sisibongo. Oku kusetyenziswa kwesikhahlelo kutyhila ukunika intlonipho kule nkosi ibongwayo.
- Kusetyenziswa isixwexwe segama njengophawu lwesibongo kumqolo woku-1, 'NguMangqangq' iManisipalati ukuphuhlisa ukuba imbongi yomthonyama izakhela amagama okanye ibiza naliphi igama, ukuzoba imisebenzi negalelo lale nkosi entlalweni nakuluntu.
- Kukwakho nophindaphindo lwegama kumqolo wesi-4, olukwa lolunye uphawu lwesibongo. Yive xa isithi 'ngambu-ngambu-ngambu' ukwakha isingqi seNtambula. Ngolu phindaphindo imbongi igxininisa isandi sezixhobo ezikhapha ingoma, oko kubonisa ukonwatyelwa kwale mini ngabantu nobukhulu balo msitho wawuzinyaswe yile nkosi.
- Kusetyenziswe kakhulu uhlobo lophindaphindo oluyimfano-zandi. Umzekelo, kukho imfano-zandi ka-z efumaneka kumqolo wesi-7, egxininisa netyhila indlela esenzeke ngayo isenzo sokukhala kwenkomo, ukubonisa ukuvuma komcimbi.
- Imvano-siqalo eluphindaphindo oludala isingqi nesingqisho sisetyenziswe kakhulu njengophawu lwesibongo. Umzekelo, iyafumaneka kumqolo wesi-3 nowesi-4, kumqolo wesi-7 nowesi-8, kumqolo we-11 nowe-12 nakowe-13 nowe-14.
- Isibongo sityebile zizafobe umzekelo: Njengembongi yomthonyama, imbongi izakhele isifanadumo 'Bho-ho-ho' kumqolo wesi-8 ukuzoba nokucacisa ukukhala kwenkomo. Ngokwalapha kulo mbongo oku kubhonga kwenkomo kushoba impumelelo nokuvuma kwecamagu.
- Kumqolo we-9 kusetyenziswe ubaxo 'Lanyikima lonk'elakwaGompo' ukuqaqambisa ukuba abantu bonke kwelaseMonti bavakalelwe.
- Kumqolo we-13 nowe-14, kusetyenziswe uphinda-phindo lwemiqolo, 'A! Ngangomhlaba', kukwaphinda-phindwa isikhahlelo, ukuvala esi sitanza nokunika intlonipho kwinkosi ekubongwa yona.

Isitanza 2

- Olunye lweempawu zesibongo kukusetyenziswa kwezixwexwe zamagama. Kumqolo we-16 kusetyenziswe isixwexwe segama esilandelwa sisihlonipho ukudala nokuhlokoza iimvakalelo zabaphulaphuleyo. Yive isithi, 'Kwanuk' irhuluwa nentsimbi' kubhekiswa kwindlela ekwakudutyulwa ngayo ngemipu.

  Isigama esintsonkothileyo siyasetyenziswa kakhulu kwizibongo.

  Umzekelo, kumqolo we-17 kusetyenziswe igama, 'kwatshixiza' elizoba umfanekiso wedabi elinzima ekubhekiswa kulo kwesi sibongo.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Kwakhona kusetyenziswe isigama esintsonkothileyo 'kwaqhawuk' imbeleko nemibeleso', imbeleko libhayi elenziwe ngofele lokubeleka usana ze imibeleso ibe yimitya, ukuphuhlisa ukuxabana nokulwa kwabazanayo nabazalanayo, kuphele ubuhlobo.
- Kukwasetyenziswe uphinda-phindo lwegama 'umti' kwakulo mqolo we-17 ukugxininisa ukufana kwezixhobo okudiza ukulingana ngokwezigalo.
- Uphawu lomelo (') lusetyenziswe kakhulu kwesi sibongo kuba lulolunye lweempawu zesibongo somthonyama. Ukusetyenziswa kwalo kudiza isantya sokuphala kwembongi xa ibonga, izimvo ziyampompoza ukuphuma, ngokungathi ayiginyi namathe.
- Uphawu lokhuzo olukwaluphawu lwesibongo lutyhila indlela eziphalaza ngayo izimvo zayo, ziyampompoza de ibe ngathi iyakhuza kanti ikwabethelela oko ibonga ngako.
- Kumqolo we-19 nowama-20 kusetyenziswe uphindaphindo oluxwesileyo njengoko lo mhobe usisibongo. Umzekelo, kumqolo we-19, 'kudiben' izulu nomhlaba, ze kuqalwe kumqolo wama-20 ngegama 'Bedityaniselwa', eliphuhlisa ukuhlangana kwezinto ezikhabanayo nezinamandla.
- Isafobe esingumbuzo-buciko sikwafumaneka kumqolo-20 nowama-21, 'Bebedityaniselwa ntoninan' abangaka?', ukuphuhlisa ukumangaliseka bubuninzi babantu abakweli theko, 'Kusaphuk'imikhonto nje siphina? ukubethelela ingcamango yokuba bekwenzeke impazamo. Kukwasetyenziswe ubaxo oluqaqambisa ungquzulwano olungenamida, lomlo wezizwe.
- Kusetyenziswe isikweko kumqolo wama-23 kuba kuthethwa ngenkwenkwezi xa kubhekiswa kwikumkani entsha. Esi sikweko sisetyenziselwe ukuphuhlisa ukuba inkosi njengenkokeli kulindeleke ukuba ibe kukukhanya esizweni sayo.
- Kumqolo wama-27 kusetyenziswe isihlonipho 'wagcinen' amadun' akowethu' esibhekisa kumathole ohlanga. Igama 'wagcineni' libethelela ukuba inkosi mazithotyelwe. Igama 'amaduna' lityhila ukuba iinkosi zizo ezizala isizwe nohlanga. Lilonke ziziintloko zohlanga.
- Kumqolo wama-28 imbongi iyawisa, ivala isibongo sayo ngo 'Ncincilili!!'. Njengophawu lwesibongo olusetyenziswa ziimbongi zomthonyama xa ziphetha izibongo zazo.
- Imiqolo ayicwangciswanga njengoko isisibongo kuba imbongi yomthonyama ayicwangcisi, isuka idanduluke ibonge yakuchukumiseka.
- Imbongi ebonga kwesi sibongo uS.E.K.Mqhayi waziwa njengembongi yomthonyama, loo nto ingqina ukuba ngenene esi sisibongo. **[10]**

UMBUZO 4: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

UMLAMBO – JJR Jolobe

1. Mna ndingumntwanana
2. Wesibhakabhaka.
3. Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
4. Ndandihamba-hamba
5. Ngenqwelo yomoya,
6. Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.

7. Ke ndondel' ezantsi,
8. Ndanqwenel' ilizwe,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

9. Ndavatha iingubo ezizezozilo.
10. Ndaza ke ndacanda
11. Isibhakabhaka,
12. Ndimenyezela njengombethe qhwa.

13. Ndaza ke ndawela
14. Phezu kwalo mhlaba
15. Udaka nothuli olungcolisayo.
16. Suka ke ndangcola,
17. Ndambi njengodaka;
18. Ndehlel' ebumnyameni ngaphantsi phaya
.....
19. Olu hambo lungaba
20. Lulula na lonke?
21. Akukho zinzima zihlungisa umxhelo?
22. Ndibetheka nzima
23. Ezingxangxasini,
24. Nalapha ke ndihleke ndigigitheke.
.....
25. Andiphelel'apho
26. Yakuphel'ihambo;
27. Ndibuya ndinyuke ndigoduke kambe.
28. Mna ndingumntwanana
29. Wesibhakabhaka.
30. Ikhaya lam likwelaa zulu liluhlaza

Cazulula kw ngasinye isigama esibonisa isiqalo nesiphelo somlambo kwesi sicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240. **[10]**

Impendulo yombuzo

UMLAMBO – JJR Jolobe

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo

Kwesi sicatshulwa sombongo imbongi ithetha ngesiqalo nesiphelo somlambo. Isinika umfanekiso ngqondweni wohambo lwawo olusuka emazulwini lusiza emhlabeni. Oko ithe yakuphuhlisa ngesigama ethe yasisebenzisa kw ngasinye. Sigama eso esithe satyhila intsingiselo eyahlukeneyo yesitanza ngasinye.

- Ivula nje kw sokuqala imbongi isichazela ngemvelaphi yomlambo. Isebenzise igama umntwanana elithetha umntu omncinci linayo nentsingiselo yokuba umntwana uzelwe ngumntu. Apha linika intsingiselo yokuba umlambo uyinto encinci uvela emvuleni esuka esibhakabhakeni phezulu emafini. Ikwasichazela ukuba imvula yayihamba-hamba ngenqwelo yomoya ukubonisa ukuba kuqala

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

kubekho umoya phambi kwemvula. Ithi xa isiza, iza inxib'ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa ibhekisa kukuqaqamba kwamafu la akhapha imvula.

- Kw sesibini umlambo wondela ezantsi uyimvula unomdla wokundwendwela ilizwe. Uthe xa usiza ezantsi uyimvula weza ukhatshwa ngamafu amnyama nokusibekela okuza nemvula. Yonke le nquleqhu ikhatshwe yimibane emana ukubetha itsho kube mhlophe qhwa apha emhlabeni.
- Kw sesithathu ibinzana ukuwela phezu komhlaba linika uvakalelo lomlambo ngefuthe lothuli nodaka olwathi lwawangcolisa amanzi emvula nothuli lomhlaba engamanzi acocekileyo emvula kwatsho kwadaleka udaka.
- Kw sesine imbongi isebenzisa imibuzo-buciko evelisa ukuba kwindlela eya emhlabeni umlambo kukho mingeni ohlangana nayo. Iphinda imbongi ibuye iziphendule ngelithi nangona ihamba ibetheka kabuhlungu ayiyivezi le ntlungu koko ibonakalisa ngokungathi wonwabile umlambo ngokuhleka ugigitheke.
- Isigama esithi andipheleli apho kw sokugqibela imbongi isichazela ukuba ithe yakuba iwugqibile umsebenzi ebize kukuwenza kwaye izivelele zonke iindawo emhlabeni yajika ibuyela kwikhaya layo elilizulu.

[10]

UMBUZO 5: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

UMKHOSI WEMIDAKA: SEK Mqhayi

1. Aye phi na!
2. Ayephi na!
3. **Aye phi n' awakowethu?**
4. **Zemk' iinkomo magwalandini!**
5. **Sipheth' iintonga zobugqi!**
6. **Zitsho shushu ezasemoyeni,**
7. **Zinemililo nemibane,**
8. Ziduduma zigqekreza
9. Midondosholo ye-Afrika,
10. SingamaBhritani thina,

11. Phindela kwakhona**!**
12. Phindela kwakhona**!**
13. **Biz' amagorh' ezilalini**
14. **Biz' amagorh' ezilokishini;**
15. Bangasali ngemv' abeBhulasi
16. Ing' amadod' afikile.
17. **Ivunywa ngekrwana nentshuntshe**
18. **Ivunywa ngekhaka negazi.**
19. SingamaBhritani thina,
20. Ngenene singamaBhritani!

……..

Phicotha intsingiselo yemiqolo ebhalwe ngqindilili ngokwenjongo yembongi ekukukhutl

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

[10]

Impendulo yombuzo

UMKHOSI WEMIDAKA: SEK Mqhayi

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo

Kwesi sicatshulwa sombongo imbongi ikhuthaza/ivuselela amandla omkhosi wemidaka ukuze amadoda aNtsundu ancedise iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi. UMzantsi Afrika nge xesha wawulithanga leBhritani, uphantsi kolawulo lwayo.

- **Ayephi n' awakowethu?** – Lo ngumbuzo buciko ongafuni mpendulo koko kukubandakanya omnye umntu kwisisombululo sale nto ama-Afrika aye kuyo. Imbongi ivuselela ingqondo zethu ifuna sicinge ukuba awomgquba amadoda aphi kanye-kanye. Imbongi ivuselela izazela zamadoda aNtsundu ukuba aphume ngendlu yawo ukuya kuncedisa iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi.
- **Zemk' iinkomo magwalandini!** – Kulo mqolo imbongi ivuselela izazela zamaqhawe aNtsundu ukutyhila ukuba kunyembelekile, konakele ukuhlala, akukuhlanga, ngako oko makukhuselwe ilizwe laseBhritani kumaJamani.
- **Sipheth' iintonga zobugqi!** – Esi sisihlonipho esiphuhlisa ukuba la madoda aseMzantsi Afrika anikwa imipu ezizixhobo zokulwa ezisetyenziswa entshona ukuze alwe ngazo notshaba ukukhusela iBhritani.
- **Zitsho shushu ezasemoyeni, Zinemililo nemibane** – Lo ngumfanekiso ngqondweni weliso ophuhlisa indlela amadoda aNtsundu awayedubulana ngayo ngemipu namadoda aseJamani.
- **Biz' amagorh' ezilalini, Biz' amagorh' ezilokishini** – Imbongi isebenzise uphindaphindo lwamagama ukugxininisa ukuba kwakufunwa amadoda aNtsundu angamagorha ezilalini nasezilokishini ukuba nawo aze kuncedisa ukukhusela iBhritani kwimfazwe yokuqala yeHlabathi. Wonke umntu akukhethwanga bani onokuya emfazweni.
- **Ivunywa ngekrwane nentshuntshe, Ivunywa ngekhaka ngegazi:** Kwakhona imbongi isebenzise uphindaphindo ukugxininisa isandi esasivakala sezixhobo ezazisetyenziswa kule mfazwe nokuphalala kwegazi..

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 6: UMBUZO OSISINCOKO SOMBONGO

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

UMLAMBO – JJR Jolobe

1 Mna ndingumntwanana
2 Wesibhakabhaka.
3 Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
4 Ndandihamba-hamba
5 Ngenqwelo yomoya,
6 Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.

7 Ke ndondel' ezantsi,
8 Ndanqwenel' ilizwe,
9 Ndavatha iingubo ezizezozilo.
10 Ndaza ke ndacanda
11 Isibhakabhaka,
12 Ndimenyezela njengombethe qhwa.

13 Ndaza ke ndawela
14 Phezu kwalo mhlaba
15 Udaka nothuli olungcolisayo.
16 Suka ke ndangcola,
17 Ndambi njengodaka; we
18 Ndehlel' ebumnyameni ngaphantsi phaya
.....
19 Olu hambo lungaba
20 Lulula na lonke?
21 Akukho zinzima zihlungisa umxhelo?
22 Ndibetheka nzima
23 Ezingxangxasini,
24 Nalapha ke ndihleke ndigigitheke.
.....
25 Andiphelel'apho
26 Yakuphel'ihambo;
27 Ndibuya ndinyuke ndigoduke kambe.
28 Mna ndingumntwanana
29 Wesibhakabhaka.
30 Ikhaya lam likwelaa zulu liluhlaza.

Cazulula kw ngasinye isigama esibonisa isiqalo nesiphelo somlambo kwesi sicatshulwa sombongo.

Impendulo yombuzo osisincoko ngamagama ali-190–240.

Xa uphendula qiniseka ukuba uphendula ngokufanelekileyo njengoko ubuziwe ngokuthi utolike umbuzo ukuba ufuna ntoni. Kufuneka utolike, uhlomle, de maxa wambi unike uluvo olulolwakho. **[10]**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo

UMLAMBO – JJR Jolobe

Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo xa ebhala isincoko soncwadi salo mbongo/esakha imihlathi yakhe yesincoko sombongo

Kwesi sicatshulwa sombongo imbongi ibonga umlambo, igxila kwimvelaphi yawo, ichaphazela isiqalo nesiphelo samanzi omlambo. Kunikwa imifanekiso ngqondweni yohambo lwawo olusuka phezulu esibhakabhakeni, lusiza emhlabeni luyimvula. Oko ithe yakuphuhlisa ngesigama ethe yasisebenzisa kw ngasinye. Sigama eso esithe satyhila intsingiselo eyahlukileyo yesitanza ngasinye.

Kwisitanza 1:

- Kumqolo woku-1 Ivula nje imbongi ityhila imvelaphi yomlambo. Isebenzisa igama 'ndingumntwanana' elithetha umntu oselula, omvelaphi yakhe ikukuzalwa ngumntu. Oku kudandalazisa ukuba umlambo lo, unendawo ovela kuyo, unentsusa esisibhakabhaka.
- Kumqolo wesi-3, kusetyenziswa igama 'ikhaya' eliyindawo ekuhlala kuyo usapho. Ngokwalo mbongo lizoba izulu okanye isibhakabhaka njengowona mthombo ekufumaneka kuwo zonke izinto zasendalweni ezenza amanzi emvula nalapho asekwa khona.
- Imbongi isebenzisa isenzi, 'ndandihamba-hamba' esikumqolo wesi-4, ukuzoba intshukumo yamafu, ethe chu, efunquza, de ayaluzele. Ibinzana 'ngenqwelo yomoya' kumqolo wesi-5, lityhila ukuba amanzi emvula afukanywa emafini, athi xa eza kuwa, kubekho umoya okwanegalelo kwawona kwindlela yawo eza ezantsi. Oku kunika intsingiselo yokuba umlambo usisiphumo samanzi asuka esibhakabhakeni phezulu emafini.
- Kumqolo wesi-6, kusetyenziswe amazwi 'ndinxib' ezimakhwezi' ukunika umfanekiso ngqondweni weliso wemo yamafu xa aqaqamba mhlophe ekhapha imvula, phambi kokuba lixubayele ine.

Kwisitanza -2:

- Kumqolo wesi-7, kusetyenziswe amagama 'ndondel' ezantsi'. Ukondela kukujonga into ixesha elide, uyigqalile. Imbongi iveza ukujinga kwamanzi emvula, sele elungele ukuba angawa ehle. Oku kuphuhlisa ukuba aqala athi sele eqokelelene kodwa angakhawulezi ukuwa emhlabeni. Umlambo wondela ezantsi uyimvula unomdla wokundwendwela ilizwe.
- Umqolo wesi-8 ubonisa ukuba akuba egqibile ukudaleka esibhakabhakeni amanzi emvula, akukho kubuya ngamva. Ikutyhila oku ngokusebenzisa igama 'ukunqwenela' elithetha ukufuna okuthile ngentshisakalo. Oku kwenze inguqu kwimo yamafu, athi ebeqaqambile, aguquke abemnyama. Ithi imbongi xa izoba le meko isebenzise amazwi akwimo yesimntwiso. Yive xa isithi kumqolo we-9, "Ndavatha ezimnyama zokuzila' ukutyhila imeko yokuxubayela kwezulu, xa imvula sele iza kuqalisa ukuna. Igama, 'ezizezozilo' libhekisa kwibala elimnyama lamafu elitsho kusibekele, ine imvula emva koko.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

- Kumqolo we-10, kusetyenziswe igama 'ndacanda' elinika intsingiselo yokuhamba kwamathontsi emvula esithabazini sempengezi yesibhakabhaka, esihla esiza ezantsi emhlabeni. Yonke le nquleqhu ikhatshwe yimibane emana ukubetha itsho kube mhlophe qhwa apha emhlabeni.
- Kumqolo we-12, igama 'ndimenyezela' liqaqambisa imo yococeko, nebala lamanzi emvula elicwengileyo, phambi kokuba awele emhlabeni. Ibinzana lofaniso 'njengombethe' ligxininisa ubumenye menye bawo.

Kwisitanza -3:

- Kumqolo we-13, kusetyenziswe igama 'ndawela' ukudiza ukothuleka ngamandla kwemvula ukuhlela emhlabeni. Imbongi xa ityhila utshintsho olwenzeka kumanzi emvula xa sele esemhlabeni, isebenzise igama 'ndangcola'. Oku kudize ukuba ngoku akuba semhlabeni akwenye imo. Xa sele esemlanjeni akasacocekanga njengoko ebesesibhakabhakeni. Ikwadandalazisa ukungcola okubasemhlabeni othi wakuhlangana namanzi ehla phezulu kudaleke udaka.
- Kumqolo we-18, 'Ndehlel' ebumnyameni, ngaphantsi phaya' ngalo mqolo imbongi ibethelela ukuba amanzi emvula akapheleli ngaphezulu emhlabeni, atshona ngaphantsi.
- Kumqolo wama-21 Imbongi isebenzise amazwi athi, '…zinzima zihlungisa umxhelo' axwaye isimntwiso, ukutyhila indlela ende nengelula yokudaleka komlambo. Lo mqolo unentsingiselo yeenkxwaleko ezikhathaza umntu ngokwasemoyeni. Oku kuqaqambisa imvelaphi engelula yomlambo.
- Ingxangxasi yimiqengqelezi eyakheke ngamatye asezintabeni, nakwiindawo eziphakamileyo ekuvuza kuzo amanzi ehla ngesantya nangamandlakazi amakhulu, ukuya kwiimbijela zemilambo. Kulo mqolo wama-22 nowama-23, imbongi iqaqambisa ukuba amanzi omlambo eza kuwo nangeengxangxasi.
- Kumqolo wama-24, isebenzisa amagama "ndihleke" "ndigigithetheke" ukutyhila isandi sokuqengqeleka kwawo esihla kwiingxangxasi. Oko kusenzeka ngokulula ukuya ezantsi.

Kwisitanza -4:

- Kumqolo wama-26, "Yakuphela ihambo' igama 'yakuphela' ligqxininisa ukufikelela esiphelweni senkqubo yokwakheka kwamanzi emvula. Lisetyenziselwe ukubuyisela iingqondo zabo bafunda umbongo kwindlela ibiqale ngayo le nkqubo. Igama 'ihambo' liqaqambisa ubude benkqubo elikhonkco lokwakheka kwamanzi esiwabona sele engumlambo. Liquka onke amanqanaba ahanjwe ngamanzi omlambo.
- Igama 'Ndibuya' kumqolo wama-27, elithetha ukuphinda kwakhona, elicacisa ukuphinda indlela eya esibhakabhakeni kwamanzi sele enyuka engumphunga. Igama 'ndigoduke', elithetha ukuya kwindawo elikhaya lakho, apho uzalwa khona. Ngoko ke, amanzi omlambo abuya abuyele esibhakabhakeni.
- Isigama esisetyenziswe kwesi sicatshulwa sombongo sidandalazisa, sigxininisa ukuba umlambo lo ukudaleka kwawo, kuyinkqubo. Sikwatyhila indlela loo nkqubo elandelelana ngayo, ngokwamanqanaba asendalweni. Indlela izitanza ezilandelelaniswe ngayo, ihambelana namanqanaba esiqalo nesiphelo somlambo.

Qaphela: Kubhalwa ngokwemihlathi. Igama, ibinzana okanye umqolo ekubhekiswa kuwo uyacatshulwa. Isincoko sibhalwa ngokwemo yomhlathi. Kukho intshayelelo, igxoxo ephendula umbuzo iyimihlathi eyenza isiqu. Ekugqibeleni, kuqukunjelwe. **[10]**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5.1.2 IMIZEKELO EMIBUZO EMIFUTSHANE YEMIBONGO NEEMPENDULO ZAYO

UMBUZO 1: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

UNOZAKUZAKU – ZS Qangule

21. Indod'encazwa ngabakhulu kwanabanci,
22. Kufunek'ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto
23. Imaz'esengekayo nok'isisaqhaga,
24. Kaloku yindlezan'ayinakoma kuthi tu.

25. Lo mf'akamntwana kodw'akaxhego,
26. Izicithi ziwubonile umtsi wakh'edlula.
27. Lithemb'elingafuni kudanisa mntu.
28. Isiqalo ndawonye nesiphelo sendaba nguye.

29. Sel'ethwel'ufele emagxen'egoduka,
30. Ehamb'ezimfikila yimbek'ebekuyo.
31. Selekubon'ukuphumelela kobo buhlobo,
32. Ekufikeni kwakh'ekhaya komemelelwa.

33. Wayi wayi ngabantu bekhaya,
34. Kunge kumhla kwathiwa kwahluzwa,
35. Wonke k'umntu amamele ngeendlebe namehlo,
36. Kude kuphele yonk'int'ebithetha.

1.1 Luphuhlisa ntoni ngonozakuzaku uchasaniso olusetyenziswe kumqolo wesi-3? (2)

1.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi ngonozakuzaku kwisitanza sesi-2. (2)

1.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-33 ngonozakuzaku.? (2)

1.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho salo mbongo. (2)

1.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngonozakuzaku. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

2.1 Luphuhlisa ukuba unozakuzaku uyazikhupha iimfanelo nangona ezikhupha eqale wazilandula. √√/Luphuhlisa ukuba unozakuzaku uyazenza izibele nangona ezenza emva kokuba eceliwe. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.2 Unozakuzaku ngumntu osele engqathuva ekuthenjelwe kuye ukuba uyawuqala aye kuwugqiba umcimbi wobulawu. √√/Ukuba unozakuzaku ngumntu ongemdala kuyaphi, uhambela phezulu kulo msebenzi wakhe kwaye udlala indima ephambili kumcimbi wobulawu. √√/ Indoda enamava nebaziyo ubunzima bendlela aza kuyihamba.

(Nayiphi na kwezi.) (2)

2.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo ophuhlisa ukuba xa efikile unozakuzaku abantu abazizihlobo bayafika ngokukhawuleza.√√ (2)

2.4 Ngokwenza ukuba ngasinye sibenemiqolo emi-4 ukuze uqingqeke√√/ Ngokwenza izitanza ziqingqeke.√√ (2)

2.5 Ngumyalezo wokuba unozakuzaku udlala indima ephambili xa kuhlanganiswa amakhaya amabini endiselanayo√√/Unozakuzaku udlala indima ekwakheni ubuhlobo kumcimbi wobulawu. √√

(Nayiphi na iphendulo echanekileyo.) (2)

[10]

UMBUZO 2: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

IIMBONGI: ZS QANGULE

1. Nkedama ezaziwa ngokubhonga,
2. Mithombo ehlupha ngokubhanga,
3. Nzala yamarhamba ngokunuka,
4. Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
5. Ziphoxo zenkundla ukubhaxa,
6. Xholovane benkundla ukubhoxa,
7. Zazi zeembali ukuprofithesha,
8. Makholwa endalo ukubhedesha,
9. Manyange anyanga izizwe,
10. Bavuseleli abatyala ubuzwe,
11. Zingxangxasi iingcamango zenu,
12. Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
13. Ndiphuma nani ngokutola,
14. Ndivuma nina ngokuhlola.

2.1 Siphuhlisa ntoni ngeembongi isikweko esisetyenziswe kumqolo wesi-2? (2)

2.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi ngeembongi kwiokthevi yale sonethi.. (2)

2.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-12 ngeembongi. (2)

2.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho salo mbongo. (2)

2.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngeembongi. (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo

[10]

'IIMBONGI' – ZS Qangule

2.1 Siphuhlisa ukuba nangona iimbongi zinolwazi oluphangaleleyo nolungapheliyo ngemiba yesizwe kodwa zikhe ziphelelwe okanye zivalwe imilomo.√√ (2)

2.2 Ithi iimbongi zinolwazi oluninzi azithuli xa isizwe sisiva kabuhlungu kwaye zithetha ngendlela ezithanda ngayo.√√ (2)

2.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo wezimvo zeembongi ezininzi ezigxalathelanayo. √√/ Ziyagxalathelana ukuthatha iqonga lo uza neyakhe omnye aze neyakhe. √√ (2)

2.4 Umqolo ngamnye unamagama amathathu. √√/Ngemvano siphelo engu aabbccddeeffgg. √√ (2)

(Nayiphi na kwezi.)

2.5 Ngumyalezo wokuba iimbongi zidlala indima ephambili kwintlalo yoluNtu ngenxa yesiphiwo sazo sokubonga. √ √ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.)

[10]

UMBUZO 3: UMBUZO OMFUTSHANE

UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE – SEK Mqhayi

"Ndesuka ndingunina kwa Sirayeli" (Gwebi 5:7)

1. Igqibil'intomb'asemzini;
2. Igqibil'intomb'aseLusuthu;
3. Umfazi wamaNywabe kwaGatyeni
4. Ukhe wabek'iinyawo kwelabaTswana
5. Kusapho lukaKama nolwabaRolweni;
6. Wabek'amabele kubaThembu;
7. Kumabandla kaNdaba kaZondwa;
8. ETyhalarha kwingcwaba likaNgangelizwe.

9. Maz'emabele made yase-Afrika;
10. Okwanyis'usapho lukaNtu luphela;
11. Azi nonyaka yaphusile nje;
12. Logangwa yintokazi kabani na?
13. Menzelen'ilitye lokukhunjulwa,
14. Ze siqhayisele ngal'amavilakazi;
15. Az'angaz'alityalwe kowabo;
16. Az'angaz'alityalw'emhlabeni,
17. Az'angaz'alityalw'-eAfrika!
18. Nci! Ncincilili!

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

3.1 Siphuhlisa ntoni ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke isihlonipho esisetyenziswe kumqolo woku-1 nakowesi-2? (2)

3.2 Tyhila ngesivakalisi ESINYE okuthethwa yimbongi kumqolo we-11 nakowe-12. (2)

3.3 Cacisa umfanekiso ntelekelelo ozotywa kumqolo we-9 ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke. (2)

3.4 Chaza ukuba sidalwe njani isingqisho kwimiqolo 15 ukuya kowe-17. (2)

3.5 Nika umyalezo ofumaneka kulo mbongo ngomfikazi uCharlotte Manyhi Maxeke. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

'UMFIKAZI UCHARLOTTE MANYHI MAXEKE' – SEK Mqhayi

3.1 Siphuhlisa ukuba iswelekile.√√ (2)

3.2 Njengokuba ebhubhile nje uCharlotte Maxeke, ngubani ongumama oya kuzigqatsela okanye oya kuzinikezela ukuba enze umsebenzi njengaye.√√ (2)

3.3 Ngumfanekiso-ntelekelelo weendlela ezahlukeneyo abebondla ngayo abantu base-Afrika. √√ (2)

3.4 Sidalwe ngokusebenzisa ngokuphindaphinda umyalezo wokuba angalityalwa√√/Sidalwe ngokusebenzisa imiqolo elinganayo ngokwesakhiwo √√/Sidalwe ngokusebenzisa ushiyo lwesikhamiso u-e ngokufanayo kwigama u 'aze' naku 'angaze' kule miqolo mithathu. √√

(Nayiphi na kwezi.) (2)

3.5 Ngumyalezo wokuba inkulu indima efanele ukudlalwa ngoomama kumzabalazo njengoko inkulu neyadlalwa ngumama uMaxeke√√/ Ngumyalezo wokuba oomama mabafunde kwizenzo zikaCharlotte. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo.) (2)

[10]

UMBUZO 4: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

A! NGANGOMHLABA – SEK Mqhayi

1. Yema mangqangq'iMasipalati,
2. Akroz'amajon'oMkhosi,
3. Yahlahlamb' iNtambula ka- I.C.U.
4. Yathi: Ngambu-ngambu-ngambu!
5. 'Zaphal'imoto nemotokali',
6. Laphalal'igazi leenkabi zontathu,
7. Zakhala zakuhlatywa zatakazela!
8. Zathi, Bho-ho-ho kankomo!

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

9. **Lanyikima** lonk'elakwaGompo,
10. Zaqaba calany'iintokazi;
11. Laxakek'igwangqa lenqwelem:
12. Lafun'ukuth'inkanun'ayikenzi nto.
13. A! Ngangomhlaba!
14. A! Ngangomhlaba!

……..

15. Bebedityaniselwa ntoni n'abangaka?
16. Kusaphuk'imikhonto nje ngoku siphi na?
17. Yaba kukudlula kwalo njalo
18. Malixol'ilizw' inkwenkw'ifumanekile.
19. Mazibuy'izinto ziye ngeendawo zazo.
20. Tarhu Jikijwa, nawe nto kaRubusana
21. Kade sinixelela zinkosi-
22. Sisithi wagcinen'amadun'akowenu!!
23. Ncincilili!!

4.1 Thelekisa umqolo woku-1 nowe-4 ngokwesakhiwo sangaphandle (2)

4.2 Nika iimpawu zibe MBINI ezibonisa ukuba esi sisibongo. (2)

4.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-9? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-15, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

4.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

'A! NGANGOMHLABA!' – SEK Mqhayi

4.1 Umqolo wokuqala unamagama amathathu√, kanti owesine unamagama amane.√ (2)

4.2 Isihloko sisikhahlelo senkosi √/Akucwangciswanga√/Kusetyenziswa uphindaphindo√/Kusetyenziswe amagama ambaxa√/Isiphelo esinguNcincilili. √ (Nasiphi na isibini) (2)

4.3 Umfanekiso-ngqondweni weliso√ kuba igama lityhila intshukumo eyenziwa ngabantu bakwaGompo.√ (2)

4.4 Umbuzo-buciko√ uphuhlisa ukumangaliseka ukubona abantu abangaka ukuba baninzi.√ (2)

4.5 Yimfundiso ebonisa indlela ezixatyiswe ngayo iinkosi√√/Yimfundiso ebonisa ukuba iinkosi zisahlonitshiwe√√/Yimfundiso ebonisa ukuba abantu basakuthanda ukulawulwa ziinkosi. √√ (2)

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 5: UMBUZO OMFUTSHANE
Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe

1. Andisenakubuza ndisithi kunjani na
2. Ukukhanywa yintambo yedyokhwe emqaleni
3. Kuba ndizibonele kwinkabi yomqokozo,
4. Ubumfama bamehlo busukile ndagqala
5. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
6. Kwinkatyana yedyokhwe.

7. **Yabigudile** intle, izalelw' inkululo
8. Ingaceli nto mntwini izingca ngobunkomo.
9. Uthe umntu mayibanjwe iqeqeshwe, ithambe,
10. Ezilungiselela ngokunga uyasiza,
11. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
12. Kwinkatyana yedyokhwe.

.....

13. Ibe ngakhabalaza izam'ukuqhawula
14. Kwathethwa ngezinja. Ijonge nangasemva
15. Iba iyaxakisa koko kuthiwe 'Betha'.
16. Obotshiwey'uyinto yokudlala kwigwala
17. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
18. Kwinkatyana yedyokhwe.

……..

5.1 Thelekisa umqolo wesi-5 nowesi-6 ngokwesakhiwo sangaphandle. (2)

5.2 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.3 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo we-13? (2)

5.4 Xela injongo yokushiywa kwesikhamiso kumqolo we-16. (2)

5.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

UKWENZIWA KOMKHONZI: JJR Jolobe

5.1 Umqolo wesihlanu unamagama amane, kanti umqolo wesithandathu unamagama amabini.√√ (2)

5.2 Ngumfanekiso-ngqondweni wokuphatha√ kuba utyhila ubumpuluswa bale nkatyana.√ (2)

5.3 Yintsingiselo ebonisa umntu ozabalazayo ofuna inkululeko.√√ (2)

5.4 Lusetyenziselwe ukudala isingqisho.√ (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

5.5 Yimfundiso yokuba indlela eya enkululekweni ayilulanga√√/Yimfundiso yokuba inkululeko inamahlandinyuka√√/Yimfundiso yokuba ingcinezelo imshiya umntu enezivubeko. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 6: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda esi sicatshulwa sombongo silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo olandelayo.

UMLAMBO – JJR Jolobe

1. Mna ndingumntwanana
2. Wesibhakabhaka.
3. Ikhaya likwelaa zulu liluhlaza.
4. Ndandihamba-hamba
5. Ngenqwelo yomoya,
6. Ndinxib' ezimakhwezi, ezimhlophe qhwa.

7. Ke ndondel' ezantsi,
8. Ndanqwenel' ilizwe,
9. Ndavatha iingubo ezizezozilo.
10. Ndaza ke ndacanda
11. Isibhakabhaka,
12. **Ndimenyezela** njengombethe qhwa.

13. Ndaza ke ndawela
14. Phezu kwalo mhlaba
15. Udaka nothuli olungcolisayo.
16. Suka ke ndangcola,
17. Ndambi njengodaka;
18. Ndehlel' ebumnyameni ngaphantsi phaya.

……..

6.1 Thelekisa umqolo wesi-2 nowesi-3 ngokwesakhiwo sangaphandle.. (2)

6.2 Ntsingiselo ni evezwa yimbongi kumqolo wesi-6? (2)

6.3 Nika umfanekiso ngqondweni otyhilwa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-12? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.4 Xela isafobe esifumaneka kumqolo we-17, uze uchaze ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

6.5 Nika imfundiso equlathwe ngulo mbongo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

'UMLAMBO' – JJR Jolobe

6.1 Umqolo wesibini wenziwe ligama elinye√kanti umqolo wesithathu wona wenziwe ngamagama amane.√ (2)

6.2 Yintsingiselo ebonisa ukucoceka kwamanzi esihla evela phezulu engekagxojwa ziinqwithelo zemimoya nodaka.√√/ Amahamba namvula.√√ (2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

6.3 Ngumfanekiso-ngqondweni weliso√ ukubonisa into ekhazimlayo, ebengezelayo nentle.√ (2)

6.4 Sisifaniso√ Siphuhlisa ukungcola okubangelwa kukudibana kwamanzi nomhlaba.√ (2)

6.5 Yimfundiso yokuba ubomi bungumxube wezinto ezintle nezimbi√√/ Yimfundiso yokuba ebomini kufuneka ulindele okuhle nokubi√√/Yimfundiso yokuba izinto odibana nazo ebomimi zingakutshintsha. √√/Yimfundiso yokuba amanzi emvula asuka esibhakabhakeni ecocekile afike emhlabeni angcoliswe luthuli nodaka. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 7 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

IIMBONGI – ZS Qangule

1. Nkedama ezaziwa **ngokubhonga**,
2. Mithombo ehlupha ngokubhanga,
3. Nzala yamagqirha ngokunuka,
4. Luhlobo lwamanxila ngokuthuka,
5. Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
6. Xholovane benkundla ukuxoxa,
7. Zazi zeembalo ukuprofithesha,
8. Makholwa endawo ukubhedesha,
9. Manyange anyanga izizwe,
10. Bavuseleli abatyala ubuzwe,
11. Ziingxangxasi iingcamango zenu,
12. Yingxubevange ukugxagxaza kwenu,
13. Ndiphuma nani ngokutola,
14. Ndivuma nina ngokuhlola.

7.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo woku-1? (2)

7.2 Chaza umsebenzi wemvano-siphelo ekumqolo wesi-5 nowesi-6. (2)

7.3 Utyhila ntoni ngeembongi umfanekiso-ngqondweni okumqolo we-11? (2)

7.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi esipheleleyo. (2)

7.5 Ngqina ukuba olu didi lombongo yisonethi. (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo

IIMBONGI – ZS Qangule

7.1 Eli gama lizisa intsingiselo yesandi esitsho ngamandla esinxulunyaniswe nendlela iimbongi zomthonyama ezidanduluka ngayo xa zibonga√√/ Lizisa intsingiselo yokukhala kakhulu okuzingileyo okufuna isihoyo.√√ (2)

7.2 Imvano- siphelo isetyenziselwe ukudala isingqisho.√√ (2)

7.3 Utyhila isantya nesandi esikhawulezayo ezizithulula ngaso izimvo zazo iimbongi zomthonyama xa zibonga√√/Utyhila isantya sokugxalathelana kwezimvo kwiimbongi zomthonyama√√/Iingcinga ziyathontelana, zilandelelana, zithetha into eninzi ngaxeshanye.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

7.4 Umxholo walo mbongo kukubaluleka kweembongi zomthonyama negalelo lazo ekubumbeni isizwe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

7.5 Uyisonethi kuba unemiqolo elishumi eli-14√√/kuba unemiqolo esibhozo yokuqala ibizwa ngokuba eyiOkhtevu nemithandathu yokugqibela eyiSestethi√√/Uneekwatreni ezintathu nekhaphulethi.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 8 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INYIBIBA – JJR Jolobe

1. Ndayibona izifihla
2. **Enqabeni** ezixhotyeni,
3. Ngaphakathi kwamalwalwa
4. Amabini, iqaqambile.
5. Hayi, obo buhle!

6. Izityalo ezithile
7. Zaye zimi zijikele;
8. Yayiphakamisa leyo
9. Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
10. Njengetshawekazi.

……

11. Wa! Nzwakazi yezixhobo,
12. Tshawekazi lasezindle,
13. Obo buhle bulubisi;
14. Ndithabathekile bubo.
15. Wa! Nyibiba umhle!

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-2? (2)

8.2 Chaza umsebenzi wemvano-siphelo ekumqolo wesi-6 nowesi-7. (2)

8.3 Utyhila ntoni ngenyibiba umfanekiso-ngqondweni okwimiqolo yesi-8 nowe-9? (2)

8.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi esipheleleyo. (2)

8.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo sithathwe kumbongo-nkcazo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

'INYIBIBA' – JJR Jolobe

8.1 Eli gama lizisa intsingiselo yendawo efihlakeleyo ekungelula ukufikelela kuyo.√√ (2)

8.2 Imvano- siphelo isetyenziselwe ukudala isingqisho.√√ (2)

8.3 Utyhila indlela emile ngayo le ntyatyambo kwa nebala layo √√/Utyhila inkangeleko yalo mntu imbonga ngaye√√/Utyhila ukuqaqamba/Ukugqwesa kwale ntyantyambo phakathi kwezinye/Utyhila ukugqwesa nokuzithemba kwale ntombi. Kubhekiswa kuyo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

8.4 Umxholo walo mbongo ungokudlwengulwa komxhelo wembongi kukuqaqamba kobuhle benyibiba√√/Umxholo walo mbongo ungokuvakalelwa kwembongi nokuthabatheka kwayo bubuhle bale ntombi kubhekiswa kuyo kulo mbongo xa yayiqala ukuyibona.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

8.5 Ngumbongo-nkcazoo kuba imbongi ichaza inyibiba eyathi yayibona, yaza yawudlwengula umxhelo wayo bubuhle benyibiba√√/Imbongi ichaza ubuhle bentombi eyathi yahlangana nayo, yayithanda. ngomhla yokuhlangana kwayo nomntu emthandayo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 9 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

UNOZAKUZAKU – ZS Qangule

1. Indod' encazwa ngabakhulu kwanabancinci,
2. Kufunek' ingalandulanga kodwa yenz' ezo nto.
3. Imaz' esengekayo nok' isisaqhaga,
4. Kaloku **yindlezan**' ayinakoma kuthi tu.

5. Inyew' idinyazw' ilungiswe nguye,
6. Ngumnt' ontloni ke wasebulawini.
7. Intomb' iyazimel' unin' ambathe,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

8. Ngumdibanisi wamakhay' amabini ngobulawu.

9. Nanko k' esiz' ehamb' exhakazela,
10. Abafazi bemhewula, zimkhonkoth' izinja.
11. Iinkomo ziphi, luphi na lon' uswazi?
12. Azi waze njani na? Isazi-mzi k' eso.

13. Imbeko nemibuz' emlindeleyo kwelo khaya.
14. Kodwa ke yinkabi yamalang' ekad' inetha.
15. Indlel' ayaziwa mntu kodw' umhambi wayo,
16. Kuthenjwe yena ngasemv' ujongiwe ngaphambili
……

9.1 Lizisa yiphi intsingiselo igama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-4? (2)

9.2 Chaza umsebenzi wemvano-siqalo ekumqolo wesi-5 nowesi-7. (2)

9.3 Utyhila ntoni ngonozakuzaku umfanekiso-ngqondweni okumqolo wesi-8. (2)

9.4 Nika umxholo walo mbongo ngesivakalisi esipheleleyo. (2)

9.5 Ngqina ukuba esi sicatshulwa sombongo sithathwe kumbongo-nkcazo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

UNOZAKUZAKU – ZS Qangule

9.1 Eli gama lizisa intsingiselo yomntu onobubele, ofudumeleyo nonothando lwabantu.√√ (2)

9.2 Imvano-siqalo isetyenziselwe ukudala isingqisho.√√ (2)

9.3 Utyhila ukuba unozakuzaku wakha ubudlelwane phakathi kwamakhaya endiselanayo√√/Utyhila ukuba unozakuzaku usisithunywa esingumlomo wamakhaya endiselanayo kwimicimbi emalunga nozekelwano.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

9.4 Umxholo walo mbongo kukubaluleka kwendlela yokuziphatha namava anawo umntu ongunozakuzaku√√/Ubuchule nobugcisa bukanozakuzaku ekudibaniseni amakhaya amabini.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

Qaphela: Umviwa makanike impendulo esekwe kumbongo wonke. (2)

9.5 Ngumbongo-nkcazo kuba imbongi isichazela ngeempawu ezibalulekileyo zikanozakuzaku nemisebenzi yakhe.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 10 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe

.....

1. Ime bhuxe kudinwa kungekho luvelwano,
2. Yasitsho esikrakra isililo ibhonga,
3. Kunyenyiswe kancinci ukuba iphefumle
4. Kwabuya kwaqiniswa ibulawa umoya
5. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
6. Kwinkatyana yedyokhwe.

7. Ndiyibone mva seyaqobozeka, yathamba
8. Itsal'umbaxa-mbini wekhuba etshoniswe
9. Waphelela ikhonza, ikhefuzela igcuma.
10. Ukufa kukuqhutywa, impilo kuzenzela
11. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
12. Kwinkatyana yedyokhwe.

13. Ndiyibone inyuka iminqantsa, yomendo
14. Ithwele imithwalo enzima ixelenga,
15. **Iludaka kubila** ingenisela omnye,
16. Incasa yomsebenzi yinxaxheba kuvuno
17. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
18. Kwinkatyana yedyokhwe.

19. Ndiyibon'ilambile ngaphantsi kwaloo mbuso
20. Iliso iinyembezi umxhel' ujacekile,
21. Ibe ingasakwazi nokuchasa imbuna.
22. Ithemba yimigudu ezond'inkululeko
23. Kuba ndikubonile ukwenziwa komkhonzi
24. Kwinkatyana yedyokhwe

10.1 Inika ntsingiselo ni kulo mbongo imiqolo emibini ephindiweyo ekupheleni kwesitanza ngasinye? (2)

10.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

10.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo obhalwe ngqindilili kumqolo we-15? (2)

10.4 Caphula amabinzana amaBINI avelisa ukuvakalelwa kabuhlungu kw sesi-4. (2)

10.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo

UKWENZIWA KOMKHONZI – JJR Jolobe

10.1 Inika intsingiselo yokuba imbongi isenokuba ibiyinxalenye yabantu ababesenziwa ukuba bakhonze abantu abamhlophe ngexesha lengcinezelo.√√/Inika intsingiselo yokuba impatho yenkatyana yedyokhwe ifana twatse nempatho yabantu ekuthethwa ngabo kulo mbongo. √√ (2)

10.2 Ngokwenza ngasinye sibe nemiqolo emithandathu. √√/Ngokwenza impinda kwimiqolo emibini yokugqibela kw ngasinye. √√/Ngokwenza ukuba imiqolo emithathu yokuqala ithwale imbali, owesine uthwale uluvo lwembongi ngemeko uze owesihlanu nowesithandathu ube sisimbonono kw ngasinye. √√ (2)

(Nayiphi na impendulo kwezi)

10.3 Uphuhlisa ukusebenza nzima kwale nkatyana kuthethwa ngayo. √√/ Uphuhlisa ukusebenza nzima komntu ekuthethwa ngaye. √√ (2)

10.4 Iliso iinyembezi √ umxhel' ujacekile √ (2)

10.5 Kukubonisa indlela abathe baxhatshazwa ngayo abantu abamnyama ngabamhlophe. √√/Kukukhalazela ukuxhatshazwa okwakusenziwa ngabamhlophe kubantu abamnyama ngexesha lengcinezelo kweli. √√/ Kukudandalazisa indlela abantu abamhlophe ababemenza ngayo umntu omnyama ukuba athobele igunya labo ngexesha lengcinezelo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 11 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INYIBIBA – JJR Jolobe

1. Ndayibona izifihla
2. Enqaben'ezixhotyeni,
3. Ngaphakathi kwamalwalwa
4. Amabini, iqaqambile
5. Hayi, obo buhle!

6. Izityalo ezithile
7. Zaye zimi zijikele;
8. Yayiphakamisa leyo
9. Ntloko yayo imhlophe-mthubi,
10. Njengetshawekazi.

……

11. Ndabona loo nzwakazi.
12. **Ndev'izisebesebezo**
13. Emazants'obume bami,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

14. Zindityel'ukuthi yeyam,
15. Phofu ingeyiy'ubuhle
16. Bonk'obunjengayo

11.1 Zinika ntsingiselo ni izihlomelo zendawo ezalekiweyo kumqolo wesi-2? (2)
11.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)
11.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo okumqolo we-12? (2)
11.4 Caphula kw sesi-3 amabinzana okanye imiqolo emiBINI evelisa ukuba imbongi yathabatheka bubuhle eyabubona kule nyibiba. (2)
11.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)
[10]

Impendulo yombuzo

INYIBIBA – JJR Jolobe

11.1 Zinika intsingiselo yokuba yayifihlakele kwindawo eyayikuyo√√/Zinika intsingiselo yokuba ixesha eli wayengazi ukuba kukho intombi entle kangaka kwindawo awayengayicingelanga.√√ (2)
11.2 Ngokwenza ngasinye sibe nemiqolo emihlanu.√√ (2)
11.3 Uphuhlisa imvakalelo yothando oluvutha ngaphakathi.√√ (2)
11.4 'Loo nzwakazi' √/ndev'izisebesebezo emazantsi obume bam√/zindityel'ukuthi yeyam'. √

(Nasiphi na isibini) (2)
11.5 Kukuncoma inyibiba√√/Kukudandalazisa uvakalelo lwembongi mhla yabona le nzwakazi.

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
[10]

UMBUZO 12 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe

1. Ndiyeza, ndiyeza sithandwa sam,
2. Ndiyeza ndikhwele iqegu lomlilo.
3. Ligqitha umoya waseNtla ngamendu.
4. Ndiyeza ngokuba ndiluva ubizo
5. Lwelizwe lobawo.

……

6. **Ezants'emgodini, sithandwa sam,**
7. Lingabonakali nelanga nezulu,
8. Ndiyeva ingoma yomxhelo, iphuma
9. Kowakho umlomo, undibiza, sithandwa,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

10. Kwilizwe lobawo.
……

11. Indoda kaloku, sithandwa sam,
12. Imelwe kuphath'umhlakulo, nomfazi
13. Agcine intsapho, ukuze luzale
14. Olweth'ulonwabo, Nojenti sithandwa,
15. Kwilizwe lobawo. Bonk'obunjengayo

12.1 Kunika ntsingiselo ni ukuphindwa kwebinzana, '... lizwe lobawo' ekupheleni kwesitanza ngasinye sesi sicatshulwa sombongo? (2)

12.2 Chaza ukuba ludalwe njani undindwano kwesi sicatshulwa sombongo. (2)

12.3 Uphuhlisa ntoni umfanekiso ntelekelelo obhalwe ngqindilili kumqolo we-6? (2)

12.4 Caphula amabinzana amaBINI abonakalisa ukuba uVelaphi uyonwaba xa ecinga ngenkos sesi-3. (2)

12.5 Nika injongo yembongi ngalo mbongo. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

INGOMA KAVELAPHI – JJR Jolobe

12.1 Kunika intsingiselo yokuba isithethi sinebango kweli lizwe sithetha ngalo√√/ Kunika intsingiselo yokuba likhaya lakhe/yindawo azalelwe kuyo lo uthethayo.√√/Kunika intsingiselo yokuba othethayo unebhongo neqhayiya ngale ndawo athetha ngayo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

12.2 Ngokwenza ngasinye sibe nemiqolo emihlanu.√√/Ngokusebenzisa impinda kumqolo wokugqibela wesitanza ngasinye.√√ (2)

12.3 Uphuhlisa ubunzima bomsebenzi abewenza/ukuba uthando luphuma ngaphaya kweenzima zasemsebenzini.√√ (2)

12.4 Sithandwa sam √/Olweth'ulonwabo √/Nojenti sithandwa. √

(Nasiphi na isibini) (2)

12.5 Kukukhalazela impatheko-mbi yabasebenzi mgodini abamnyama ngexesha lengcinezelo kweli. √√/Kukubonisa ifuthe lemithetho yocalucalulo yangexesha lengcinezelo kwiintsapho zabantu abamnyama nakuqoqosho lwamaphandle. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

UMBUZO 13 UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

UMYOLELO WEXHEGO – C Nqakula

1. Nyana wam namhla ndiyakushiya,
2. Apho akhoyo unyoko nam sendiya;
3. Ndikushiya emhlabeni nezi ntsikelelo,
4. Ukuze nawe wambeswe ngamathamsanqa empumelelo

5. Selikufuphi ilixa, ke ngoko mamela:
6. Phulaphula nyana wam, phulaphula Xhamela,
7. Ukuze ilizwe lingakuhambisi ze,
8. Koko kwakwabelwana ngalo nawe uzuze.

9. Phulaphula qobo lwesi sizalo,
10. Ukuze ndakumka wenze njalo
11. Ukuwazalisekisa amazwi ale milebe yam;
12. Phulaphula ngenyameko, nyana wam.

13. Wena uphakathi kwabantu abaya kwamkela
14. Ukuba uya kusoloko nawe ubamamela.
15. Ngephanyazo uya kuzibona unenkumbula yabazali;
16. Xa ndisitsho, nyana wam andidlali.

.....

17. Z'ungemi ezimbobeni ubethe imilozi
18. 'Z'ungabiyongcuka iqwengayo, ungabi lulo nokhozi.
19. Nyana wam, 'zube ngumkhonzi onyanisekileyo.
20. Ohlakaniphileyo, othobileyo, intsika ethembekileyo

13.1	Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo woku-1 nowesi-2	(2)
13.2	Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-7 nowesi-8.	(2)
13.3	Xela isafobe esigqamileyo kumqolo we-18 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni.	(2)
12.4	Unjani umoya weli xhego kumbongo uwonke? Xhasa impendulo yakho	(2)
12.5	Nika injongo yembongi ngalo mbongo.	(2)
		[10]

Impendulo yombuzo

UMYOLELO WEXHEGO – C Nqakula

13.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√

(Nayiphi na kwezi)

(2)

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

13.2 Eyokuba unyana walo akwazi ukuxhamla kubutyebi belizwe obufunyanwa ngabanye abantu.√√ (2)

13.3 Sisikweko √ esiphuhlisa ukuba unyana weli xhego angabiyongozi kwaye angahambeli kude kwabanye abantu.√ (2)

13.4 Umbongo ungomyolelo wexhego elixhobisa unyana walo ngobomi. √√/ Umbongo ungomyolelo wexhego elixhobisa unyana walo ngeentsikelelo, ngendlela yokuziphatha neyokuhlala nabantu lakusweleka. √√ (2)
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

13.5 Ixhego lixhalabile √ kuba isigama esisetyenzisiweyo umzekelo ukuba, ukuze, sibonisa ukungaqiniseki ngoko kuya kwenzeka kunyana walo lakuba limkile.√ (2)

[10]

UMBUZO 14: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

INTLIZIYO YAM – C Nqakula

1. Intliziyo yam indityhilela izinto ezininzi;
2. Iyandityhola yakuthanda, indisindise kananjalo.
3. Hayi madoda! Unzima lo mthwalo!
4. Umkhonto ololwe walubengu, awubinzi
5. Udale amanxeba afana nawale ntliziyo,
6. Mhla izanyazanyiswe yadutywa zizilingo,
7. Eziza ngongcwalazi, ezinzulwini zobusuku nangesifingo
8. Okanye ndityholwa ngezinto endingazaziyo.

9. Intliziyo yam lusindiso lwam;
10. Intliziyo yam kukutshabalala kwam;
11. Indikhaphela ezindleleni zobulungisa;
12. Kanti nakwezingendawo iyandisa.

13. Mandiyithini ke le ntliziyo,
14. Xa imkhonza ngolu hlobo umniniyo?

14.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo wesi-2 nowesi-3. (2)

14.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-4 nowesi-5. (2)

14.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-14 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

14.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

14.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

Impendulo yombuzo

INTLIZIYO YAM – C Nqakula

14.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

14. Eyokuba intliziyo iyingozi ukudlula umkhonto obukhali.√√ (2)

14.3 Ngumbuzo buciko √otyhila ukubethana kwezimvo zesithethi okanye zembongi ngenxa yamacala amabini entliziyo. √

(Nayiphi na kwezi) (2)

14.4 Umongo walo mbongo ungentliziyo emacala mabini, elibi nelihle√√/ Ungentliziyo eyingozi ikwaluncedo kumniniyo.√√ (2)

14.5 Imbongi ibonisa umoya wempixano√ kuba isigama sayo sibonisa ukulithanda icala elihle lentliziyo kwanokucaphukela icala elibi lentliziyo√/Imbongi yonwabile√ kuba isigama sibonisa ukuluvuyela licala elihle lentliziyo. √/ Imbongi ayonwabanga√ kuba isigama sibonisa ukukhathazwa licala elibi lentliziyo. √ (Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 15: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

ITHEMBA – SEK Mqhayi

1. Singenzani n' emhlabeni,
2. Sizuzeni n' elizweni,
3. Xa singenalo ithemba,
4. Intsusa yokusebenza?

5. Singakwenza n' ukulima,
6. Sikuyeke ukulila,
7. Singayifuya n'imfuyo,
8. Xa ithemba lingekhoyo!

.....

9. Makafundiswe ithemba,
10. Aphakanyiswe lithemba,
11. Limhambisele phambili,
12. Limngenise ezulwini.

13. Le nt' ithemba iyinzulu,

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

14. Kwezomhlaba kwezezulu;
15. Ongenathemba ufile; -
16. Siph' ithemba ze siphile.

15.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

15.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-7 nowesi-8. (2)

15.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-15 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

15.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

15.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Impendulo yombuzo

ITHEMBA – SEK Mqhayi

15.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

15.2 Eyokuba asinakufuya nemfuyo xa singenalo ithemba.√√ (2)

15.3 Lubabazo/Ugqithiso/Ubaxo √ ukuphuhlisa ukuba xa umntu engenalo ithemba uya kwenzakala kakhulu ngokufana nomntu ongaphiliyo.√ (2)

15.4 Umongo walo mbongo ungendima edlalwa lithemba empilweni yoluntu kuba xa unalo uyaphumelela ebomini ukanti xa ungenalo awuphumeleli. √√/ Umongo walo mbongo ungokubaluleka kokuba nethemba kwimpumelelo yomntu ngamye. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

15.5 Imbongi ixhalabile √ kuba isebenzise isigama esifana nokukhumbuza ngezinto emaziyekwe kugcinwe ithemba ukuze siphumelele sihlale siphilile.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

[10]

UMBUZO 16: UMBUZO OMFUTSHANE

Funda lo mbongo ulandelayo, wandule uphendule imibuzo elandelayo.

UMKHOSI WEMIDAKA: SEK Mqhayi

1. Phindela kwakhona!
2. Phindela kwakhona!
3. Biz' amagorh' ezilalini
4. Biz' amagorh' ezilokishini;
5. Bangasali ngemv' abeBhulasi
6. Ing' amadod' afikile.

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

7. Ivunywa ngekrwana nentshuntshe
8. Ivunywa ngekhaka negazi.
9. SingamaBhritani thina,
10. Ngenene singamaBhritane!

11. Wayekela! Wayekela!
12. Wayekela lawundini!
13. Mdak'omnyam'olal'esingeni,
14. Mdak'omnyam'onezinja zawo;
15. Gqirha lendlela nguqongqothwane.
16. Siwel'iGqilimmsiwel'iLigwa,
17. Siwel'iLimpopo neZambezi;
18. Simdle luhlaza uMsoleni:
19. SingamaBhritaninthina,
20. SingamaBhritane okwenene!

16.1 Chaza injongo yokusetyenziswa kwemvano siphelo kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

16.2 Tyhila intsingiselo yomqolo wesi-3 nowesi-4. (2)

16.3 Xela isafobe esisetyenziswe kumqolo we-18 wandule ukuchaza ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

16.4 Nika umongo walo mbongo. (2)

16.5 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

Impendulo vombuzo

UMKHOSI WEMIDAKA: SEK Mqhayi

16.1 Kukudala isingqisho.√√/Kukudala undindwano. √√
(Nayiphi na kwezi)

(2)

16.2 Eyokuba makuphume nothathatha/wonke umntu nokuba uhlala phi makaye emfazwemi.√√ (2)

16.3 Lubabazo/Ugqithiso/Ubaxo √ ukuphuhlisa ukonzakaliswa√/ukungxwelerhwa kukaMsoleni emfazweni.√ (2)

16.4 Umongo walo mbongo umalunga namadoda aNtsundu ase Mzantsi Afrika ayeye kuncedisa amaBhritane kwimfazwe yokuqala esilwa ne Jamani njengoko uMzantsi Afrika wawulawulwa yiBhritane, kwakulindelwe ukuba abuye noloyiso. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

16.5 Imbongi yonwabile √ ngenxa yegalelo lemidaka lokuncedisa iBhritani kwimfazwe yokuqala yehlabathi njengoko yathi yoyisa umkhosi kaHittler noMussolini. √
(Nayiphi na impendulo echanekileyo)

(2)
[10]

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

IINCWADI EZISETYENZISIWEYO

1. Department of Basic education (2011); *Inkcazelo yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola*, (Government printing works, Pretoria.)
2. Department of Basic Education, (2017). *Imigaqo yokuhlola* (Exam Guidelines). (Pretoria)
3. Satyo, S.C. (1991), *Uphengululo lwesiXhosa;* Kagiso Publishers: Pretoria.
4. Satyo, S.C, *Igrama noncwadi lwesiXhosa ibanga lesi-9,* 1st Edition Via Afrika.
5. Gebeda, C.Z. & Mbadi, L.M. 1(978), *Isisele;* Lovedale Press. Alice.
6. Mtuze, P.T, Nkonto B.M, Mini, B.M, Putu B.D & Tshabe S.L.(1987), iSIxHOSA Sezikhuthali; Ibanga 8.
7. M. Lamati, (1994), Indlal'namanyala, Illustrations and design Macmillan South Africa (Pty) Ltd, 1994.
8. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leMpuma Koloni.
9. Uvimba woncwadi wabaCebisi besiXhosa nootitshala, (2019); Iphondo leNtshona Koloni.
10. Uvimba ka Dr NP.Jaxa, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani West District ;Eastern Cape;
11. Uvimba ka PC Somkebe, Umcebisi wesiXhosa, Chris Hani West District ;Eastern Cape
12. Amaphepha eemviwo eminyaka edlulileyo, Department of Basic; Pretoria.

COMPILERS:

1. Pindo Cynthia Somkebe, Department of Education; Eastern Cape
2. Nompumelelo Thelma Mkhutshulwa , Department of Education, Eastern Cape
3. Nontembiso Patricia Jaxa, Department of Education, Eastern Cape
4. Beyile Nosisa; Department of Education, Western Cape
5. Booi Nomakula; Department of Education,Western Cape
6. January Alice; Department of Education,Western Cape
7. Ntombizodwa Ndzeku, department of Education, Northern Cape
8. Buyelwa Mtwa, Department of Education, Northern Ca

Downloaded from eduresourceza.com

IZIHLOMELELO:

ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SESIHOBE

ICANDELO A: Irubriki yesincoko soncwadi: ISIHOBE [10 AMANQAKU]

Imiqathango	Egqwesileyo	Esemagqabini neqaqambileyo	Eyanelisayo nefanelekileyo	Eyinxalenye	Engaphumelelanga
UMXHOLO	**5-6**	**4**	**3**	**2**	**0–1**
Ukuhlalutywa kwesihloko, ubunzulu bengxoxo, indlela azakuzela ngayo ingxoxo, ukuwulandela kakuhle umhobe **6 AMANQAKU**	-Isihloko sitolikwe ngokunzulu -Iingxoxo ezinomtsalane ezixhaswe ngokuvokothekileyo kusetyenziswa isihobe -Impendulo ibonisa ulwazi olugqwesileyo lwesihobe	-Ubonisa ukuqonda nokutolika kakuhle isihloko okanye umbuzo -Impendulo inazo iinkcukacha ezanelisayo -Izimvo ezibambekayo zinikiwe nangona ingezizo zonke nje ezixhaswe njengoko kufanelekile -Impendulo ibonisa ulwazi lwesihobe	-Isihloko sitolikwe ngokwanelisayo -Akho amanqaku axhasa isihloko kakuhle -Ezinye iingxoxo zixhasiwe nangona ingezizo zonke ezixhaswe ngokwanelisayo. -Impendulo ibonisa ulwazi olusisiseko lwesihobe	-Ayanelisi indlela ekutolikwe ngayo isihloko/umbuzo -Anqongophele kakhulu amanqaku okuxhasa isihloko -Impendulo ibonisa ukuqhwalela kulwazi lwesihobe	-Akanalwazi kwaphela ngesihloko -Impendulo ayikho mxholweni wesihobe -Impendulo ibonisa ukulambatha kulwazi lwesihobe
ISAKHIWO NOLWIMI	**4**	**3**	**2**	**1**	**0–1**
4 AMANQAKU	-Isakhiwo siyathungelana -Ingxoxo ixongxwe kuhle kwaye zikhuliswe ngokugqwesileyo nangokucacileyo -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zivuthiwe, zinomtsalane, zichanekile -Igrama upelo neziphumlisi azinaziphene kwaphela	-Isakhiwo sicacile kwaye ingxoxo iyathungelana kakuhle -Ukuthungelana kwengxoxo kuyalandeleka -Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ubukhulu becala	-Bukho ubungqina besakhiwo -Isincoko sibonakalisa ukusilela kukuthungelana nokunamathelana kwezimvo -Iziphene zolwimi zimbalwa, ithoni nesimbo sokubhala zichanekile ikakhulu	-Isakhiwo sibonakalisa iziphene zoyilo -Ingxoxo ayicwangciswanga ngokukuko -Bukho ubungqina beziphene zolwimi -Ithoni nesimbo sokubhala azichanekanga	-Isakhiwo sife amanqe -Iziphene zolwimi ezingamkelekanga kor konke nesimbo esingachanekanga

QAPHELA: Ukuba umviwa uwutyeshele ngokupheleleyo umxholo, suka wabhala isincoko esiya sephepha lesithathu, mnike

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

IMIBUZO EJOLISWE KUBAFUNDI NGENJONGO ZOKUFUMANA INGXELO NGESI SIKHOKELO SOKUFUNDA ISIHOBE.

Mfundi injongo yale mibuzo ilandelayo kukufumana ingxelo epheleleyo kuwe ngoncedo lwesisikhokelo ukuze apho sisilele khona silungiswe.

1. Ingaba esi sikhokelo sesihobe sikuncedise ngokwaneleyo ukuzilungiselela iimviwo zakho?

IMPENDULO

.....
.....
.....
.....
.....
.....
.....

2. Zeziphi izinto oziphawuleyo ezikuncedise kakhulu?

IMPENDULO

.....
.....
.....
.....
.....
.....
.....

3. Ingaba kubekho ukusilela kwindawo ezithile oye wakuqaphela ngexesha usisebenzisa. Ukuba kunjalo zeziphi.

IMPENDULO

.....
.....
.....
.....
.....
.....
.....
.....

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

The Mind the Gap study guide seriesbassistsbyou to make the leap by studying hard to achieve success in the Grade 12 exam.

This publication in not for sale.

© Copyright Department of Basic Education
www.education.gov.za

Call Centre 0800 202 993

IsiXhosa Poetry- **ISBN 978-1-4315-3376-3**

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Downloaded from eduresourceza.com